Olu xwebhu kufuneka lufundwe njengenxalenye yeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (ezikolo)

Le Nkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R kwele-9 (ezikolo) iquka:

1. INkcazelo Jikelele
2. INkcazelo zeeNkalo zeziFundo ezisibhozo:
   - IiLwimi
   - IMathematika
   - INzululwazi ngezoBugqi
   - INzululwazi ngezeNtlalo
   - UbuGcisa neNkcubeko
   - IsiFundo ngezoBomi
   - INzululwazi ngezoQoqosho noLawulo
   - ITeknoloji

INQAKU ELIYA KUMFUNDI

ISebe leMfundo liyazindla ngokwazisa le Nkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (ezikolo) kwiilwimi ezili-11 zaseburhulumenteni zoMzantsi Afrika.

Inkqubo yenguqulelo intsonkothile kwaye icel'umngeni. Kumaxa amaninzi isigama nokukhethwa kwamagama kufuneke ukuba kuphuhliswe ngabantu ebebesebenza ngala maxwebhu. La maxwebhu avavanywe ngaphandle zingcaphephe.

ISebe leMfundo liwabona la maxwebhu njengesiqalo senkqubo yokukhulisa noku-phuhlisa iilwimi zethu. Siyabavumela sibakhuthaza abantu kwimimmandla ukuba bawasebenzise la maxwebhu njengesiseko sokuqhubela phambili uphuhliso.

# UYISEBENZISA NJANI LE NCWADI

- Ukufumana ulwazi jikelele:
  - *Ukwazisa iNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe* - kwiSahluko soku-1- Esi sinika ulwazi kwiMfundo esekeke kwiziPhumo, iNkcazelo yeKharityhulamu eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (eziKolo) neenkqubo zokuFunda;
  - *Ukwazisa iNkalo yesiFundo* kwiSahluko soku-1- Esi sinika intshayelelo yeNkcazelo yeNkalo yesiFundo ukuquka neempawu zayo, ummandla, neziPhumo zeziFundo;
  - *UkuHlolwa koMfundi kwiSahluko sesi-5*- Esi sahluko sinika izikhokelo zemigaqo yohlolo, kwiMfundo eSekeke kwiziPhumo, ixoxa ngohlolo oluzingileyo, kwaye sinika nemizekelo yokugcina iirekhodi;
  - *UluHlu lweZalathisi lunika* iNkcazelo yamagama eKharityhulamu noHlolo kunye neNkcazelo yamagama eNkalo yesiFundo ethile.

- Isiqu sale ncwadi sahlulwe saba zizahluko eziliqela. Kukho isahluko sesiGaba ngasinye seBakala seMfundo noQeqesho Jikelele – ,isiGaba esisiSeko, isiGaba esiPhakathi, nesiGaba esiPhakamileyo. Isahluko ngasinye sinecandelo lwesishwankathelo sentshayelelo, elilandelwa yimiGangatho yokuHlola yesiGaba. Kukho nesahluko sokuHlolwa komFundi.

- ImiGangatho yokuHlola yesiGaba ngasinye yaziswe ngendlela eyenza kube lula ukulandela inkqubela phambili. Oku kuthetha ukuba imiGangatho yokuHlola yebanga ngalinye ilandelelanisiwe ukwenzela ukuba ootitshala bakwazi ukuthelekisa inkqubela-phambili ngokuhamba kweminyaka. Isiphumo soku zizithuba ezingenanto, kuba ayiyiyo yonke imiGangatho yokuHlola edibanayo kumabanga ngamabanga.

- Imiqondiso ethile isetyenzisiwe kuyo yonke le ncwadi ukukhokela umfundi ekufumaneni ulwazi alukhangelayo. Le miqondiso yile:

ImiGangatho yokuHlola

IBanga

IsiPhumo sesiFundo

# ISIQULATHO


**ISAHLUKO SOKU-1: INTSHAYELELO** 1

UKWAZISA INKCAZELO YEKHARITYHULAMU YESIZWE 1

ImFundo esekeke kwiziPhumo 1

Isakhiwo seNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe: IiNkcazelo zeeNkalo zeziFundo 2

INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo: IiNkcazelo zokuFunda 3

UkwAbiwa kweXesha 3

UHlolo 3

UHlobo oluLindelekileyo lweTitshala 4

UHlobo oluLindelekileyo lomFundi 4

INTSHAYELELO YENKALO YESIFUNDO YEELWIMI– ISIXHOSA 4

INkcazelo 4

INkqubo yoNgezelelo kwiiLwimi eziNinzi 5

ULwimi lokuFunda nelokuFundisa (LOLT) 6

INjongo 6

IiMpawu ezizoDwa nomMandla 7

IziPhumo zesiFundo zoLwimi 8

**ISAHLUKO SESI 2: ISIGABA ESISISEKO (AmaBanga ukusuka ku-R ukuya kwelesi-3)** 11

INTSHAYELELO 11

UkuGqalisela 11

UkuKhuliswa ulwAzi loLwimi – iGrama, isiGama, noBizo lwamaGama 13

IZIPHUMO ZEZIFUNDO 14

IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 14

IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 14

IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 14

IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 14

IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 14

IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 15

IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA 15
ImiGangatho yokuHlola neziCatshulwa zeBanga R 15
IziCatshulwa eziCetyiswayo 15
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 16
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 16
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 17
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 17
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 18
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 19

ImiGangatho yokuHlola neziCatshulwa
ImiGangatho yokuHlola neziCatshulwa zamabanga ukusuka
kwelo-1 ukuya kwelesi-3 20
IziCatshulwa eziCetyiswayo 20
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 24
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 28
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 32
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 40
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 44
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 48

ISAHLUKO SESI 3: ISIGABA ESIPHAKATHI
(AmaBanga ukusuka kwelesi-4 ukuya kwelesi-6) 53

INTSHAYELELO 53
UkuGqalisela 53
UkuSetyenziswa koLwimi lweNkobe lomFundi 54

IZIPHUMO ZESIFUNDO 54
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 54
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 54
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 55
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 55
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 55
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 55

IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA 57
ImiGangatho yokuHlola neziCatshulwa zamabanga ukusuka kwelesi-7 ukuya kwele-9
IziCatshulwa eziCetyiswayo 57
Umxholo wezicatshulwa 57
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 62
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 66
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 70
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 76
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 80
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 84

ISAHLUKO SESI 4: ISIGABA ESIPHAKAMILEYO (AmaBanga ukusuka kwelesi-7 ukuya kwele-9) 91

INTSHAYELELO 91
UkuGqalisela 91
UBuchule bokuFunda kwimFundo yoBomi bOnke 91

IZIPHUMO ZESIFUNDO 92
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 92
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 92
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 92
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 92
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 93
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 93

IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA 94
IziCatshulwa eziCetyiswayo 94
Umxholo wezicatshulwa 94
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 100
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 102
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 108
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 116
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 122
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 126

ISAHLUKO SESI 5: UKUHLOWA KOMFUNDI 131

INTSHAYELELO 131

imigaqo yohlolo esetyenziswa kwimfundo esekeke kwiziPhumo 132
INkcazelo 132
IiMpawu ezinguNdoqo 132
INjongo yokuHlola 132

UHLOLO OLUZINGILEYO 133
IiMpawu zoHlolo oluZingileyo 133
IiNdlela ngeNdlela zokuHlola 134
UmSebenzi wokuHlola oFanayo 135

Ukulawulwa kohlolo 136
AbaNtu abaBandakanyeka kuHlolo 136
UmGaqo wesiKolo wokuHlola 136

Ukugcinwa kwengxelo 137
IiNcwadi zeNgxelo 137
IiKhowudi eziSetyenziswa kuHlolo 138
IiKhowudi zeSizwe 139
UluDwe lweNkqubela-phambili 139
IiNgxelo zomFundi 140

Iingxelo 141
UlwAzi oluFuneka luBandakanywe kwiiNgxelo 141
AmaCwecwe eNgxelo 141

ULUHLU LWEZALATHISI 146

INKCAZELO YAMAGAMA OHLOLO NAWEKHARITYHULAMU 146

INKCAZELO YAMAGAMA ENKALO YESIFUNDO 148

***ISAHLUKO SOKU-1***

# INTSHAYELELO

## UKWAZISA INKCAZELO YEKHARITYHULAMU YESIZWE

UMgaqo-siSeko weRiphabliki yoMzantsi Afrika yonyaka ka1996 ( uMthetho we- 108 ka 1996) unika isiseko sokuguqula nokuphuhlisa ikharityhulamu kuMzantsi Afrika wanamhla. Intshayelelo yoMgaqo-Siseko ichaza ukuba iinjongo zoMgaqo-siSeko kuku:

- phelisa iiyantlukwano zangaphambili kwaye kuzinziswe uluntu olusekwe kukuxabiseka kwesizwe esilawulwa yintando yesininzi, kubulungisa bentlalo namalungelo oluntu asisiseko.
- phucula umgangatho wobomi wabemi bonke nokukhulula amandla aleleyo omntu ngamnye.
- enza isiseko soluntu solawulomelo nesivulekiyo apho urhulumente usekeke kwintando yabantu kwaye wonke ummi ukhuselwe ngokulinganayo ngumthetho.
- akha uMzantsi Afrika olawulwa yintando yesininzi omanyeneyo okwaziyo ukuthatha indawo elungileyo njengombuso ozimeleyo kumnombo wezizwe.

ImFundo nekharityhulamu zinendima ebalulekileyo eziyidlalayo ekuphumezeni ezi njongo. Ikharityhulamu inenjongo yokuphuhlisa ngokupheleleyo amandla aleleyo omfundi ngamnye njengommi woMzantsi Afrika olawulwa yintando yesininzi.

### ImFundo esekeke kwiziPhumo

Imfundo esekeke kwiziPhumo yakha isiseko sekharityhulamu eMzantsi Afrika. Izama ukwenza ukuba bonke abafundi baphumelele kowona mgangatho wabo wobuchule uphezulu. Oku kwenziwa ngokumisela iziphumo emaziphunyelelwe ekupheleni kwenkqubo. Iziphumo zikhuthaza inkqubo yemfundo ejolise kumfundi nakwimisebenzi. INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yakha iziphumo zezifundo zeBakala leMfundo noQeqesho Jikelele zamaBanga ukusuka kuLwamkelo ukuya kwele-9 ( ezikolo) kwiziPhumo ezingundoqo nakweziphuhlisayo.

Iziphumo ezingundoqo zilindela abafundi abaza kukwazi uku

- chonga nokusombulula iingxaki nokwenza izigqibo besebenzisa ingcinga enzulu neqiqayo.
- sebenza ngokufanelekileyo nabanye, njengamalungu eqela, imibutho noluntu.
- kuzicwangcisa nokuzilawula becwangcisa kwaye belawula nemisebenzi yabo ngokuthembekileyo nangokufanelekiyo.
- qokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuvavanya ulwazi ngokunzulu.

- nxibelelana ngokufanelekileyo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso no/okanye bolwimi kwimizekelo eyahlukeneyo.
- sebenzisa inzululwazi neteknoloji ngokufanelekileyo, bebonakalisa ngokunzulu iimfanelo kummandla nempilo yabanye.
- bonisa ingqiqo yelizwe njengoluhlu lwezixokelelwano ezinxulumeneyo ngokunakana ukuba iimeko zokusombulula iingxaki azenzeki ngokwahlukeneyo.

Imibandela efana nobuhlwempu, ukungalingani, ubuhlanga, isini, ubudala, ukukhubazeka, nemiceli mingeni efana neHIV/AIDS yonke iphembelela iqondo nendlela apho abafundi bangathabatha ngayo inxaxheba ekufundeni. INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka kwibanga loLwamkelo ukuya kwele-9 isebenzisa inkqubo edibeneyo yokumisela ubuncinane beemfuno zabafundi bonke.Zonke iiNkcazelo zeeNkalo zeziFundo zizama ukuyila ingqiqo yolwalamano phakathi kobulungisa bentlalo, amalungelo oluntu, ummandla ophilileyo, nokuqukana. Bonke abafundi bakhuthazwa ukwandisa ulwazi, nengqiqo yokwahlukana kobutyebi beli lizwe, ukuquka  nezakhiwo zenkcubeko, zenkolo nobuhlanga kule yantlukwano.

## INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo : IiNkcazelo zeeNkalo zeziFundo

INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka kwibanga loLwamkelo ukuya kwele-9 iqulathe le Nkcazelo Jikelele neNkcazelo yeeNkalo zeziFundo ezisibhozo:

- IiLwimi
- IMathematika
- INzululwazi ngezoBugqi
- INzululwazi ngezeNtlalo
- UbuGcisa neNkcubeko
- IsiFundo ngezoBomi
- INzululwazi ngezoQoqosho noLawulo
- ITeknoloji

INkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye ichaza iziPhumo zeziFundo ezingundoqo ekufuneka ziphunyelelwe ekupheleni kweBanga le-9. INkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye ichaza imiGangatho yokuHlola iya kwenza iziPhumo zesifundo ziphunyelelwe. ImiGangatho yokuHlola yeyebanga ngalinye kwaye ichaza ububanzi nobunzulu ekufuneka abafundi bekwazile kwaye bakwazi ukukwenza. ImiGangatho yokuHlola yeNkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye ibonisa indlela ukukhula kwengqiqo nobuchule okunokwenzeka ngayo ekuhambeni kwexesha. ImiGangatho yokuHlola inokuhlanganiswa kumabanga nangokudibene ngokweeNkalo zeziFundo (apho kuyimfuneko nakwimfundo elungileyo) nakwingqiqo yenkqubela-phambili ngokwamabanga kusembindini wale kharityhulamu.

## INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo: IiNkqubo zokuFunda

INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo ijolise ekuphuculeni ukuzibophelela nobuchule phakathi kootitshala abaya kuba noxanduva lokuphuhlisa iiNkqubo zokuFunda zabo. Ukuze kuxhaswe le nkqubo, iSebe leMfundo liya kunika izikhokelo zemigaqo esekeke kwiNkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye. Amaphondo aya kuphuhlisa ezinye izikhokelo apho kuyimfuneko ukumelana neyantlukwano.

Imigaqo ezizisekelo nokuxabiseka kweeNkcazelo zeeNkalo zezifundo zeNkcazelo zeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo zisekela iiNkqubo zokuFunda. Ekubeni iiNkalo zeziFundo zichaza iingqiqo, ubuchule, nokuxabiseka ekufuneka ziphunyelelwe ngokwebanga ngokwebanga, iiNkqubo zokuFunda zona zichaza ububanzi bemisebenzi yokufunda nokuhlola yesigaba ngasinye. IiNkqubo zokuFunda ziqulathe izintlu zemisebenzi ezinika isantya nolandelelwano lwale misebenzi kunyaka ngamnye, nemizekelo yokuqulunqwa kwezifundo enokuzalisekiswa naninina.

KwisiGaba esisiSeko kukho iinkqubo zokufunda ezintathu ezizezi: iLitheresi, ukukwazi ukusebenzisa amaNani nezakhono zoBomi. KwisiGaba esiPhakathi iiLwimi, neMathematika zisale zizinkqubo zokufunda ezizimeleyo.Ezinye iiNkalo zeziFundo zingahlanganiswa ngamaphondo ngemvume yamasebe emfundo yamaphondo. Amaphondo anegunya lokuphuhlisa izigqibo ezibanzi ngokwephondo kuhlanganiso lwesiGaba esiPhakathi. KwisiGaba esiPhakamileyo kukho iinkqubo zokufunda ezisibhozo ezisekeke kwiiNkalo zeziFundo. Ixesha elabelwe iNkalo yesiFundo nganye lalathelwe onke amaBanga neziGaba.

## UkwAbiwa kweXesha

NgokwesiQendu soMthetho weNgqesho weeTitshala, (1998), iimini zesikolo ezisesikweni zootitshala ziya kuba yimizuzu esixhenxe. NgokoMthetho woMgaqo weMfundo yeSizwe, (1996), ixesha lokufundisa elisesikweni ngeveki liziyure ezingama - 35. Oku kumiselwe kwi:

1. Xwebhu lweNkcazelo Jikelele ISBN 1-919917 iphepha le-19
2. Government Gazette No. 23406, Vol. 443 Meyi 2002. Amaphepha ama-26 nama-27.

## UHlolo

INkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye iqulathe icandelo ngeenkcukacha zohlolo. Isakhelo semfundo esekeke kwiziPhumo isebenzisa iimethodi zohlolo ezivumela iimeko ezahlukeneyo. UHlolo kufuneka lunike izalathisi zokuphunyelelwa ngumfundi kwimeko efanelekileyo necoselelekileyo kwaye luqinisekise ukuba abafundi bahlanganisa ubuchule kwaye babusebenzise. UHlolo kufuneka kwakho luncede abafundi ukwenza izigwebo malunga nabakwenzayo , bamisele iinjongo zenkqubela- phambili nokuqhubela phambili ukufunda.

### UHlobo oluLindelekileyo lweTitshala

Ootitshala kuyo yonke imigangatho ngabanikeli abaphambili ekuguqulweni kwemfundo eMzantsi Afrika. INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBnaga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 ( eziKolo) inembono yetitshala oqeqeshiweyo, enobuchule , ozinikeleyo nonenkathalo. Baya kukwazi ukuphumelelisa iindima ezahlukeneyo ezikwimiGangatho neziLinganiselo zootitshala. Oku kuquka ootitshala njengabalamli bemfundo, abatoliki, abayili beenkqubo zezifundo,nezixhobo zokufunda, iinkokheli, abalawuli, oomanejali, abafundi, abaphandi nabafundi abafunda ubomi bonke, amalungu oluntu, abemi, abacebisi, abahloli neencutshe zenkalo yesifundo/ yesigaba.

### UHlobo oluLindelekileyo lomFundi.

Ukuphuculwa kokuxabiseka akubalulekanga kuphela ekuziphuhliseni , kubaluleke nakukuqinisekisa ukuba ubunguwe ngokobuzwe boMzantsi Afrika bakhelwe kukuxabiseka okwahlukileyo koko kwakuxhasa imfundo yocalu-calulo. Uhlobo lomFundi olulindelweyo ngulowo oza kuzaliswa koku kuxabiseka noya kusebenza kumdla woluntu ngokusekeke kwintlonelo yesizwe esilawulwa yintando yesininzi, ukulingana, isidima somntu, ubomi nobulungisa bentlalo.

Ikharityhulamu izama ukuyila umfundi ofunda ubomi bonke, ozithembileyo, ozimelayo, ofundileyo, okwazi ukubala onobuchule obuninzi, onothando nonentlonipho yommandla nonobuchule bokuthatha inxaxheba kuluntu njengommi ohluzayo nokhutheleyo.

## INTSHAYELELO YENKALO YESIFUNDO YEELWIMI- ISIXHOSA

### INkcazelo

INkalo yeziFundo yeeLwimi iquka:

- Zonke iilwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni isiPedi, isiSuthu, Siswati, isiTswana, Xitsonga, Tshivenda, isiBhulu, isiNgesi isiNdebele, isiXhosa, isiZulu.
- Iilwimi ezivunywe yiBhodi yeeLwimi Zonke zoMzantsi Afrika, iPan South African Board (PANSALB) neBhodi eLawula iziQinisekiso zaBafundi beBanga leshumi elinesibini eMzantsi Afrika, ìSouth Africa Certification Board (SAFCERT), ezifana nolwimi lweeMinwe neBreyile.

INkalo yesiFundo yolwimi lwaseburhulumenteni nganye yaziswe njengeenxalenye ezintathu iyleyo inomthamo wayo; ulwimi lweNkobe, ulwimi olongezelelweyo lokuqala, nolwimi olongezelelweyo wesibini.

Kwilizwe elineelwimi ezininzi njengeloMzantsi Afrika kubaluleke kakhulu ukuba abafundi bafikelele kumanqanaba aphezulu obuchule beelwimi ezimbini ubuncinane, kwaye bakwazi nokunxibelelana ngezinye iilwimi.

## INkqubo yoNgezelelo kwiiLwimi eziNinzi

INkalo yesiFundo yeeLwimi ihambisana nomgaqo wolwimi kwimfundo yeSebe leMfundo. Lo mgaqo unika amaBhunga aLawula iziKolo uxanduva lokwenza imigaqo yolwimi lwesikolo efanele iimeko zabo kwaye ehambisana nomgaqo wongezelelo kwiilwimi ezininzi. INkcazelo yeNkalo yesiFundo yeelwimi inika ikharityhulamu exhasa nasiphi isigqibo esenziwa sisikolo. Ilandela inkqubo yongezelelo kwiilwimi ezininzi

- Bonke abafundi bafunda ulwimi lwabo lweNkobe nolwimi olunye olongezelelweyo ubuncinane.
- Abafundi baba nobuchule kulwimi olongezelelweyo ekubeni ulwimi lweNkobe lulondolozwa kwaye lukwaphuhliswa.
- Bonke abafundi bafunda iilwimi zesiNtu kangangeminyaka emithandathu ekupheleni kwebakala GET. Kwezinye iimeko lungafundwa njengolwimi lwesibini olongezelel weyo.

Ulwimi lweNkobe, iilwimi ezongezelelweyo, elokuqala nelesibini zenziwe ngeendlela ezahlukeneyo:

- Imigangatho yokuhlola yolwimi lweNkobe luqikelela ukuba abafundi beza esikolweni sebeluqonda kwaye beluthetha ulwimi. Baxhasa ukukhuliswa kobu buchule, ingakumbi ngokuphathelele kwiintlobo ezahlukeneyo zobuchule (bokufunda, bokubhala, bokubona nokuhlautya). Obu buchule bunika ikharityhulamu eyomeleleyo ukuxhaza ulwimi lokufunda nokufundisa (LOLT).
- Ulwimi olongezelweyo lokuqala luqikelela ukuba abafundi abanalwazi lolwimi xa befika esikolweni. Ikharityhulamu yesikolo iqalisa ngokukhulisa ubuchule bengqiqo nobokuthetha ulwimi. Kwesi siseko lwakha ubuchule. Abafundi bayakwazi ukugqithisela ubuchule ababufumene kulwimi lweNkobe kulwimi lokuqala olongezelelweyo. Ikharityhulamu inika inkxaso eyomeleleyo kwabo bafundi abaza kuqala ukusebenzisa ulwimi lokuqala olongezelelweyo njengolwimi lokufunda nokufundisa kwezinye iincam zebakala leGET. Ekupheleni kweBanga le-9, aba bafundi kufuneka bakwazi ukusebenzisa ulwimi lwabo lweNkobe nolongozelelweyo ngokufanelekieyo nangokuzithemba kwiinjongo ezahlukeneyo ukuquka nokufunda.
- Ulwimi lwesibini olongezelelweyo lujolise kubafundi abanqwenela ukufunda iilwimi ezintathu. Ulwimi lwesithathu lungaba lulwimi olusemthethweni okanye ulwimi lwa mazwe ngamazwe. ImiGangatho yokuHlola iqinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukusebenzisa ulwimi kwiinjongo zonxibelelwano jikelele. Ziqikelela ukuba lixeshana elincinane eliya kwabelwa ukufundwa
koLwimi lwesibini olongezelweyo kuneliya kwa belwa ulwimi lweNkobe nolokuqala olongezelelweyo.

INkalo yesiFundo yeeLwimi iquka iilwimi ezili-11 zaseburhulumenteni:

- ulwimi lwenkobe
- ulwimi lokuqala olongezelelweyo
- ulwimi lwesibini olongezelelweyo

## ULwimi lokuFunda nelokuFundisa (LOLT)

Sicebisa ukuba ulwimi lweNkobe lomFundi kufuneka lusetyenziswe ekufundeni nasekufundiseni (LOLT) apho kuyimfuneko. Oku kubaluleke kakhulu kwisiGaba esisiSeko apho abantwana bafunda ukufunda nokubhala.

Apho abafundi kufuneka beguqukele kulwimi olongezelelweyo ngeenjongo zokufunda nokufundisa (LOLT) kufuneka oku kuqulunqwe ngocoselelo:

- Ulwimi olongezelelweyo kufuneka luqaliswe njengesifundo ukufundwa kwangethuba.
- Ulwimi lweNkobe kufuneka luqhutyelwe phambili kangangoko ukusetyenziswa ngethu ba kusetyenziswa nolwimi olongezelelweyo .
- Apho abafundi bangena isikolo ulwimi lokufunda nokufundisa ilulwimi olongezelelweyo, ootitshala nesikolo kufuneka banike uncedo nenkxaso yokufunda ulwimi olongezelelweyo kude kube lixesha apho umfundi akwaziyo ukufunda ngokufanelekileyo kulwimi lokufunda nokufundisa (LOLT).

## INjongo

Iilwimi zikwincam yobomi bethu. Sinxibelelana kwaye siqonde ihlabathi ngolwimi. Ulwimi ngoko lubumba ubunguwe nolwazi.

Iilwimi zenza iinjongo ezahlukeneyo, ezibonisiweyo kwiNkcazelo yeNkalo yesifundo yeeLwimi. Ezi zezi:

- *Ezobuqu* - ukugcina ukwalamana okuluqilima kusapho nakuluntu, ukuzazi ubuni bakho, ukuzi phuhlisa nokuzonwabisa.
- *Unxibelelwano* - ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangempumelelo kwiimeko zentlalo.
- *Ezemfundo* - ukukhulisa izixhobo zokucinga nokuqiqa kwaye kunikwe indlela yoku fikelela kulwazi.
- *Ubuhle*- ukusebenzisana ngomlomo, ngokubonwayo nangoncwadi olubhaliweyo ngokuyila nangokuthelekelela.
- *Inkcubeko* - ukuqonda nokuxabisa iilwimi neenkcubeko nelifa abanalo.
- *EzePolitiko* - ukuvuma nokucela umngeni kummandla, ukucenga abanye ngoluvo oluthile , ukubeka abanye nokuphuhlisa nokugcina nokuguqula ubungabo.
- *Ngokunzulu* - ukuqonda ulwalamano phakathi kweelwimi, amandla, nobunguwe, nokucela umngeni ekusetyenzisweni kwezi zinto apho kuyimfuneko. Ukuqonda isimo sokuguquguquka kwenkcubeko nokuxhathisa kukucengwa nokubekwa apho kuyimfuneko.

## Iimpawu ezizoDwa nomMandla

### Inagalelo lini iNkalo yesifundo yeeLwimi kwikharityhulamu?

INkalo yesiFundo yeeLwimi:

- iphuhlisa ukufunda nokubhala, okusisiseko sezinye izakhono ezibalulekileyo.
- yindlela yokufunda ezinye izifundo kwikharityhulamu ezinjengemathematika nezenzululwazi yentlalo.
- ikhuthaza ingqiqo yenkcubeko ezahlukeneyo nokufikelela kwiinjongo zabanyenengqiqo enzulu yesigama senkcubeko.
- ivuselela iintelekelelo nesiphiwo sokuyila kwaye ziphucule iinjongo zobugcisa nenkcubeko.
- inika indlela yokunxibelela ulwazi, nokuphucula iinjongo ezininzi zemfundo ngenzululwazi, zeteknoloji, nemfundo yommandla.
- yandisa izixhobo eziyimfuneko zokuba ngabemi abathembekileyo besizwe.

### Iilwimi: ukuhlanganisa ulwazi, ubuchule nokuxabiseka

Kuneziphumo ezi- 6 eziphambili:

- iziphumo ezi-4 zokuqala zibhekiselele kubuchule obu-5 obahlukeneyo bolwimi ( ukumamela, ukuthetha, ukufunda, ukubukela nokubhala.
- isiphumo sesi-5 sibhekiselele ekusebenziseni iilwimi ngeenjongo zokucinga nokuqiqa ezibalulekileyo kulwimi lokufunda nokufundisa (LOLT).
- isiphumo sesi-6 sisebenza ngembilini yolwimi izandi, amagama negrama – kwisicatshulwa. Olu lwazi lusetyenziswa ngobuchule bolwimi oluchazwe kwezinye iziphumo.

Ezi ziphumo zibhalwe ngokunika ingqalelo ethile kuhlobo oluthile lolwazi, nobuchule obuthile ukuzenza zicace kwaye ziqondakale. Xa sisebenzisa ulwimi sidibanisa ulwazi, ubuchule nokuxabiseka ukuzivakalisa. Umgaqo ongundoqo weNgxelo yesiFundo yeeLwimi ngoko kukudityaniswa kwezimo zolwimi ekuyileni nasekutolikeni izicatshulwa.

## IziPhumo zesiFundo zoLwimi

### IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi, kwaye emamelelele nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo nangokunzulu kwiimeko ngokubanzi.**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngempumelelo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezibanzi**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi kwaye afundele ukuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezineengongoma ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa aze alusebenzise ekufundeni**

### IsiPhumo sesiFundo-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## Ukuhlanganisa iziphumo

UkuMamela nokuthetha, ukufunda nokubukela, ukubhala, ukucinga nokuqiqa, nolwazi lwezandi, amagama, negrama kufuneka ziddityaniswe xa zifundiswa naxa zihlolwa nangona zinikwe njengeziphumo ezahlukeneyo. Umzekelo abafundi baya:

- kumamela uhlobo oluthile lwesicatshulwa (umzekelo, inkcazelo yenkqubo efana nokombiwa kwegolide okanye ukwenza iphepha),
- kufunda bahlalutye iimpawu eziphambili zesinye isicatshulwa esiluhlobo olufanayo nolu lungentla (umzekelo: ukusebenzisa ixesha langoku, nezihlanganisi, ezifana kodwa, ze, kuba),
- kubhala isicatshulwa esitsha sohlobo olufanayo ukuquka izixhobo ezibonwayo kwisimo somzobo ojikelezayo.

## Ukuyila nokutolika izicatshulwa

Ukuze abafundi bakwazi ukuyila nokutolika kufuneka babe nolwazi malunga nolwimi, ulwazi, malunga neziCatshulwa, ubuchule neendlela zolwimi

Izicatshulwa zingaba:

- zEzomlomo, umz: intetho
- ezibhalwayo, umz: ileta
- intlanganisela yokubhalwayo nokubonwayo, umzekelo isazisi
- ezezixhobo zokusasaza ezininzi, umz: izicatshulwa zethelevizhini,

Ulwazi lolwimi nolwezicatshulwa ukuquka nolwazi malunga :

- nemeko- injongo, isihloko nabaphula-phuli
- nesakhiwo sesicatshulwa, umz: somhobe, okanye sesazisi
- nolwimi olunxulumene nemvumelwano noqheliso lwentlalo, umz: indlela abantu ababulisa ngayo kwiilwimi ezahlukeneyo
- negrama, izandi, nesigama solwimi
- nobhalo nopelo lwesicatshulwa esibhaliweyo
- nemifanekiso noyilo kwisicatshulwa esibonwayo

## Ukuhlanganisa ulwimi: ukuxabiseka

Zonke izicatshulwa ziqulathe ukuxabiseka okwakhayo ( umz: idemokrasi) okanye okungakhiyo (isini, ubuhlanga).Oku kuxabiseka akusoloko kucacile. Abafundi kufuneka bakuqaphele oku kwaye bahlalutye ukuxabiseka okukhoyo kwizicatshulwa abazifundayo nabazibukelayo nezo baziyile ngokwabo.

Xa abafundi behlalutya, apho kuyimfuneko, kwaye becela umngeni ngendlela ekubekwe ngayo ukuxabiseka kwizicatshulwa zomlomo, ezibonwayo nezibhalwayo baya:

- kufunda, ukuba izicatshulwa ziyithatha njani imbono ethile yabantu neziganeko.
- kwandisa ubuchule obunzulu bokuvavanya kwaye ukuba kuyimfuneko bachase ezi mbono nokuxabiseka kwazo okuphathelele kubo.
- kuqaphela indlela yokuvakalisa ukuxabiseka obukwizicatshulwa eziyilwe ngabo umz: unyamezelwano, uvelwano, ulonwabo, ubuhle, uburharha, ukuthanda ukudlala) kwizicatshulwa ezenziwe ngabo.

### Ukuhlanganiswa kokufundwa koLwimi: imixholo

Ukufundwa koLwimi lusenokuhlanganiswa ngemixholo. Ukusebenzisa umxholo kuvumela umfundi ukuba akhe isigama esiphathelele kwisihloko.

Ukhetho olululo lwemixholo nezihloko aluniki ntlanganisela kuphela, lukwakhuthaza umdla wabafundi. Ukuphumelelisa oku, kufuneka uzame:

- ukufumana ulungelelwaniso lwezihloko nemixholo ethi inike umdla kumakhwenkwe namantombazana, kubafundi basezidolophini nabasemaphandleni imixholo ethi ihlanganise abafundi kule yantlukwano.
- ukukhetha izihloko ezinxulumene nobomi bababafundi, kwaye zibe ngaphaya koko sebekwazi kakade. Umz.: bangafunda ngamanye amazwe neenkcubeko.
- nokukhetha imixholo nezihloko ezinxulumana neziphumo ezingundoqo nezakhayo. umzekelo, abafundi kufuneka bazibandakanye kwimibandela ebalulekileyo yamalungelo oluntu, ommandla efana nobuhlwempu, HIV/AIDS, ilungelo kumhlaba, nolwimi olusetyenziswa ngabathengi

### Amalungelo oluntu nobulungisa bommandla

Iilwimi zizixhobo ezibalulekileyo ukuphumelelisa amalungelo oluntu nobulungisa bommandla. Ngemigangatho yokuhlola iNkcazelo yeNkalo yesiFundo yeeLwimi izama ukukhulisa esi sixhobo sibe kwawona mandla waso aleleyo. Abafundi abanezixhobo ezinzulu zokufunda  ngelizwe labo nangezicatshulwa ezithethwayo nezibhalwayo malunga nalo kufuneka bazithembe kwiilwimi ezimbini ( okanye kwiilwimi ezininzi). Kufuneka bakwazi ukuhlalutya ezi zicatshulwa kwaye baphinde bazibhale ngeendlela ezandisa amathuba onxulumano lwamalungelo oluntu nobulungisa bommandla.

# ISAHLUKO SESI-2
# ISIGABA ESISISEKO
# (AmaBanga ukusuka ku-R ukuya kwelesi-3)

## INTSHAYELELO

Ekugqibeleni abantwana abaninzi baza kufunda ezinye iinkalo zezifundo ngolwimi olongezelelweyo. Kubalulekile ukuba baxhotyiselwe oku kwiiklasi zabo zolwimi olongezelelweyo. Umzekelo, kufuneka bakwazi ukuqiqa ngolwimi olongezeleweyo, ukubuza nokuphendula imibuzo ecel'umngeni.

Iincwadi zesikhokelo kwiBanga lesi-4 zifuna isigama sokufunda esingamawaka ngamawaka. Omnye wemisebenzi engundoqo weklasi yolwimi olongezelelweyo kukunceda abafundi ekuphuhliseni esi sigama. Ootitshala kufuneka bemisele oko kunokuphunyezwa, kwaye bahlole isigama somfundi njalo ngendlela yoqashiso-magama nemibuzo emifutshane.

### UkuGqalisela

#### Ukuqala - AmaBanga R neloku-1

Xa abantwana beqala ukufunda ulwimi olongezelelweyo, balufunda ikakhulu ngokulumamela. Umzekelo, bamamela amabali anophinda-phindo olwakhelweyo lwamagama amatsha nezakhi. Umbalisi webali usebenzisa izijekulo, imifanekiso nezinto eziyinyaniso ukwenzela ukuba intsingiselo icace. Abafundi baqala ukunika intsingiselo koko bakuvayo. Baqala bafumane amagama, izakhi, izandi nendlela yokunxibelelana. Kweli nqanaba ulwazi abanalo lungaphezulu kubuchule babo bokuthetha ulwimi. Njengoko abafundi beya bezithemba kwaye beqonda baya kuqalisa ukuthetha. Baya:

- kusebenzisa ulwimi olusisimiselo (umz: ukubulisa);
- kuphinda-phinda amagama namabinza asetyenziswa rhoqo;
- kuphendula imibuzo elula ngeempendulo ezifuna igama elinye okanye amabini;
- kucula iingoma ezilula;
- kwenza iimvano-ziphelo ezinentshukumo.

Kungafuneka ukuba abafundi basebenzise ulwimi lwabo lweNkobe, umzekelo, xa bexoxa ngovakalelo lwabo ebalini. Bayakufuna ukukhuthazwa nokunconywa njalo ukuba kufuneka babe ngabasebenzisi bolwimi abazithembileyo.

### Ulwazi olusisiseko oluzenzekelayo

Kubalulekile ukwakha isiseko esiluqilima solwazi ulwimi oluthethwayo. Le ngqiqo iquka ulwazi lwegrama nesigama esifumaneka ngokuzenzekelayo xa abafundi bemamela, naxa basebenzisa ulwimi olongezelelweyo. Esi siseko sibalulekile xa abafundi beqala ukufunda nokubhala kulwimi lwabo olutsha. Ukuphula-phula amabali kukwayinxalenye yesi siseko solwazi olusisiseko. Abantwana bafunda indlela yekwakhiwa kwamabali. Olu hlobo lolwazi lubizwa ngokuba 'lulwazi olusisiseko oluzenzekelayo.' Kukho ezinye iindlela apho abantwana bakhulayo kulwazi abaza sebenalo esikolweni, umzekelo:

- ukubona imiqondiso kwiindawo abakuzo baze baqonde ukuba ithetha okuthile;
- ukusebenzisa imvano-zandi ezidlala ngolwimi kwaye zikhulisa ingqiqo yokwahlula izandi zolwimi olutsha (ingqiqo izandi);
- ukuzama ukufunda nokubhala ulwimi lwabo olutsha nangona imibhalo yezandla zabo isenokukhangeleka ingamahla-ndinyuka ephepheni.

Ootitshala kufuneka basikhuthaze esi simo sobuchule bokubhala nokufunda. Mabaqinisekise kwakhona ukuba abafundi bafunda iincwadi zemifanekiso ezineentloko ezilula.

### Ukwenza inkqubela-phambili – IBanga lesi-2

Xa abafundi bethe bakwazi ukubhala nokufunda ngolwimi lwabo lweNkobe, baya kukwazi ukusebenzisa ubuchule babo bokufunda nokubhala kulwimi olongezelelweyo. Ubuchule babo bokugqithisa obu buchule buxhomekeke kulwazi lwabo lolwimi olongezelelweyo, ingakumbi ulwazi lwesigama negrama.

### Umzekelo:

- bangakwazi ukufunda ezi zivakalisi zilandelayo zisebalini ngolwimi lweNkobe umzekelo isiXhosa: 'UMajozi utsiba ucingo. Olu luphakame kakhulu';
- umntwana osebenza ngesi sivakalisi kwisiNgesi angasebenzisa ulwazi analo ngoonobumba ukuveza izandi zamagama. 'Majozi jumps the fence. It is very high';
- nangona oonobumba abaninzi bemele izandi ezifanayo, abanye bahlukile. Umzekelo u 'c' sisiqha kancu songqameko kwigama 'ucingo' kodwa ngu {s} ku 'fence' wesiNgesi. Okona kubalulekileyo kukuba amagama 'tsiba', 'ucingo', 'luphakame kakhulu' makabe kwisigama somlomo somntwana, kwaye kufuneka azi ukuba kwigrama u 'olu' usisikhombisi esibhekiselele ku 'cingo'.

Ngokuqinisekileyo, abantwana sele befundile kulwimi lwabo lweNkobe ukusebenzisa imifanekiso ecacisayo ukubanceda ekuqikeleleni intsingiselo yamagama. Nangona bazoba ngolwimi lweNkobe nje, kufuneka baqonde iimpawu ezizodwa zolwimi olongezelelweyo.

### Ukukhuthaza ubuchule bophuhliso

Abafundi baya kuqhubela phambili ukwandisa ubuchule bokuthetha nobokumamela. Kufuneka babe nakho ukumamela kwizicatshulwa ezide ezinesigama negrama eyahlukileyo. Abafundi kufuneka bekhuthaziwe ekuthetheni nasekubuzeni imibuzo ukuze bacacelwe koko bangakuqondiyo. Maxa wambi kuya kufuneka bethethe iilwimi ezininzi ngaxeshanye (umzekelo: ukunika impendulo yakhe ebalini) kodwa kufuneka bekhuthaziwe ekubeni bakwazi ukusebenzisa isiNgesi abasaziyo kangangoko.
Mababe nakho ukuthatha inxaxheba kwiincoko ezingeentloko eziqhelekileyo.

Ukuze babe nokwandisa ubuchule babo bokufunda, kufuneka befunde iincwadi ezininzi ezikumgangatho ofanele ubuchule babo bolwimi. Isigama esiphangaleleyo sibalulekile, kukwayimfuneko ukuba abafundi bagcine izichazi-magama zabo. UkuBhala nokufunda kunxulumene kakhulu. Kungenxa yokufunda kakhulu ukuze abafundi bakwazi ukubhala kakuhle. Kweli nqanaba, imibhalo kulwimi olutsha iquka ikakhulu:

- ukulebhila izinto (umz: imizobo yabo);
- ukubhala izintlu zezinto ezahlukeneyo;
- ukukhuphele nokubhala izivakalisi.

### Ukuqinisa inkqubela-phambili – iBanga lesi-3

Abafundi kufuneka beqinise ubuchule ekufundeni nasekubhaleni ulwimi olutsha. Kufuneka bazifundele iintlobo ngeentlobo zeentsomi neencwadi ezibalisa ngezinto ezenzekileyo kumgangatho olungele ubuchule bokufunda nobolwimi. Kufuneka beqhubele phambili ukwandisa isigama sokufunda ngokusigcina kwizichazi-magama zabo. Abafundi kufuneka bekhuthaziwe ukuba babhale ngolwimi olutsha. Ekuqaleni, kusetyenziswa amagama kuphela namabinza ukulebhila imifanekiso okanye ukugqibezela izivakalisi. Utitshala uya kufuneka abaxhase abafundi kwimibhalo yabo ngokubanika:

- izivakalisi "isakhelo" (umz: Ukutya endikuthandayo yi/ngu————);
- "izakhelo" zokubhala izicatshulwa ezifutshane (umz: ingxelo yencwadi).

Xa abafundi bekwazi ukuzenzela umsebenzi ngokwabo, singayeka ukubaxhasa ngezakhelo, ze sibakhuthaze babhale ngaphandle kwayo le nkxaso. Abafundi kufuneka bangoyiki ukwenza iimposiso. Khumbula: injongo yethu kukwakha ukuqiniseka nobuciko. Abafundi baqhubela phambili ukuphucula ubuchule babo bokuthetha nokumamela, ngokuthatha inxaxheba kwiincoko, bamamele kwaye bavelise izicatshulwa ezide ezizintlobo ngeentlobo. Kufuneka banikwe imisebenzi ecela umngeni eya kuthi ikhulise ulwimi olongezelelweyo ngokugqibeleleyo.

## UkuPhuhlisa ulwAzi loLwimi: iGrama, isiGama nokuBizwa kwamaGama.

Abafundi akufuneki bafundiswe imithetho yegrama okanye uluhlu lwesigama. Baya kufunda igrama, isigama nobizo lwamagama kwiimeko ngokuphinda-phinda:

- ukumamela nokufunda izakhi, amagama nezandi kwizicatshulwa zomlomo;
- ukubhala phantsi amagama angaqhelekanga kwizichazi-magama zabo, bawafunde kwaye bawasebenzise.

Kwiminyaka yokuqala yokufunda ulwimi olongezelelweyo, ubuciko, (ubuchule bokuqonda nokunxibelelana ngokuzithemba) bubalulekile kunocoselelo. Ukukhulisa isigama esiphangaleleyo kungundoqo kubuciko. Utitshala kufuneka enike imeko-bume etyebileyo kulwimi, kumgangatho apho abafundi abanokuthi bafikelele kuwo. Isigama esitsha kufuneka sisetyenziswe rhoqo ngokuhlanganisayo. Utitshala angabanceda kwakho abafundi ukuba:

- Bazakhele isigama kwizihloko nakwimixholo;
- Baqwalasele indlela amagama akhiwa ngayo (umz: ukonwaba/ukungonwabi);
- Banxulumanise amagama amatsha nalawo anentsingiselo efanayo kulwimi lweNkobe.

Xa abafundi benokufunda kwaye babhale, bangandisa isigama sabo ngokufunda banzi nangokurekhodisha ngendlela emisiweyo amagama kwisichazi-magama, baze bawafunde.

## IZIPHUMO ZESIFUNDO

### IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo emamelelela nokuzonwabisa, aze aphendule ngoku-fanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**
Abafundi kufuneka bamamele kakhulu ulwimi olongezelelweyo olukumgangatho ofanelekileyo. Oku sisiseko sokuphuhlisa bonke obunye ubuchule bolwimi.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokuzithemba nangokufanelekileyo, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi.**
Abafundi kuya kufuneka beqalisile ukuzivakalisa ngolwimi olongezelelweyo ngeendlela ezilula. Baya kuqala ukunxibelelana ngokudibeneyo ngokwamasiko nangolwimi . Mabafunda ngamava ukuba iilwimi ezininzi zitye-bisa bona nasekuhlaleni.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo nokuzonwabisa, aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**
Ukufunda kuyimfuneko ekukhuliseni ulwimi, ukufundeleni ukubhala ngokonwaba nasekufundeni ngehlabathi. Ukufunda izicatshulwa kunika isiqalo sokuhlanganisa ukufundisa nokufunda obunye ubuchule bezinye iilwimi.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa zeentsomi ezahlukeneyo nezineengongoma nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**
UkuBhala kuhambelana nokufunda kwaye kusisixhobo esifunekayo ekufundeni ngokudibene ngokwekharityhula-mu. Ukufunda ukubhala ngokufanelekileyo ngolwimi olongezelelweyo kubalulekile ukuba abafundi bafunde ezinye zeenkalo zezifundo ngolu lwimi.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, nasekufikeleleni kulwazi, alusebenzise ekufundeni.**
Abafundi baya kuqala ukuqonda isigama kwaye baza kufunda ubuchule neendlela zokucinga nokufikelela kulwazi lwezinye iinkalo zezifundo. Kubalulekile ukuba abafundi bakwenze oku kulwimi olongezelelweyo, ukuba basebenzisa olu lwimi ukufunda ezinye iinkalo zezifundo ngolu lwimi.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama negrama yolwimi ukuyila nokutolika isicatshulwa.**

Igrama nesigama ziziqobo zokwakha ulwimi. Isigama singundoqo kubuciko. Ukuba abafundi bangaphumelela imigangatho yobuchule efanayo kulwimi lweNkobe nakwiilwimi ezongezelelweyo ekupheleni kwebanga le-9, isigama kufuneka sithathe indawo yokuqala ukusuka kwiBanga R ukubheka phambili.

## IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA

**Qaphela:**

- Kumacandelo alandelayo kunikwe imiGangatho yokuHlola yesiPhumo ngasinye yebanga ngalinye. Imizekelo yezicatshulwa ezinokuhla-nganiswa ekufundeni ulwimi inikiwe. Le ayiyomizekelo epheleleyo utitshala angazongeza ngezicatshulwa ezifanelekileyo.
- Ootitshala kufuneka bakhumbule ukuba asingabo bonke abaFundi abenza iBanga R. Isigama nobuchule beBanga R bufuneka buqinisiwe kwiBanga loku-1.

### ImiGangatho yokuHlola yeBanga loLwamkelo

### IBanga R

#### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Imiyalelo elula
- Imidlalo yamabali, ixhaswe ngezijekulo, imifanekiso nezinto zokwenyani kuze kuquke nophinda-phindo (umzekelo: impinda-ngoma abangenelela kuyo abafundi)
- Iimvano-zandi ezinentshukumo
- Iingoma
- Imidlalo (kuquka leyo evela kwezinye iinkcubeko nezithethe).

**Ezibhaliweyo/Ezibonwayo:**

- Amabali-mifanekiso aquka lawo aneentloko ezilula.

**Ezezixhobo zosasazo ezininzi:**

- Iinkqubo ezilula ze-TV.

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo soku–1

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda amabali amafutshane, alula nadlalwayo ngoku -
  - ngenelela kwimpinda-ngoma kwindawo ezi fanelekileyo umz: "Sifikil'ezibukweni dancu, dancu siwelile, masisele emanzini";
  - zoba umfanekiso webali;
  - nxulumanisa ibali nobomi bakhe; ngokusebenzisa iingxoxo kulwimi lwakhe lweNkobe.
- qonda imiyalelo elula yomlomo (umz: Yima, Yiza apha.
- bonisa imbeko kwabanye abafundi ngokubanika ithuba lokuthetha, lokubamamela.

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 2

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngoku-fanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa aphendule ngokufanelekileyo imibuliso elula noondlela-ntle, baze babulele abantu.
- funda ngentloko kwaye acule iingoma nemvano-zandi ngesingqisho esifanelekileyo nobizo lwamagama olu-fanelekileyo ukuquka nokukhulisa ingqiqo yezandi.
- sebenzisa iindlela eziphucukileyo – 'nceda', enkosi', 'uxolo'.

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 3

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele ukuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda okubhaliweyo ngolwimi olukwinqanaba eliphezulu olusetyenziswa kwizixhobo zokusasaza, umzekelo: (Yima. Hamba).
- funda iincwadi-mifanekiso.
- xela izandi aqala ngazo amagama abo (inyathelo lokuqala lwengqiqo yezandi).
- funda imvano-siphelo neengoma ezikhulisa ingqiqo yezandi, umzekelo: Siya ezu, ezu, ezu. Ungeza nawe, nawe, nawe.

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 4

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezineengongoma nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- zoba imifanekiso, aze utitshala ayilebhile.
- qonda ukuba umbhalo wahlukile kumzobo.
- qonda injongo yokubhala ethi iqulathe intsingiselo.
- khuphela amagama asele ekwazi ukuwabiza.
- enza iinzame zokuzibhalela ngokwabo ezifana nokubhala amagama abo.

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 5

**UKUCINGANOKUQIQA**

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa kwaye elusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda ingqiqo nesigama esinxulumene ngo/nga/nge -
  - kuchonga (Igama lam ngu);
  - manani (nye, bini);
  - bukhulu (khulu, ncinane);
  - mibala (bomvu, mthubi);

- chonga izinto ezifanayo (umz: Beka zonke izinto ezimthubi zodwa).

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama, negrama yolwimi olongezelelweyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonakalisa ingqiqo kwiindlela ekubuzwa ngazo kwizicatshulwa zomlomo: Yintoni.......? Ngubani........? Zingaphi/ yimalini/ mingaphi iminyaka yakho? Njl.njl...............? Eyiphi........? Unga..........?
- bonakalisa ingqiqo ixesha langoku neliqhubekayo kwizicatshulwa zomlomo, umzekelo: Uthanda isikolo./Uyasithanda isikolo; Uyafunda)
- bonakalisa ingqiqo yeziyaleli kwizicatshulwa zomlomo, (umz: Yiza apha/ sukuhlala phantsi)
- bonakalisa ingqiqo kwiindlela ezisetyenziswa ngazo izenzi kwizicatshulwa zomlomo (umzekelo: Ndingatsiba, ndingabaleka)
- bonakalisa ingqiqo kwizakhiwo zezilanduli kwizicatshulwa zomlomo (umz: Andiyithandi inyama/ andikuthandi ukuqubha)
- bonakalisa ingqiqo kwizininzi zamagama (umz: incwadi - iincwadi) kuquka nalawo asebenza ngendlela engaqhelekanga umz: amafutha kwizicatshulwa zomlomo
- bonakalisa ingqiqo kwizimelabizo: mna, wena, yena.
- bonakalisa ingqiqo kwizakhi-zihlomelo nezihlomelo (umz: e-, kwi, phezu, phantsi) nakwiziphawuli ezimbalwa (umz: khulu/ncinane) nezihlomelo (umz: kancinane, ngokukhawuleza)
- azi amagama aqhelekileyo aphakathi kwamakhulu amabini(200) namakhulu amahlanu (500)

## ImiGangatho yokuHlola neziCatshulwa zamaBanga ukusuka kwelo-1 ukuya kwelesi-3

### IBanga loku-1

#### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Imiyalelo elula
- Amabali axhaswe ngezijekulo, imifanekiso nezinto zokwenyani kuze kuquke nophinda-phindo, (umz: iimpinda-ngoma)
- Amabali kanomathotholo, namabali ashicilelweyo
- Ukubaliswa kweziganeko ezidlulileyo
- Iinkcazelo ezilula
- Iimvano-zandi ezinentshukumo
- Iingoma
- Amaqhina neziqhulo

**Ezibhalwayo/Ezibonwayo**

- Amabali-mifanekiso neencwadi zemifanekiso (kuquka ezo zivela kwinkcubeko nezithethe)
- Imvano-siphelo
- Iifoto
- Imifanekiso yemagazini

**Ezezixhobo zosasazo ezininzi:**

- Iinkqubo ze-TV
- ICD Romu ne-intanethi (apho zifumanekayo)

## IBanga lesi-2

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Imiyalelo eya intsonkotha
- Okubaliswayo (amabali alula neendidi zeentsomi)
- Amabali kanomathotholo, namabali ashicilelweyo,
- Ukubaliswa kweziganeko ezidlulileyo
- Iinkcazelo ezilula
- Amagama ayingxaki (ulwimi oludibene ngokwekharityhulamu)
- Imvano-siphelo
- Iingoma
- Imihobe
- Oqashi-qashi neziqhulo

**Ezibhaliweyo/Ezibonwayo:**

- Amabali alula,( aquka lawo wenkcubeko nezithethe)
- Izintlu (umz: lwezinto eziza kuthengwa)
- Iinkcazelo ezilula
- Iingoma
- Iimvano-zandi nemihobe
- Imiyalelo (umz: iphepha eliyinqwelo-moya lenziwa njani)
- Iitshati zamaxesha ezilula (ulwimi olusetyenziswa kwezembali)
- Iingxaki ezilula zamagama (kwimathematika)
- Imidlalo (umz: imidlalo edlalwa eqongeni)
- Imifanekiso yeemagazini
- Iifoto

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi:**

- Iinkqubo zeTV
- Izazisi zeTV ezilula
- ICD Romu ne-intanethi (apho zifumanekayo)

## IBanga Lesi-3

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo**

- Imiyalelo eya intsonkotha
- Okubaliswayo (amabali alula kunye neendidi zeentsomi – kuquka nalowa ezithethe)
- Amabali kanomathotholo, namabali ashicilelweyo
- Ukubaliswa kweziganeko ezidlulileyo
- Iinkcazelo
- Iincoko neengxoxo
- Izazisi zikanomathotholo
- Iingoma
- Imihobe
- Oqashi-qashi neziqhulo
- Imidlalo

**Ezibhaliweyo/Ezibonwayo:**

- Iincwadi ( iintsomi nezo zibalisa inyaniso) ukuquka nezo zenkcubeko nezithethe
- Amabali ahlekisayo
- Izintlu
- Ukubaliswa kweziganeko ezidlulileyo
- Imiyalelo
- Imithetho
- Ikhalenda
- Izicatshulwa zasekuhlaleni (amacwecwe ezimemo, imibuliso)
- Imidlalo yabantwana
- Iitshati neegrafu zemiqolo
- Iphazili yamagama (umz: uhlobo oluthile looqashi-qashi)
- Imifanekiso evela kwiimagazini namaphepha-ndaba
- Iifoto

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi**

- Iinkqubo zeTV
- Izazisi zeTV
- ICD Romu ne-intanethi (apho zifumanekayo)

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo soku–1:

**UKUMAMELA**

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda amabali amafutshane alula, ngoku -
  - linganisa ibali;
  - ngenelela kwimpinda ngoma kwiindawo ezifanelekilyo;
  - enza umfanekiso webali;
  - beka imifanekiso ngokulandelelana;
  - phendula imibuzo kunjalo/akunjalo nemibuzo enempendulo enegama elinye;
  - chaza ukuba ibali limenza avakalelwe njani (kusebenzisa ulwimi lweNkobe apho kuyimfuneko).

- qonda iinkcazelo ezilula ( kumamela kwinkcazelo yento okanye yomntu nokuyihlanganisa nomfanekiso wayo.

- qonda imiyalelo yomlomo elula ngokuphendula ngenkangeleko (ukuphakamisa isandla).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda amabali amafutshane, ngoku -
  - qikelela into elingalo ibali ngokujonga isihloko;
  - linganisa ibali aze axele oko kuthethwa ngumlinganiswa emfanekisweni;
  - zoba imifanekiso ngebali batsho okanye bakhuphele amagama ambalwa ngaso;
  - landelelanisa imifanekiso baze badibanise iintloko kunye nemifanekiso;
  - phendula lula ngokunjalo/akunjalo nangeempendulo ezimfutshane;
  - xela ukuba ibali limenza azive njani;
  - phendule imibuzo anxulumanisa ubomi bakhe nolwimi lwabo lweNkobe.

- bonakalisa ingqiqo yokubalisa iziganeko ezidlulileyo ngokuzikhumbula ngokulandelelana kwazo (umz: Izolo, umakhulu uye edolophini. Uthenge izinto ezininzi. Kuqala, uthenge imifuno).

- bonakalisa ingqiqo yenkcazelo elula ngokuchonga loo nto ichazwayo (umz: Ingqukuva. Maxa wambi ibomvu. Ngamanye amaxesha ibe luhlaza. Imnandi. Yintoni le nto?

- bonakalisa ingqiqo yolandelelwano olufutshane lwemiyalelo ( ukuzoba isangqa. Yenze bomvu).

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonakalisa ingqiqo yamabali ngoku -
  - kuqikelela ukuba ibali lingantoni ngokujonga isihloko;
  - phendula imibuzo yengqiqo yamagama ngamagama (umz: yinyani/asiyonyani);
  - qikelela okuza kwenzeka;
  - khumbula nokubalisa iziqendu zebali;
  - thatha ingqalelo yolwazi oluphathelelene nebali (kwitshathi elula);
  - veza izimvo zabo ngebali;
  - enza iingxoxo ngemiba ebhekisele kwintlalo nakwiinqobo ezisesikweni (umz: Ingaba ifanelekile okanye ayifanelekanga);
  - shwankathela ibali, ngokunikwa inkxaso ngutitshala.

- bonakalisa ingqiqo yokubalisa nokukhumbula iziganeko ezidlulileyo ngokulandelelana kwazo.

- bonakalisa ingqiqo yenkcazelo ngokuthatha ingqalelo yolwazi oluphathelene nebali (umz: ukugqibezela iitshati ezilula).

- bonakalisa ingqiqo kulandelelwano lwemiyalelo ngokuyilandela ngokuchanekileyo.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo soku–1: (Sisaqhubeka)

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phuhlisa ingqiqo ngezandi ngo -
  - kuva umahluko phakathi kwezandi ezisekuqaleni nezisekugqibeleni;
  - kukwazi ukusibona isinye nesininzi.

- bonisa imbeko kwabanye abafundi ngokunikana amathuba okuthetha, nokubamamela.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phuhlisa ingqiqo ngezandi ngo -
  - kwahlula phakathi kwezandi zamagama ahlukeneyo zokubhala nokufunda;
  - kunakana amanye amagama anemvano-zandi kwiimvano-zandi eziqhelekileyo nakwiingoma.
- bonisa imbeko koogxa abakhe afunda nabo ngokubanika ithuba lokuthetha, ukubamamela nokukhuthaza iinzame zabo zokuthetha ngolwimi olongezelelweyo.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phuhlisa ingqiqo yezandi ngo -
  - kwahlula phakathi kwezandi zezikhamiso ezibalulekileyo ekufundeni nasekubhaleni;
  - kunakana izikhamiso.
- bonisa imbeko kumaqabane afunda nawo ngokubanika ithuba lokuthetha, ngokubamamela nokubakhuthaza kwiinzame zabo zokuthetha ulwimi olongezelelweyo.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi–2

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phendula ngokufanelekileyo kwimibuzo elula ngegama elinye okanye amabinza asetyenziswa qho, afana no: ‘Ndiphilile’; ‘Igama lam ngu……’
- funda ngentloko kwaye acule iingoma kunye nemvanosiphelo ngesingqisho esifanelekileyo nobizo magama olufanelekileyo
- sebenzisa iindlela eziphucukileyo – ‘nceda’, ‘enkosi’, uxolo’.
- sebenzisa aphendule ngokufanelekileyo imibuliso elula noondlela-ntle, aze enze izicelo abulele abantu
- zivakalisa ngokulula xa enikwe isakhiwo somlomo umz: ‘Ndithanda........’ ‘Andithandi.........’
- biza amagama aqhelekileyo ngokucacileyo.

# IBanga lesi-2

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phendula ngokufanelekileyo kwimibuzo elula.
- buza umbuzo afumane ingcaciso (umz. Andikuva kakuhle oku. Ndicela uphinde).
- khumbula ngentloko nokwenza iingoma nemihobe elula.
- enza izicelo ezilula neenkcazelo (umz: Ungandipha iphepha? Andiziva mnandi).
- nika imiyalelo elula.
- balisa ngokulandelelana ngeziganeko ezidlulileyo ezifutshane ngamava akhe.
- thetha ngomzobo okanye umfanekiso.

# IBanga lesi-3

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phendula imibuzo besebenzisa amagama nama binza.
- cela ingcaciso ecacileyo (Ungaphinda uyicacise kwakhona?).
- enza imvano-zandi, umhobe, okanye ingoma.
- enza izicelo.
- thatha inxaxheba kwincoko yesihloko esiqheleki-leyo.
- nika imiyalelo.
- balisa, ngokulandelelana, amava nezigigaba.
- thetha ngomfanekiso, ifoto nezinye izinto.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qwalasela ukubizwa kwamagama njengenxalenye yokufunda, umz:
  - ukwahlula phakathi kwezikhamiso ezide nezimfutshane;
  - ukwahlula phakathi kwezikhamiso eziphazamisayo.
- bonakalisa imbeko nokuzithoba ngokusebenzisa lamagama . Njengoko iilwimi zisebenzisa amagama ahlukeneyo ukubonisa imbeko nawo mawaziwe ngabafundi umz "Mama, Bhuti, Nkskz Malithi "nceda, 'enkosi/ndiyabulela".

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- chaza inkqubo (umz: ukulungiselela ukuya esikolweni).
- qwalasela ukubizwa kwamagama njengenxalenye yokufunda; umz:
  - ukufunda ukusebenzisa izikhamiso ezinkenenkene, njenqaku;
  - ukuqwalasela ukubizwa kwamagama nemvakalo-zwi njengenxalenye; yonxibelelwano (umz: kusebenzisa isingqisho nemifuniselo yoxinzelelo yolwimi olongezelelweyo).
- bonakalisa ingqiqo yeendlela ezifanelekileyo zokubizana koluntu (umz: Indlela ukuphucuka nokunika imbeko kwiilwimi ezahlukeneyo).

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi–3

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele ukuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa imifanekiso njengezikhokelo zokuqonda izicatshulwa ezibhaliweyo ngo -
  - kunika intsingiselo yebali-mfanekiso (umz: ukuchonga imifanekiso engalandelelani ngokufanelekileyo kolo luhlu;
  - kudibanisa imifanekiso namagama (umz: ukusebenzisa amagama abhaliweyo ukuleyibhila izinto okanye imifanekiso;
  - kusebenzisa imifanekiso ukufumana ingqiqo yeentloko ezilula kwiincwadi zamabali.

- dibanisa amagama nezinto ngokuzilebhila, beqala ngezo ziyeleleneyo kulwimi lwabo lweNkobe (umz: irula, ibhodi, idesika).

- landela imiyalelo eshicilelweyo kumacwecwe amagama: angamanye(umz: Phakama; Tsiba; Ncuma).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa imifanekiso ukufumana ingqiqo yesicatshulwa ngo -
  - kunika intsingiselo yebali-mfanekiso (umz: ngokulandelelanisa imifanekiso;
  - nxulumanisa imifanekiso namava abo;
  - chaza ukuba imifanekiso imenza azive njani, nokuthetha iilwimi ezimbini ngaxeshanye xa kunyanzelekile;
  - dibanisa isivakalisi (intloko) nomfanekiso;
  - zoba umfanekiso ukucacisa isivakalisi.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa izakhelo zokubonwayo ukuveza intsingiselo ngo -
  - kuqonda ibali-mfanekiso okanye incwadi ehlekisayo ngokunxulumanisa iintloko noku-thethwayo nemifanekiso ebonwayo;
  - kuthelekisa imifanekiso nee/okanye iifoto kwizimvo zabo baze baxoxe ngazo ngokucingi-sisiweyo (umz: Bamele amava kabani?).

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi–3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele ukuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okuno-vakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda iincwadi zemifanekiso ezineentloko ezinegama elinye okanye amagama amabini.
- akha ingqiqo yokubona amagama.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qalisa ukuveza intsingiselo yesicatshulwa ngokufunda notitshala ngo -
  - kufunda isihloko aze aqikelele ukuba incwadi ithetha ngantoni;
  - kulandela intshukumo yamehlo nezandla zikatitshala;
  - balatha igama elichanekileyo xa kufundwayo;
  - kuphendula imibuzo yomlomo emifutshane ngebali;
  - kubalisa ibali ngoncedo lukatitshala.

- qonda nokunika intsingiselo yoonobumba namagama ngo -
  - kunakana ngokubona amagama amaninzi asetyenziswa amaxesha amaninzi, (umz: 'yakho').

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- enza intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngokufunda notitshala ngo -
  - kufunda isihloko;
  - kuqikelela okuthethwa ngako kwisicatshulwa ngokujonga isihloko;
  - kuphendula imibuzo yamagama ngamagama ngebali;
  - kuchaza indlela ibali elimenza azive ngayo;
  - kubalisa ibali;
  - kwenza ingxoxo ngemiba yentlalo nemikhwa esesikweni ngolwimi lwabo lweNkobe (umz: Ingaba umba osebalini ufanelekile na).

- qonda nokwenza intsingiselo ngoonobumba namagama ngo -
  - kuqonda, ngokubona, amagama amaninzi asetyenziswa kakhulu,
  - kusebenzisa ingqiqo yamagama nobuchule bokuqiqa, obufana nezandi, imeko noqikelelo lwentsingiselo yesicatshulwa.

- funda ngokukhawuleza nangobuciko.

- funda ngokuvakalayo, esebenzisa ukubizwa kwamagama okuchanekileyo noxinzelelo olufanelekileyo.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phuhlisa ingqiqo yezandi ngo -
  - kuqonda umahluko kwiyantlukwano ekubizweni kwamagama phakathi koLwimi lweNkobe nolongezelelweyo;
  - kuqonda ulwalamano lwezandi zoonobumba namaqabane ahamba nganye nezikhamiso ezifutshane;
  - kwahlula amagama alula ngamalungu;
  - kuqonda isandi esinye esibhalwa ngamaqabane amabini;
  - kuhlanganisa amagama abe kwizandi zamagama;
  - kuqonda ukuhlanganiswa koonobumba ababini ekuqaleni kwamagama, okwenzeka kumagama emboleko kulwimi olongezelelweyo;
  - kusebenzisa ulwazi lwezandi njengenxalenye yobuchule bokufunda nokubhala (ukubiza amagama xa befunda baze bawapele xa babhalayo).

- funda iincwadi zamabali ayinyaniso nezintsomi kwibakala elifanelekileyo ukufumana ulwazi noku-zonwabisa.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ubuchule bokuzilungisa kwiziphene kwizinto ezinje ngokufunda, ukuthi nqumama, ukuziqhelanisa negama phambi kokuba ulifunde ngokuvakalayo.

- phuhlisa ingqiqo yezandi ngo -
  - kuqonda umahluko ekubizweni kwamagama phakathi koLwimi lweNkobe nolongezelelweyo;
  - kuqonda umahluko phakathi kolalwamano lwe-sandi/upelo kulwimi lweNkobe nolongeze-lelweyo (umz: ‘thatha’);
  - kuqonda amagama anezikhamiso ezibini (umz: ‘ii’, ‘oo’);
  - kuqonda amaqabane angamanye apelwa nga-maqabane amabini (umz: ‘th’, ‘sh’, ‘ph’)
  - kuqonda amaqabane amabini namathathu.

- zifundela ukufumana ulwazi nokuzowabisa ngo -
  - kufunda nokulandela imiyalelo (umz: indlela yokudlala umdlalo);
  - kufunda iincwadi eziyinyaniso nezizintsomi azikhethele zona;
  - kwazisa ugxa wakhe afunda naye ngencwadi ayifundileyo;

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonakalisa isigama sokufunda amagama aqhelekileyo aphakathi kwe-250 ne-500 – abafundi abaza kufunda ezinye iinkalo zezifundo ngolwimi olongezelelweyo, mabajolise kumagama angama-500.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kufunda inkcazelo yenkqubo (umz: lenziwa njani iphepha);
- kufunda imihobe nemvano-ziphelo ezithandwayo.

- bonakalisa isigama sokufunda esiphakathi kwe-700 ukuya kwi-1500 lamagama aqhelekileyo. Abafundi abaza kufunda ezinye iiNkalo zezifundo ngolwimi olongezelelweyo mabajolise kumagama ali-1500.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 4

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezineengongoma nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- khuphela aze abhale amagama aqhelekileyo kunye nezivakalisi ezifutshane (umz: iilebhile okanye iintloko zemifanekiso).
- sebenzisa amagama alula aqhelekileyo ukugqibezela isivakalisi
  'Isakhelo'(Umz, Igama lam.......; Ndithanda......; Andithandi......).
- bhala izintlu nezihloko (umz: Abahlobo bam).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- khetha aze akhuphele intloko echaza umfanekiso ngokuchanekileyo.
- bhala intloko yomfanekiso.
- gqibezela izivakalisi ngokuvala izikhewu.
- bhala izivakalisi esebenzisa 'isakhelo' (umz: Ndithanda…….).
- landelelanisa izivakalisi ezixutyiweyo ngokufanelekileyo aze azikhuphele.
- bhala izihloko zezintlu (umz: Izilwanyana: Inja; Inkomo; Igusha).
- sebenzisa iziphumlisi – oonobumba abakhulu nezingxi.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala amagama njengeeleyibhile.
- zibhalela izivakalisi zakhe ngaphandle kwe-'sakhelo' (umz: ukuveza izimvo nemibono yakhe).
- bhala izivakalisi esebenzisa 'isakhelo' (umz: Ndinakho………).
- landelelanisa nokukhuphela izivakalisi ukwenza imihlathi.
- bhala izintlu aze azinike izihloko (umz: Izinambuzane: iimbovane, iinyosi, amabhabhathane).
- sebenzisa iziphumlisi iikoma, iimpawu zemibuzo, iimpawu zezikhuzo).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwazi lwezandi ukuqala upelo oluchanekileyo lwamagama.
- pela amagama aqhelekileyo nawakhumbulayo ngokuchanekileyo.
- chonga iziphene kupelo lwamagama aqhelekileyo aze alungise iziphene.
- bhala amagama aqhelekileyo kubizelo.
- bhala amagama ngokulandelelana ngokwe-alfabhethi (umz: kwisichazi-magama sakhe).

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa i-'sakhelo',ukubhala amabali eziganeko ezidlulileyo alula (umz: Izolo, Ndi………..Emveni koko………..).
- pela amagama aqhelekileyo ngokuchanekileyo.
- bhala izicatshulwa ezifutshane ezinamagama ase-tyenziswa qho (umz: amacwecwe izimemo okanye ezimemo).
- bhala incoko yababini, encediswa.
- faka amagama kwisichazi-magama sakhe.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 5

### UKUCINGANOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwasebenzisa ulwazi ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda isigama esinxulumene ku -
  - bunguwe ( Igama lam ngu ...);
  - inani ( nye, bini,);
  - bukhulu (umz: khulu, ncinane);
  - ixesha (umz: ngoku);
  - budala (umz: Ndineminyaka emithandathu,);
  - kwalathisa (umz: ekhohlo/ekunene);
  - nolandelelwano (umz: eyokuqala, eyesibini);
  - buchule (umz: Ndinga...).

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngo -
  - kuchonga izinto ezifanayo nezahlukeneyo (umz: Dibanisa zonke izangqa kufuna leyo yahlukileyo kwezinye);
  - kuchonga inxalenye kokupheleleyo (umz: amalungu emoto, inxalenye yobuso, umzimba njl njl);
  - kuhlela izinto umz: beka iiplastiki endaweni enye nezomthi kwenye indawo;
  - kulandelelanisa izinto umz: Qala kwenkulu uye kwencinane.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda isigama esinxulumene ku -
  - bunguwe (umz: Ndithetha isiXhosa, isiNgesi nesiBhulu);
  - manani (umz: 11, 12);
  - isakheko (umz: isangqa, isikwere);
  - bungakanani (umz; inde, mde, i/mfutshane);
  - icala (umz: phezulu, phantsi);
  - landelelwano (umz: eyesine, eyesihlanu);
  - buchule (umz: Ndinakho/Bendinganakho…….).
- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngo -
  - kuchonga imfano neyantlukwano (umz: ukuthelekisa intlanzi nehlengesi);
  - kuchonga amalungu into (umz: amalungu emoto);
  - calu-calula izinto ngokubeka ezo zifanayo nda-wonye; ukuchonga ezo zahlukileyo;
  - kulandelelanisa izinto (umz: ukusuka kweyona inde ukuya kweyona imfutshane).
- sebenza ngeetshati ngo -
  - kugcwalisa iitshati (umz: isicwangciso-maxesha semisebenzi yemihla);
  - kuqhuba uphando lweklasi (umz: okona kutya kuthandwayo) aze abhale olu lwazi kwitshati okanye igrafu yemiqolo);
  - kwenza ukulandelelana lwexesha, olubonisa iintsuku ezibalulekileyo kwixesha elidlulileyo (umz: iziganeko ngaye ‘ngobomi bakhe’).

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda  ngesigama ngokunulumene kwimi linganiselo (umz: Inde kangakanani? Ikude kangakanani?).
- buza ufuna ingcaciso
- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekusombulula iingxaki ngo -
  - thelekisa izinto ngokucingisisiweyo (umz: Yiyiphi eluncedo kakhulu, imoto okanye ibhayisekile?
  - kuxoxa nokusombulula iingxaki ngokwamaqela (umz: Singayigcina njani indawo yethu icocekile?
- qokelela nokurekhodisha ulwazi ngeendlela ezahlukeneyo ngo -
  - kwenza uphando olulula (umz: Beza njani abafundi esikolweni – ngeetekisi, ngemoto, ngenqwelo yamahashe, ngebhayisekile okanye ngenyawo?);
  - kurekhodisha ulwazi ngeendlela ezahlukeneyo (umz: itafile, itshati, umzobo, igrafu yemiqolo).

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGANOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwasebenzisa ulwazi ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ukufumana ingqiqo nesigama ngokunxulumene neenkalo zezifundo ezahlukeneyo (umz: ukwenza ulandelelwano lwexesha lwezembali).
- chonga izinto nokwenkcazelo elula (umz: 'Ndisisilwanyana, Ndinemilenze emine. Ndinentamo ende kakhulu. Ndineempondo ezimbini ezincinane. Ndingubani?').
- rekhodisha ulwazi kwitshati okanye kwisibumbelo umz: ngokubeka amakhuni okanye iminqamlezo.
- qonda nokusebenzisa ulwimi lwemathematika (umz: dibanisa, thatha).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda nokusebenzisa ulwimi lwemihla ngemihla oluyimfuneko kwimathematika ngo -
  - kumamela, ukufunda nokusombulula iingxaki zamagama ezilula kwimathematika – eqwalasela amagama afana no ‘ngaphezulu’, ‘ngaphantsi’, ‘abelana’, ‘isiqingatha’, ‘eseleyo’, ‘zizonke’ (umz: UZola uneelekese ezilishumi. Upha uNwabisa zibe mbini. Zingaphi eziseleyo?
- gcina isichazi-magama sakhe.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- gqithisa ulwazi ukusuka imo  ukuya kwenye ngo -
  - kumamela iintetho ezimfutshane nokugcwalisa ulwazi etshathini okanye ukuleyibhila imizobo;
  - kusebenzisa ulwazi olufumaneke koku bonwayo okanye kokubhaliweyo ukuyila itshati, igrafu yemiqolo okanye imephu yengqondo okanye umfanekiso, ukubhala nokugqibezela isi-catshulwa esifutshane;
  - ukusebenzisa ulwazi oluphuma etshatini, kwigrafu yemiqolo, kumzobo, kwimephu yengqondo okanye emfanekisweni ukubhala nokugqibezela isicatshulwa esifutshane.
- gcina isichazi-magama sakhe nokusebenzisa isichazi-magama sabantwana (xa enakho, isichazi-magama esilwimi-mbini nesilwimi- nye.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwasi ukusebenzisa izandi, amagama negrama kulwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda iindlela ekubuzwa ngazo umz: (Yintoni.......? Ngubani........? Zingaphi/ yimalini/ Mingaphi iminyaka yakho? ...............? Eyiphi........? Unga..........?).
- qonda izivakalisi ezilula kwizicatshulwa zomlomo.
- qonda ixesha langoku kwimo emfutshane nakwimo ende (umz: Uthanda isikolo/Uyafunda).
- qonda iziyaleli, (umz: Yiza apha/ sukuhlala phantsi).
- qonda ezinye zezenzi ezibonisa indlela yokwenza into ethile (umz: Ndingaxhuma/ baleka/ tsiba).
- qonda izakhiwo zezilanduli (umz: Andiyithandi inyama/ andikuthandi kuqubha).
- qonda izininzi zamagama (umz: incwadi - iincwadi) ukuquka nalawo akwisinye kuphela umz: amafutha.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda aze asebenzise iindlela ezithile zemibuzo (umz: Kwenzeke ntoni izolo? Ingaba wakha wa………)?
- qonda nokusebenzisa ixesha eladlulayo (umz: Izolo wajonga/akazange ajonge iTV) kuquka iindlela eziqhelekileyo (umz: wahamba, watya, wafunda) nexesha elimileyo (Uyilahlile iwotshi yakhe/ Andikamboni).
- qonda iindlela ezisetyenziswa ngazo izenzi (umz: Ndingafunda).
- qonda nokusebenzisa iziphawuli (umz: -ncinci, -dala, -nwabileyo, -khathazekileyo).
- qonda izimelabizo: mna, wena, yena.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda nokusebenzisa iintlobo-ntlobo zemibuzo (umz: Phi……? Nini………? Kutheni?.
- qonda nokusebenzisa ixesha elizayo (umz: Kuza kunetha ngomso; Ndiza kukubona kule veki izayo).
- qonda ngokuchaza okungenzeka nokungena-kwenzeka (umz: Unga/uya kufika ngomso).
- qonda ngokuchaza okuyimfuneko (umz: Umelwe/kufuneka ukuba uhlambe izandla).
- qonda izimelabizo: mna, wena, yena.
- sebenzisa ezinye izibaluli (umz: -diniweyo, -lambi-leyo).

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi – 6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwasi ukusebenzisa izandi, amagama negrama kulwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda izimelabizo: mna, wena, yena.
- qonda ezinye izimnini kwizicatshulwa zomlomo (umz: yam, yakho, yakhe).
- qonda usebenzise izakhi-zihlomelo (umz: se-, kwi-, phezu) aze asebenzise neziphawuli ezimbalwa (umz: khulu/ncinane) nezihlomelo (umz: kancinane, ngokukhawuleza).
- azi ukusebenzisa amagama aqhelekileyo aphakathi kwama-500 ukuya kwali 1000 ekupheleni kwebanga loku -1.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda usebenzise izakhi-zihlomelo (umz: se, kwi, phezu) aze asebenzise neziphawuli ezimbalwa (umz: khulu/ncinane) nezihlomelo (umz: kancinane, ngokukhawuleza).
- azi amagama aqhelekileyo aphakathi kwe-1000 ne-1500 kwisicatshulwa ekupheleni kweBanga lesi-2. Abafundi abaza kufunda ezinye iiNkalo zezifundo ngolwimi elongezelelweyo, mabagqalisele kumagama angama-1500.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda izimnini kwizicatshulwa zomlomo (umz: yam, yakho, yakhe.
- qonda usebenzise izakhi-zihlomelo (umz: se-, kwi-, phezu) aze asebenzise neziphawuli ezimbalwa (umz: khulu/ncinane) nezihlomelo (umz: kancinane, ngokukhawuleza).
- azi amagama aqhelekileyo nathethwayo aphakathi kwe-1500 nama-3000 ekupheleni kweBanga lesi-3. Abafundi abaza kufunda ezinye iiNkalo zeziFundo ngolwimi olongezelelweyo mabajolise kumagama angama-3000.

# ISAHLUKO SESI-3
# ISIGABA ESIPHAKATHI
# (AmaBanga ukusuka kwelesi-4 ukuya kwelesi-6)

## INTSHAYELELO

KwisiGaba esisiSeko, abafundi bafumene ubutyebi bolwimi olongezelelweyo. Baza sebesazi amagama amaninzi nesakhiwo, nangona bengakhange bafundiswe ngokucacileyo. Bekufanele ukuba sebenokuzithemba, ulonwabo nobuciko ekunxibeleleni ngolwimi olongezelelweyo.

### UkuGqalisela

Kumabanga aphakathi kwesi-4 nesi-6 abafundi baya kuqala:

- ukuba nengqalelo yamagama nezakhi zegrama abaziqhelileyo kwisiGaba sesiSeko;
- ukuhlola indlela olusebenza ngayo ulwimi lwabo olongezelelweyo baze balulawule ngokusengqondweni;
- ukusebenzisa olu lwazi lukhulayo ngokukhangela indlela abalusebenzisa ngayo ulwimi ingakumbi ekubhaleni.

#### Ukufunda kancinane kancinane

Khumbula: ulwimi lufunyanwa kancinane kancinane. Nangona ingqwalaselo isenokunikwa isigama negrama, ukusetyenziswa ngokuchanekileyo kwamagama nezakhi kuya kuthatha ixesha elide. Akusosinyanzelo ukuba abafundi bazi isakhi esinye phambi kokuba badlulele kwesilandelayo. Baya kuqhubeka ngokwenza iimposiso ezininzi kwaye oku kuyinxalenye eqhelekileyo yokufunda ulwimi olongezelelweyo. Nangona kunjalo, baya kwandisa ingqiqo yabo yokuphuhlisa indlela olusetyenziswa ngayo ulwimi olongezelelweyo, baze kancinane kancinane, basondele ekulusebenziseni ngokuchanekileyo.

KwisiGaba esisiSeko, bekufanele ukuba abafundi babe ngabafundi abazithembileyo kulwimi lweNkobe nakolongezelelweyo. Bafanele ukuba sele beboniswe iintlobo ngeentlobo zezicatshulwa zabantwana. Kumabanga aphakathi kwesi-4 nesi-6 abafundi baza kusebenzisa esi siseko sokuba ngababhali abazithembileyo.

### Ukuxhasa okunonophelweyo ngokubhala

UkuBhala kweli nqanam kufuna inkxaso nokukhokelwa. Ekuqaleni utitshala anganika inkxaso esebenzisa "isakhelo" nemizekelo yeentlobo ezithile zezicatshulwa (umz: umhobe olula, iingxelo). Njengoko abafundi beya besiqhela isicatshulwa (umz: indlela esakhiwe ngayo, ilulphi uhlobo lolwimi olusetyenzisiweyo) baya kuzama olwabo ubhalo olufana nolwesicatshulwa eso singumzekelo.
Njengokuba kusenzeka njalo xa kufundwa ulwimi olongezelelweyo, inkqubo yokufunda ukufunda nokubhala ayingxamanga. Abantwana bafunda ngokuzama ukwenza izinto ngokunokwabo - ngokulinga nokugqwidiza. Bafuna ingxelo ngenkqubo yabo nokukhuthazwa ukubanceda ekufundeni. Khumbula: nangona isiphumo sesifundo ngasinye sinobuchule obahlukileyo kugxininiso, kufuneka usoloko uzihlanganisa kwinkqubo yokufunda.

### Umsebenzi woLwimi lweNkobe lomFundi

KwisiGaba esiPhakathi abafundi kufuneka bakhuthazwe ukuba banxibelelane ngolwimi olongezelelweyo, apho banakho, kwixesha elabelwe isifundo eso. Kubalulekile oku kuba kuyimfuneko ukuba batyhileke, basebenzisane, baze bathetha-thethane ngentsingiselo kulwimi lwabo olongezelelweyo ukuze bakwazi ukulufumana. Nangona kunjalo, kuya kubakho amaxesha apho kuya kufuneka ukuba bafunxe kulwimi lwabo lweNkobe. Umzekelo, kuya kufuneka, mhlawumbi, ukuba batshintshele kulo, xa bexoxa ngemiba enzima, efana nemilinganiso yezentlalo neenqobo ezisesikweni zebali, okanye xa bethelekisa igrama yolwimi lweNkobe nolongezelelweyo ( Amagama azizimaphambili ahamba odwa kwisiNgesi nesiBhulu kanti ayinxalanye yesakhi samanye amagama kwiilwimi zesiNtu: on the table: etafileni).

## IZIPHUMO ZESIFUNDO

### IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelele nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**
Abafundi mabamamele kakhulu kulwimi olongezelelweyo noluvakaliswe kwinqanam elifanelekileyo. Oku kusisiseko sokuphuhlisa bonke ubuchule bezinye iilwimi.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**
Abafundi baya kuzithemba ekuzivakaliseni ngolwimi olongezelelweyo ngeendlela ezilula. Baya kunxibelelana ngaphaya kwemida yolwimi. Mabafunde ngamava abo ukuba iilwimi ezininzi zityebisa bona nasentlalweni.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**
Ukufunda kuyimfuneko ekukhuliseni ulwimi, ekonwabeni nasekufundeni ngehlabathi. Kwesi sigaba,abafundi baya kufundela ukuzikhulisa. Ngokufunda, baya kufunda ngesicatshulwa esibhalwayo. Ukufunda kusisiseko sokubhala.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**
UkuBhala kuhambelana kakhulu nokufunda kwaye kusisixhobo esifunekayo ekufundeni ngokudibene ngokwekharityhulamu. Kubalulekile kwakhona ekukhuleni komfundi.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**
Abafundi baza kuqala ukuqonda iingqiqo ezinokuntsonkothe ngokuthe chatha, kwaye beya kufunda ubuchule neendlela zokucinga nokufikelela kulwazi lwezinye iinkalo zezifundo zabo.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi unakho ukusebenzisa izandi, amagama negrama kulwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**
Igrama nesigama ziziqobo zokwakha ulwimi. Ulwazi lwegrama nesigama kungundoqo ekufundeni ngobuciko. Igrama nesigama kufuneka zifundiswe kwimeko kwaye zidityaniswe nokufunda ukubhala, ukumamela noku-thetha.

## IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA

Kumacandelo alandelayo kuya kunikwa imiGangatho yokuHlola yesiPhumo sesiFundo ngasinye yebanga ngalinye. Imizekelo yezicatshulwa inikiwe enoku - setyenziswa kuhlanganiso lokufundiswa kolwimi. Le ayiyomizekelo epheleleyo utitshala angongeza kuzo ngokukhetha naziphi izicatshulwa ezikhoyo nezifanelekileyo.

### IBanga lesi-4

#### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo**

- Amabali
- Iindidi zeentsomi
- Iingoma
- Imihobe elula yabantwana
- Ooqashi-qashi neziqhulo
- Imiyalelo
- Ukubalisa iziganeko ezidlulileyo
- Izalathiso
- Iinkcazelo zabantu  nezinto
- Ingxelo yezinto
- Iincoko
- Iinkqubo zikanomathotholo

**Ezibhalwayo/Ezibonwayo:**

- Iincwadi (iintsomi nezibalisa into ekhoyo)
- Imihobe elula yabantwana
- Imiyalelo
- Izaziso
- Ingxelo yencwadi
- Iiresipi
- Ithamtheyibhile
- Imizobo
- Iigrafu neetshati
- Iimephu ezilula noyilo
- Iifoto
- Iikhathuni
- Amabali ahlekisayo
- Imizobo
- Iphazili
- Isichazi-magama

## IBanga lesi-4

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

**Ezezixhobo zosasazo ezininzi**

- Iiinkqubo zikamabonakude (TV)
- Izazisi zeTV
- IiCD Rom ne-intanethi

## IBanga lesi-5

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Amabali
- Iindidi zeentsomi
- Iingoma
- Imihobe yabantwana
- Ooqashi-qashi neziqhulo
- Imiyalelo
- Ukubalisa iziganeko ezidlulileyo
- Izalathiso
- Imiyalezo (umz: imiyalezo yefoni)
- Iinkcazelo ngabantu, ngezinto nangabantu
- Iincoko
- Iingxelo (umz: indaba nemo-zulu)

**Ezibhalwayo/Ezibonwayo:**

- Iincwadi (iintsomi nezibalisa into ekhoyo)
- Iimagazini
- Imihobe yabantwana
- Imiyalelo
- Izaziso
- Iingxelo (umz: amalinga alula)
- Ingxelo yencwadi
- Izimemo
- Amacwecwe
- Iresipi

## IBanga lesi-5

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

- Ithamtheyibhile
- Uludwe lweenkqubo
- Imizobo
- Iigrafu neetshati
- Iimephu ezilula noyilo
- Iphazili
- Amabali ahlekisayo
- Iikhathuni
- Iifoto
- Izichazi-magama

**Ezezixhobo zosasazo ezininzi**
- Iinkqubo zabantwana zeTV
- Iingxelo zemozulu zeTV
- Izazisi zeTV
- IiCD Rom ne-intanethi (apho zifumanekayo)

## IBanga lesi-6

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**
- Amabali
- Iindidi zeentsomi
- Iingoma
- Imihobe
- Iziqhula nooqashi-qashi
- Imiyalelo
- Ukubalisa iziganeko ezidlulileyo
- Izalathisi
- Iinkcazelo ngabantu, izinto, iindawo neenkqubo

## IBanga lesi-6

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

- Iincoko
- Udliwano-ndlebe
- Iingxelo
- Iintetho ezilungisiweyo

**Ezibhalwayo/Ezibonwayo**

- Iincwadi (iintsomi nezibalisa into ekhoyo)
- Amaphepha-ndaba
- Iimagazini
- Iidayari
- Imihobe
- Umbhalo wemidlalo
- Iingxelo zeencwadi
- Izazisi
- Izibhengezo
- Amacwecwe
- Iileta
- Iiresipi
- Imiyalelo
- Izaziso
- Iingxelo (umz: amalinga alula)
- Ithamtheyibhile
- Uludwe leenkqubo (umz: iinkqubo zeTV)
- Iimephu nemiyilo
- Iikhathuni
- Amabali ahlekisayo
- Izazisi (umz: izichazi-magama, intyila-lwazi)

**Ezezixhobo zosasazo ezininzi**

- Iinkqubo zeTV
- Ingxelo yemozulu yeTV
- IiCD Rom ne-intanethi (apho zifumanekayo)

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo soku-1

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye amamelelele noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda amabali amafutshane (abaliselwa nafundelwa abafundi) ngoku -
    - phendula imibuzo njengoko injalo;
    - qikelela into eza kwenzeka;
    - nika iimpendulo;
    - xoxa ngemibandela yentlalo neenqobo ezisesisekweni umz: ingaba le nto ilungile okanye ayilunganga? (guqukela kwezinye iilwimi xa kufuneka);
    - balisa ibali kwakhona ngolandelelwano olufaneleki-leyo;
    - shwankathela ibali ngenkxaso katitshala.

- qonda imiyalelo yomlomo, izalathiso neenkcazelo ngoku -
    - phendula ngenkangeleko imiyalelo (umz: Ndingazenza njani izinto?);
    - mamela izalathiso ezilula zomlomo aze alandele indlela okanye afumane indawo emephini elula okanye uyilo.

# IBanga lesi-5

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda amabali (abaliswayo nafundwayo) ngoku -
  - phendula imibuzo njengoko injalo;
  - nika iimpendulo;
  - qaphela ulwazi olusemxholweni (umz: ngokulebhila imizobo ezilula);
  - xoxa ngemibandela yentlalo neenqobo ezisesikweni umz: Ingaba eli bali lifundisa okulungileyo kuzo zonke iimeko? (guqukela kwezinye iilwimi xa kufuneka);
  - cebisa ezinye iindlela zokuphetha ibali (kusebenzisa iilwimi ezininzi ngaxesha-nye xa kufuneka);
  - balisa ibali kwakhona;
  - shwankathela ibali ngenkxaso katitshala.

- qonda imiyalelo yomlomo, izalathiso neenkcazelo ngoku -
  - qonda ukulandelelana kwemiyalelo ngokuyiphendula ngenkangeleko (umz: ukulandela imiyalelo yemisebenzi yeklasi);
  - qonda izalathiso zomlomo elandela indlela nokwalatha indawo emephini okanye kuyilo.

# IBanga lesi-6

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda amabali (abaliswayo nafundwayo) ngoku -
  - phendula imibuzo njengoko injalo;
  - bhala ulwazi olusemxholweni (umz: ukugcwalisa itshati);
  - phendula imibuzo;
  - nxulumanisa ibali nobomi bakhe;
  - xoxa ngemibandela yentlalo neenqobo ezisesikweni umz: ngumntu onjani oligorha? Wenza ntoni? Ingaba ufundisa okulungileyo kuzo zonke iimeko okanye kusetyenziswe intetho okanye ingcinga ezisetyenziswa njalo? (kusebenzisa iilwimi ezininzi ngaxesha-nye iilwimi xa kufuneka);
  - cebisa ezinye iindlela zokuphetha ibali (guqukela kwezinye iilwimi xa kufuneka);
  - balisa ibali kwakhona;
  - shwankathela ibali.

- qonda imiyalelo nezalathiso ngoku -
  - qonda ulandelelwano oluntsonkothileyo lwemiyalelo ngokuyiphendula ngokwenkangeleko (umz: ulandela imiyalelo ukwenza amalinge enzululwazi);
  - qonda imiyalelo yomlomo ngokubhala phantsi amanqaku nokuyilandela emephini.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo soku-1 (Sisaqhubeka)

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye amamelelele noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda iinkcazelo zomlomo ngoku -
  - chonga abantu, izinto okanye iindawo;
  - lebhila umzobo.

- qonda iziganeko ezidlulileyo ngoku -
  - phendula imibuzo efana nale; Kwenzeke ntoni, kuqala, ekwesibini, njl.njl.

- nika imbeko kwabanye abafundi ngoku -
  - nika ithuba lokuthetha;
  - mamela;
  - khuthaza imizamo yabo yokuthetha ngolwimi olongezelelweyo.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda iinkcazelo zomlomo ngoku -
  - chonga abantu, izinto okanye iindawo;
  - lebhila umzobo;
  - bhala ulwazi olusemxholweni (umz: etshatini).
- qonda iziganeko ezidlulileyo ngoku -
  - phendula imibuzo malunga nokwenzeke kuqala, okwesibini njl.njl;
  - phinda abalise iziganeko ngokwakhe ngokufumana inkxaso.
- nika imbeko kwabanye abafundi ngoku -
  - nika abanye abafundi ithuba lokuthetha;
  - mamela kwabanye, akhuthaze imizamo yabo ekuthetheni ngolwimi olongezelelweyo;
  - khuthaza amanye amalungu eqela ukuxhasa abalingane eklasini.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda iinkcazelo zomlomo ngoku -
  - chonga abantu, izinto okanye iindawo;
  - lebhila umzobo;
  - bhala ulwazi olusemxholweni (umz: etshatini);
  - phendula imibuzo.
- qonda iziganeko ezidlulileyo ngoku -
  - phendula imibuzo malunga nokwenzeke kuqala, okwesibini njl.njl;
  - phinda abalise iziganeko ngokwakhe.
- nika imbeko kwabanye abafundi ngoku -
  - nika abanye abafundi ithuba lokuthetha;
  - mamela kwabanye, akhuthaze imizamo yabo ekuthetheni ngolwimi olongezelelweyo;
  - khuthaza amanye amalungu eqela ukuxhasa abalingane eklasini.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 2

**UKUTHETHA**

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisana kulwimi olongezelelweyo ngoku -
  - buza imibuzo elula, (umz: ukubuzela ingcaciso);
  - nika iimpendulo ezimfutshane kwimibuzo;
  - thatha inxaxheba kwincoko ngezihloko eziqhelekileyo.

- enza ngeendlela zenkcubeko ngokufanelekileyo ngoku -
  - linganisa ezinye iimeko eziqhelekileyo (umz: ukunika inkcazelo ngezalathiso);
  - bonisa ingqiqo ethile kwiyantlukwano yenkcubeko-ntlalo, (umz: indlela yokucacisa ukuchubeka ngolwimi olongezelelweyo);
  - tshintshela kolunye ulwimi apho kufanelekileyo (umz: ukubulisa umntu wasemzini ongathethi ulwimi lwakho).

- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ukunxibelela ulwazi ngoku -
  - khumbula nokuchaza (iziganeko ezenzeke kwixesha elidlulileyo) ulandelelwaniso lwezenzo ngokuse benzisa izihlanganisi ( emveni koko, kwaza);.
  - nika imiyalelo elula;
  - chaza abantu, izinto, neenkqubo ezilula.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisana ngolwimi olongezelelweyo ngoku -
  - buza aphendula imibuzo;
  - thatha inxaxheba kwincoko ngesihloko esiqhelekileyo;
  - vakalisa ingcinga aze anike isizathu soko;
  - vakalisa izimvo.
- enza ngeendlela zenkcubeko ngokufanelekileyo ngoku -
  - linganisa ezinye iimeko eziqhelekileyo esebenzisa ulwimi nezijekulo ezifanelekileyo;
  - bonikalisa ingqiqo yeyantlukwano phakathi kwentlalo nenkcubeko (umz: indlela yokucacisa ukuchubeka ngolwimi lweNkobe nolongezelelweyo);
  - tshintshela kolunye ulwimi apho kufane lekileyo (umz: ukuquka umfundi ongakwaziyo ukuthetha ulwimi lwenu).
- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ukunxibelela ulwazi ngoku -
  - khumbula nokuchaza ukulandelelana kwezenzo ngokusebenzisa izihlanganisi;
  - nika imiyalelo elandelelanayo;
  - chaza inkqubo;
  - chaza injongo yento  (isixhobo esiqhelekileyo - sisetyenziselwa ntoni?);
  - thetha ngesihloko esiqhelekileyo nokusilungiselela (umz: umdlali endimthandayo).

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisana ngolwimi olongezelelweyo ngoku -
  - buza aphendula imibuzo.
  - gcina incoko ngesihloko esiqhelekileyo.
  - vakalisa ingcinga aze anike isizathu soko.
  - vakalisa izimvo.
- enza ngeendlela zenkcubeko ngokufanelekileyo ngoku -
  - linganisa ezinye iimeko eziqhelekileyo esebenzisa ulwimi nezenzi ezifanelekileyo.
  - bonakalisa ingqiqo yokuxabiseka kokuqhelekileyo okuvakaliswa ngeendlela neelwimi ezininzi (umz: Ndicela…..no-Please….. zindlela ezahlukeneyo zokuvakalisa ukuxabiseka kwempucuko nembeko kwabanye);
  - tshintshela kolunye ulwimi apho kufanele kileyo (umz: ukubonakalisa imbeko kulwimi lomnye umntu).
- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ukunxibelela ulwazi  ngoku -
  - khumbula nokuchaza ukulandelelana kwezenzo ngokusebenzisa izihlanganisi;
  - nika  imiyalelo ngokulandelelana;
  - chaza inkqubo;
  - chaza injongo yento ethile (isixhobo sokusebenza - sisetyenziselwa ntoni);
  - thetha ngesihloko esiqhelekileyo nokusilungiselela (umz: singawonga njani amanzi?).

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 2 (Sisaqhubeka)

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ngokuyilayo ngoku -
  - balisa amabali alula;
  - yila nokwenza imidlalo elula;
  - enza imvano-zandi eqhelekileyo, umhobe, okanye ingoma;
  - dlala imidlalo ebandakanya ulwimi.

- bonakalisa ingqiqo yendlela ulwimi olwakha ngayo ulwazi, ukuchonga nendawo elibabeka kuyo abantu ngoku -
  - zikhwebula ekuthiyeni abantu amagama nawaluphina uhlobo (umz: amagama enkohlakalo, amagama obuhlanga, amagama abhekiswe kubahambeli).

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ngokuyilayo ngoku -
  - balisa amabali;
  - enza imihobe, iingoma nemidlalo elula;
  - dlala imidlalo ebandakanya ulwimi;
  - thelekelela nokuchaza okunokwenzeka (umz: Angenzi ntoni nge-R100?).

- bonakalisa ingqiqo yendlela ulwimi olwakha ngayo ulwazi, ukuchonga nendawo elibabeka kuyo abantu ngoku -
  - qonda indlela yokubiza umntu othile ngoku -
    - ixela ubudlelwane phakathi kwakhe nalo mntu (umz: umfundi ubuza utitshala athi: Mem; ubuza umnakwabo omdala athi: Bhuti);
    - iakha ubunguwe bomntu ngokulandulayo (umz: ukubiza umntu omdala ‘intombazana’) okanye ngokwakhayo (umz: ukumbiza Mama/makhulu).

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- enza uphando lweklasi: (ukwenza udliwano-ndlebe nabanye abafundi, ukubhala phantsi iimpendulo kwiitshati okanye kwiigrafu).

- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ngokuyilayo ngoku -
  - balisa ibali;
  - enza imihobe, iingoma nemidlalo elula;
  - qamba umdlalo obandakanya ulwimi;
  - thelekelela nokuchaza okunokwenzeka.

- bonakalisa ingqiqo yendlela ulwimi olwakha ngayo ulwazi, ukuchonga nendawo elibabeka kuyo abantu ngoku -
  - qala ukujonga ngononophelo ukuziqhelisa iindlela zokubizwa kwabantu umz: Amakhoboka nabasebenzi babizwa njani ngabaqashi/ngabanikazi babo?; ukuthatha kwabafazi amagama amadoda; ukunikwa kukamakoti igama lasemzini; ukubiza abanye ‘amakwiri-kwiri’).

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 3

**UKUFUNDA NOKUBUKELA**

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele noku-zonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda ngendlela elula imigaqo elula yamabali nge/ngo/nga -
  - ntloko, (umz: ukukhetha eyona ntloko phakathi kwezinye, anike izizathu);
  - magama abalinganiswa (umz: bacinge amagama angabizwanga abalinganiswa);
  - kuqwalasela indlela abalinganiswa neziseko ezakhiwe ngayo ukuxhasa imbono ethile yehlabathi (umz: iindawo ezidlalwa ngamakhwenkwe namantombazana ebalini. Ingaba iintetho neengcinga ezithile ezisetyenziswa njalo okanye ingaba likhona ithuba lokuba amakhwenkwe namantombazana angenza into enye?;
  - kuqwalasela indima edlalwa yimifanekiso ekwakheni intsingiselo (umz: Abonakaliswe njani amakhwenkwe namantombazana emfanekisweni).

- qonda ngendlela elula eminye imigaqo yesihobe:
  - imvano-zandi (dancu, dancu siwelile masisele emanzi);
  - ukusebenzisa ufaniso umz: ucula njengentaka;
  - ukuqonda isikweko umz. lo mfo lincoko = lixoki;
  - ukuqonda izifanadumo umz: wawa dyumpu emanzini;
  - iyantlukwano kwiilwimi ekusetyenzisweni kwezi zandi: ukuhuhuza kwesikhova.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda imigaqo elula yebali nge/go -
  - kuqonda ntloko, indawo nabalinganiswa (umz: ukudibanisa iziphawuli nabalinganiswa ebalini);
  - mfundiso yebali (apho kufanelekileyo khona);
  - kuqwalasela indlela abalinganiswa neziseko ezakhiwe ngayo ukuxhasa umbono othile wehlabathi (umz: Ingaba abantu abadala nabancinane basebenzisa intetho okanye iingcinga ezithile njalo okanye zibhalwe njengoko zinjalo ukubonakalisa ukungafani?;
  - kuqwalasela indima edlalwa yimifanekiso ekwakheni intsingiselo (imfanekios/iifoto) (umz: Badala okanye bancinane kangakanani abantu abakule mifanekiso?

- qonda ngendlela elula eminye imigaqo yomhobe:
  - imvano-zandi;
  - izifanadumo amagama afana ngezandi;
  - imfanozandi – amagama aqala ngezandi ezifanayo (iqaqa liqabela eQawukeni);
  - uthelekiso (umz: Ucula njengomlonji).

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda eminye imigaqo yebali ngo -
  - kuqonda intloko, indawo nesakhiwo (umz: bachaze ukuba bazaneka njani na izinto);
  - kuqonda abalinganiswa (umz: baya kuchaza uvakalelo lwabo baze bathethe ngezizathu zezenzo zabo);
  - kuchonga axoxe imiba yentlalo nezesimilo ebalini (umz: Ingaba eli bali linayo imfundiso);
  - kuqwalasela abalinganiswa nesakhiwo ezakhiwe ngalo ukuveza umbono othile ehlabathini (umz: Ingaba abantu beentlanga ezahlukeneyo okanye inkcubeko ziveza iintetho okanye iingcinga ezisetyenziswa njalo okanye ngeendlela ezizizo ukubonakalisa iyantlukwano?;
  - kuqwalasela indima edlalwa yimifanekiso ebonwayo ekwakheni intsingiselo (umz: Abantu beentlanga ezahlukeneyo okanye iinkcubeko abonakaliswa njani?);
  - cebisa ndlela ezinye ezibonisa abalinganiswa nezenzo.

- qonda, ngendlela elula, eminye imigaqo yomhobe:
  - imvano-zandi;
  - ufaniso;
  - isikweko;
  - ukuthelekisa;
  - ukuthetha ngento ngokungathi ngumntu umz: Ilanga lincumile;
  - amanye amagama echaza le migaqo – Imfano-zandi, isifano-dumo.

## IBanga lesi-4

### IsiPhumo sesiFundo sesi - 3 (Sisaqhubeka)

**UKUFUNDA NOKUBUKELA**

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ulwazi ngoku -
  - funda iimephu  ezilula noyilo (umz: balandele izalathiso);
  - funda alandele izicatshulwa kuquka iinkqubo umz: iresiphi;
  - funda alandele itham theyibhile;
  - funda imizobo, iigrafu, neetshati (umz: umnombo wosapho, iflowu tshati);
  - shwankathela umhlathi ngenkxaso (umz: bafakele amagama ashiyiweyo kwisishwankathelo esibhaliweyo);
  - funda izicatshulwa ngokudibeneyo ngokwekharityhulamu (umz: iincwadi zezikhokelo kwezinye iinkalo zesifundo).

- funda izicatshulwa zezixhobo zokusasaza ngoku -
  - qonda indlela esenziwe ngayo isibhengezo okanye isaziso sikawonke-wonke.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ulwazi ngoku -
  - funda iimephu  ezilula, nemiyilo (umz: ukufumana ndawo);
  - funda alandele izicatshulwa eziquka iinkqubo (umz: imiyalelo kumalinga enzululwazi);
  - funda imizobo, iigrafu, neetshati (umz: umzobo ojikelezayo);
  - krwaqula ithayimthebhile noludwe lweenkqubo zeTV ukufumana ulwazi;
  - shwankathela umhlathi ngenkxaso,(umz: baya kulandelelanisa izivakalisi zenze isishwankathelo);
  - funda ukudlula ngaphaya kwemida yekharityhulamu (umz: iincwadi ezizikhokelo kwezinye iinkalo zesifundo).
- funda aphendule kwizicatshulwa zentlalo (izimemo).
- funda izicatshulwa zezixhobo zokusasaza ngoku -
  - funda aze aqonde ukwakhiwa nokuyilwa kwemagazini (umz: imagazini yesikolo okanye imagazini yabantu abancinane).

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ulwazi ngoku -
  - funda alandele imiyalelo, iiresipi, iimephu noyilo;
  - krwaqula uludwe lweenkqubo zeTV noludwe lwamaxesha;
  - shwankathela umhlathi, achonge inqaku eliphambili nesihloko sesivakalisi;
  - funda ukudlula ngaphaya kwemida yekharityhulamu (umz: iincwadi ezizikhokelo kwezinye iinkalo zezifundo).
- funda aphendule kwizicatshulwa zentlalo (izimemo).
- chonga izimo zesimbo esinxulumene nabaphulaphuli.
- funda izicatshulwa zezixhobo zokusasaza ngoku -
  - chonga izazisi ezicenga abafundi ngokusebenzisa:
    - iziphawuli nezibaluli (intsha, ekhwankqisayo, emangalisayo),
    - izafobe ezifana nemfanozandi,
    - uburharha,
    - kusebenzisa inzululwazi/abantu ababalulekileyo ukunyusa imveliso.
  - qonda ngesakhiwo nokuyilwa kwemagazini, ayithelekise nephepha-ndaba.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 3 (Sisaqhubeka)

**UKUFUNDA NOKUBUKELA**

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ukonwaba olwazi ngoku -
  - funda iincwadi ezininzi zeentsomi kunye nezibalisa ngezinto ezikhoyo ngokomgangatho wolwimi nokufunda;
  - vavanya iincwadi kwingxelo yeencwadi;
  - funda basombulule iiphazili (umz. Iphazili yamagama).

- sebenzisa iincwadi zezikhokelo nokukhulisa isigama ngoku -
  - sebenzisa izichazi-magama;
  - bonakalisa isigama esifundiweyo phakathi kwamagama ali-1000 kunye nangama-2500 aqhelekileyo. Abafundi abaza kufunda ezinye izifundo ngolwimi olongezelelweyo, kufuneka kujoliswe kuma-2500.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ulonwabo ngoku -
  - funda iincwadi zeentsomi nezibalisa ngezinto ezikhoyo ngokomgangatho wolwimi nokufunda;
  - vavanya iincwadi kwingxelo yeencwadi;
  - izigxeko-ncomo ezilula zeecwadi;
  - sombulula iiphazili (umz., iiphazili zamagama).

- sebenzisa iincwadi ezizizalathisi nokukhulisa isigama ngoku -
  - sebenzisa izichazi-magama;
  - bonakalisa isigama esifundiweyo phakathi kwamagama angama-2000 nangama-35000 aqhelekileyo. Ukuba abafundi baza kufunda ezinye izifundo ngolwimi olongezelelweyo, kufuneka kujoliswe kuma-3500.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ukonwaba ngoku -
  - funda iincwadi ezininzi zeentsomi nezibalisa ngezinto ezikhoyo ngokomgangatho wolwimi nokufunda;
  - vavanya iincwadi kwingxelo yeencwadi;
  - funda isigxeko-ncomo esilula sencwadi;
  - funda basombulule iiphazili.

- sebenzisa iincwadi zezalathisi ngoku-
  - sebenzisa iphepha lesiqulatho nesalathisi ukufumana ulwazi;
  - sebenzisa izichazi-magama;
  - bonakalisa ukufunda isigama samagama aphakathi kwamagama aqhelekileyo ali-3000 ne-5000. Abafundi abaza kufunda ezinye iinkalo zezifundo ngolwimi olongezelelweyo, maba-jolise kumagama angama-5000.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 4

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngenjongo yokunxibelela ulwazi ngoku -
  - zoba nokulebhila iimephu ezilula, imizobo, iigrafu neetshati;
  - bhala izintlu ezinezihloko;
  - bhala imiyalelo elula;
  - bhala ngeziganeko ezidlulileyo;
  - vakalisa iingcinga ngobhalo, (umz: okokuba incwadi ibanika umdla okanye iyabakruqula);
  - sebenzisa 'isakhelo' aze abhale isigxeko-ncomo.

- bhalela iinjongo zentlalo ngoku -
  - bhala izaziso ezilula okanye imiyalelo.

- bhala ngokuyiliweyo ngoku -
  - sebenzisa iindlela zobhalo oluyiliweyo: izifanadumo izifaniso imfanozandi;
  - kuthi ngenkxaso, babhale umdlalwana olula okanye intetho-mpikiswano;
  - ngenkxaso ubhala ibali elilula.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngenjongo yokunxibelela ulwazi ngoku -
  - zoba aze alebhile iimephu ezilula, imizobo, iigrafu, neetshati;
  - bhala ukulandelelana kwemiyalelo;
  - bhala ngeziganeko ezidlulileyo;
  - bhala iresipi;
  - bhala inkcazelo emfutshane yomntu, into, okanye inkqubo elula;
  - vakalisa ingcinga ngokubhala aze unike nezizathu zoko (umz: kungani ukuba ibali libanike umdla okanye libatyhafise);
  - bhala isigxeko-ncomo;
  - bhala ingxelo yencwadi, (umz. Umfuniselo/ ilinge wenzululwazi).

- bhalela iinjongo zentlalo ngoku -
  - bhala umyalezo omfutshane ofana namacwecwe.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngenjongo yokunxibelela ulwazi ngoku -
  - zoba baze balebhule iimephu, imizobo, iigrafu, neetshati;
  - bhala inkcazelo yomntu, into, okanye inkqubo elula;
  - bhala ingxelo elula (umfuniselo wenzululwazi);
  - vakalisa ingcinga ngokubhala aze anike nezizathu zako umz: kutheni omnye umhobe ungcono kunomnye;
  - bhala isigxeko-ncomo sencwadi.

- bhalela iinjongo zentlalo ngoku -
  - sebenzisa isakhelo abhale ileta yobuhlobo;
  - chonga ezinye iiyantlukwano phakathi kwesimbo sokubhala esisesikweni neso singekho sikweni, (umz: ukukhetha amagama);
  - chonga ezinye iiyantlukwano phakathi kwentetho nokubhala;
  - bhala iingcinga zabo (idayari).

- bhala ngokuyilayo ngoku -
  - bonakalisa ukukhula kobuchule ekubhaleni ibali, imidlalo, iincoko zababini (umz: ngokusebenzise izangotshe zokubhala bekwafakela incoko yababini ebalini);

## IBanga lesi-4

### IsiPhumo sesiFundo sesi - 4 (Sisaqhubeka)

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- yila isicatshulwa sesixhobo sosasazo ngoku -
  - yila isibhengezo esilula, okanye isaziso.

- sebenzisa ulwazi olukhulayo lokwakhiwa nokusetyenziswa koLwimi ngoku -
  - bhala imihlathi besebenzisa 'isakhelo', isakhiwo: (vala isikhewu, hlenga- hlengisa izivakalisi ngokulandelelana kwazo);
  - pela amagama aqhelekileyo ngokuchanekileyo;
  - sebenzisa iziphumlisi ezilula (oonobumba abakhulu, izingxi, iikoma, imihlathi).

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa iindlela zokubhala eziyiliweyo ngoku -
  - bhala imidlalo nencoko yababini;
  - bhala amabali lula;
  - sebenzisa ubuchule bokuyila ubhalo: isifana-dumo isifaniso imfanozandi.

- enza isicatshulwa sesixhobo sokusasaza ngoku -
  - sebenzisa ezinye iindlela zobhalo oluyilayo.

- thatha ukubhala njengenkqubo ngokusebenzisa ulwazi olukhulayo lokwakhiwa nokusetyenziswa koLwimi ngoku -
  - enza uyilo olurhabaxa;
  - funda ngokunzulu;
  - fumana ingxelo kutitshala nakubalingane;
  - phinda abhale emva kwengxelo;
  - qala ukuqonda umahluko phakathi kwezimbo zokubhala (ukuthetha nesimbo esingekho sikweni nokubhala okanye isimbo esisesikweni);
  - pela amagama aqhelekileyo ngokuchanekileyo;
  - sebenzisa iziphumlisi (oonobumba, izingxi, iikoma, uphawu lemibuzo nezikhuzo, isimeli nobumba).

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- enza isicatshulwa sesixhobo sosasaza ngoku -
  - enza isibhengezo, isaziso esilula okanye iphepha lemibuzo elilula;
  - bhala ingxelo yeendaba ezilula.

- qonda inkqubo yokubhala, nokusebenzisa ulwazi olulchulayo lokwakhiwa nokusetyenziswa koLwimi ngoku -
  - enza uyilo olurhabaxa, aze alufunde ngokugxekayo, afumane ingxelo kutitshala nakubalingane aze aphinde abhale;
  - qonda umahluko phakathi ko kuhlaziya (ukutshintsha umxholo nesakhiwo);
  - kuchokela umbhalo esebenzisa:
  - ulwazi lwesakhiwo (umz: igrama, upelo, iziphumlisi, nomahluko wegrama phakathi koLwimi lweNkobe nolwimi olongezelelweyo);
  - nezixhobo (umz: isichazi-magama).

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 5

**UKUCINGANOKUQIQA**
**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ngokudibene ngokwekharityhulamu ngoku -
  - chaza iingqikelelo ezisetyenziswa kwezinye iiNkalo zeziFundo, (umz: isondlo kubuchule bobomi);
  - qonda nokwazi ukusebenzisa isigama sezinye iiNkalo zezifundo;
  - qonda nokuvelisa izicatshulwa ezisetyenziswa kwezinye iiNkalo zeziFundo(umz: ukulandelelana kwexesha).

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngoku -
  - phendula aze aqale ukubuza imibuzo; enokuntsonkotha okuthe kratya (umz: Kutheni.....? Ucinga ukuba........?);
  - landelelanisa izinto  ngokweenqobo (umz: ezindala ukuya kwezintsha);
  - hlela izinto (iintlobo zezithuthi ezahlukeneyo);
  - chonga iimfano neeyantlukwano phakathi kwezinto (umz. phakathi kwenqwelo-ntaka nenqwelo-moya);
  - ahlula inxalenye phakathi kokupheleleyo (imoto: injini, ivili lokuqhuba, amavili);
  - vakalisa intsusa nesiphumo;
  - vakalisa ingcinga banike isizathu sayo;
  - xoxa ngokuxhaswa ngexabiso nokungabi naxabiso kwento ethile, (umz: ukuhamba ngeeteksi);
  - nika iinkcazo nemizekelo ngokuxhaswa (umz: ukudibanisa isigama  nenkcazelo yaso).

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ngokudibene ngokwekharityhulamu ngoku -
  - chaza iingqikelelo ezivela kwezinye iiNkalo zeziFundo (umz: imbalela kwiinzululwazi zentlalo);
  - azi abe nakho ukusebenzisa isigama sezinye izifundo zesikolo (umz: inzululwazi);
  - qonda nokuvelisa izicatshulwa ezisetyenziswa kwezinye iiNkalo zeziFundo, (umz: inkcazelo yenkqubo elula kubugcisa okanye ubuchule bobomi)ingxelo);
  - funda alandele imiyalelo kwilinge elilula lobunzululwazi.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngoku:-
  - phendula aze aqale ukubuza imibuzo enokuntsonkotha okuthe kratya (umz: Kutheni bangazange…..? Ungathini…….?);
  - akha imibuzo ngesicatshulwa esibhaliweyo;
  - landelelanisa izinto (ngokwamanqanaba enkqubo);
  - hlela izinto ngokweenqobo (izilwanyana ezanyisayo nezinganyisiyo);
  - chonga imfano neyantlukwano yezinto;
  - ahlula inxalenye kokupheleleyo;
  - vakalisa intsusa nesiphumo;
  - vakalisa iingcinga banike isizathu sayo;
  - xoxa ngoncedo nokungabi nancedo kwento ethile;
  - bhala, ngenkxaso, ngokuba noncedo nokungabi noncedo kwento (zibeke phezu kwetafile);
  - bhala iinkcazelo ezimfutshane anike nemizekelo.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ngokudibene ngokwekharityhulamu ngoku -
  - chaza iingqikelelo ezisetyenziswa kwezinye iiNkalo zeziFundo (umz: umrhwebi);
  - caphula ulwazi kwizixhobo usebenzisa ulwimi nezinye iiNkalo zeziFundo;
  - qonda nokwazi ukusebenzisa isigama sezinye iiNkalo zeziFundo (umz: inzululwazi);
  - qonda nokuvelisa izicatshulwa ezisetyenziswa kwezinye izifundo, umz: inkcazelo yenkqubo yeteknoloji (umz: Funda imiyalelo elula yomfuniselo wenzululwazi baze ngenkxaso babhale iziphumo.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngoku -
  - phendula imibuzo enokuntsonkotha okuthe kratya (umz: Awunakucinga enye indlela yokucacisa oku.........?);
  - landelelanisa izinto ngokwenqobo yokugweba;
  - hlalutya iimpawu zezinto ukwenzela ukuzihlela;
  - chonga iimfano neeyantlukwano yezinto;
  - ahlula inxalenye yokupheleleyo;
  - vakalisa intsusa nesiphumo;
  - vavanya, ukwenza ukhetho, nezigqibo aze anike izizathu zoko;
  - xoxa ngexabiso nokungabi naxabiso lokuthile, umz. Ukukhwela iibhasi;
  - bhala iinkcazelo anike nemizekelo.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 5 (Sisaqhubeka)

**UKUCINGANOKUQIQA**

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qokelela aze abhale ingxelo ngolwazi ngeendlela ezahlukeneyo ngoku -
  - chaza inkqubo elula ngomlomo, ngenkxaso, ayichaze ngokubhala;
  - yila, ukuzoba, nokulebhila iimephu ezilula, uyilo, iitshati, iigrafu nemizobo.

- guqulela ulwazi lusuka kwenye imo luye kwenye (umz: itshati ibe isicatshulwa) ngoku -
  - mamela kwintetho emfutshane nokubhala ingxelo ngolwazi etshatini okanye alebhile umzobo;
  - sebenzisa ulwazi lwesicatshulwa esibhaliweyo ukuyila igrafu okanye itshati, okanye alebhile umzobo;
  - sebenzisa ulwazi olukwitshati, igrafu okanye umzobo ukubhala isicatshulwa esifutshane.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qokelela aze abhale ingxelo yolwazi ngeendlela ezahlukeneyo ngoku -
  - chaza inkqubo elula enza, azobe aze aphawule iimephu, iitshati, nemizobo, neegrafu;
  - yula, azobe, alebhile iimephu, iitshati nemizobo.

- guqulela ulwazi ukusuka kwenye imo ukuya kwenye ngoku -
  - mamela xa kuthethwa ngolwazi aze arekhodishe ulwazi kwitshati okanye aphawule umzobo;
  - sebenzisa ulwazi lwezicatshulwa ezibonwayo nezibhaliweyo aze enze igrafu okanye itshati okanye aphawule umzobo;
  - sebenzisa ulwazi olukwitshati, kwigrafu, kumzobo aze abhale isicatshulwa;
  - enza imephu yengqondo ukubhala isicatshulwa esifutshane.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qokelela aze abhale ingxelo yolwazi ngeendlela ezahlukeneyo ngoku -
  - kwenza uphando olulula, (umz: uphando ngezothutho);
  - yila, azobe, alebhile iimephu, iitshati nemizobo.

- guqulela ulwazi ukusuka kwenye imo luye kwenye ngoku -
  - mamela xa kuthethwa ngolwazi aze abhale ingxelo yolwazi kwiitshati okanye alebhile imizobo;
  - sebenzisa ulwazi lwezicatshulwa ezibonwayo nezibhaliweyo aze anze iigrafu okanye iitshati okanye alebhile umzobo;
  - sebenzisa ulwazi olukwitshati, kwigrafu okanye umzobo, aza ababhale izicatshulwa;
  - enza izicatshulwa ezifutshane zemephu yengqondo.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi olongezelelweyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda nokusebenzisa ezinye iindlela zemibuzo efana nale:
  - Kutheni unga...........?
  - Ukhe wa………?
  - Ucinga ........?

- sebenzisa amaxesha afundwe kwisiGaba esisiSeko ukunxibelelana ngomlomo nangokubhala:
  - ixesha langoku kwimo ende (Uyafunda);
  - ixesha elidlulileyo (Ndimbone izolo);
  - ixesha elizayo (Ndiza kumbona ngomso, Ndiya kumbona ngomso).

# IBanga lesi-5

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda nokusebenzisa ezinye iindlela zemibuzo:
  - Kutheni ungakhange...........?
  - Yintoni/ ucinga njani ........?
- sebenzisa amaxesha  afundiswe kwisiGaba esisiSeko ukunxibelelana ngomlomo nangokubhala:
  - sebenzisa amaxesha abawazisiweyo kumabanga angaphambili ukunxibelelana ngomlomo nangokubhala;
  - sebenzisa isivumelanisi sentloko kwisilanduli, umz., andi-, aka-;
  - sebenzisa isixando sokwenziwa ukunxibelelana ngomlomo nangokubhalwayo;
  - kwixesha langoku (umz: Igolide yombiwa eMzantsi Afrika);
  - nakwixesha eladlulayo (Ifoni yasulungwa kwiminyaka emininzi eyadlulayo);
  - sebenzisa iindlela zoxhomekeko ukunxibelelana ngomlomo ngokubhaliweyo.

# IBanga lesi-6

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi xa umfundi enoku -

- qonda nokusebenzisa iindlela zemibuzo, umzekelo:
  - Kutheni ucinga ...............?
  - Kutheni ungathanga.....?
- sebenzisa amaxesha ekunxibeleleni ngomlomo nangokubhala ngo: kusebenzisa amaxesha:
  - ixesha langoku neladlulayo;
  - ixesha ebelidlulile kuhlobo lokuqhubeka (bendibukele iTV xa ibisenzeka);
  - sebenzisa isivumelanisi sentloko kwisilanduli umz andi-, aka;
  - khulisa ukusetyenziswa kwezihlanganisi ukunxibelelana ngokubhala nangomlomo (kuba, ukuba);
  - kwandisa ukusetyenziswa  kwezimelabizo, iziphawuli nezihlomelo;
  - sebenzisa iindlela zoxhomekeko ukunibelelana ngomlomo ngokubhaliweyo (umz: Ndakuthenga ukutya ukuba ndiyifumene imali);
  - qonda ukusetyenziswa kwezakhiwo zezivakalisi ezinokuntsonkotha okuthe kratya.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi olongezelelweyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda ukusebenzisa iimilo ezibonisa okunokwenzeka, ukuba nethemba lokungenzeka kwento (umnqweno) nemfuneko, efana nale:
  - ingana namhlanje (okunokwenzeka);
  - ndingaliphakamisa elo litye (ukuba nakho);
  - ayizukuna(isilanduli kwezinye iimeko;)
  - singa singema nabo ngaloo mini (umnqweno).

- qonda nokusebenzisa izihlomelo:
  - izihlomelo ezisetyenziswa njalo (Uhamba kakhulu).

- qonda nokusebenzisa isinye nesininzi zezibizo:
  - izibizo eziqhelekileyo (ihempe, iihempe);
  - izibizo ezingenazininzi (amafutha, amanzi).

- qonda ukusebenzisa isakhiwo sezivakalisi esilula ngoku -
  - dibanisa izivakalisi ezilula ngo "kwaye";
  - hlalutya izivakalisi ezilula (UBulelwa uya njalo esikolweni).

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda nokusebenzisa izihlomelo:
  - izihlomelo ezisetyenziswa njalo (umz: Undithumelela njalo imali).

- qonda nokusebenzisa isakhiwo esilula sesivakalisi ngoku -
  - qonda isakhiwo sesivakalisi esilula;
  - lungiselela izivakalisi ezino 'kodwa';
  - hlalutya izivakalisi ezilula.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda isakhiwo sesivakalisi esithe chatha ukuntsonkotha ngoku -
  - sebenzisa igatya lobalulo, (umz. Igolide eyombi-wa eGauteng ibalulekile ekuthunyelweni kwamanye amazwe);
  - shiya amagama athile kwisivakalisi,- kushiya izinto (umz: Abanye abantu bazizityebi Abanye abazizo).

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi olongezelelweyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- andisa isigama ngoku -
  - chonga izithetha-ntonye (lila, khala);
  - chonga izichasi (inde, imfutshane);
  - sebenzisa isichazi-magama sakhe;
  - qonda amagama aqhelekileyo aphakathi kwama-2000 nama-3500 aqhele ukusetyenziswa ekuthetheni ukuphela kwesiGaba sesi-4. Ukuba aba-fundi baza kufunda ezinye izifundo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka kujongwe ekwazini amagama angama-3500.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- andisa isigama ngoku -
  - hlalutya ukwakhiwa kwamagama (igorha, ubu-gorha);
  - enza iiphazili zamagama;
  - sebenzisa isichazi-magama sakhe;
  - qonda amagama aqhelekileyo aphakathi kwama-3000 nama-4500 aqhele ukusetye-nziswa ekuthetheni ukuphela kwesiGaba sesi-5. Ukuba abafundi baza kufunda ezinye izifundo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka kujongwe ekwazini amagama angama-4500.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- andisa isigama ngoku -
  - nakana amagama ahamba kunye (kumhlophe qhwa hayi kumhlophe krwe);
  - oomabizwafane (ingqina, ingqina);
  - amagama athi uwabhidanise (alusa, olusa);
  - qonda amagama aqhelekileyo aphakathi kwama-4000 nama-5 500 aqhele ukusetyenziswa ekuthetheni ukuphela kwesiGaba sesi-6. Ukuba abafundi baza kufunda ezinye izifundo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka kujongwe amagama angama-5500.

# ISAHLUKO SESI-4
# ISIGABA ESIPHAKAMILEYO
# (AmaBanga ukusuka kwelesi-7 ukuya kwele-9)

## INTSHAYELELO

KumaBanga aphakathi kwelesi-7 nele-9 abafundi bazixhobisela imfundo ephakamileyo noqeqesho bekwazixhobisela nelizwe lokuxelenga. Kungoko kufuneka befikelele kwimigangatho ephezulu kubuchule bokumamela, bokuthetha, bokufunda, bokubhala nokucinga. Iziphumo zezifundo nemigangatho yokuhlola igxininisa kubuchule bobomi nobokufunda.

Kwesi sigaba, abafundi kufuneka:
- bakwazi ukuziqiqela besebenzisa ulwimi;
- bakwazi ukuxoxa imibandela ebalulekileyo efana naleyo yamalungelo oluntu neyemimandla;
- baziswe ngamathuba omsebenzi nawokuqhubela phambili imfundo;
- baziswe ngamalungelo noxanduva lwabo njengabemi besizwe esilawulwa yintando yesininzi nesineenkcubeko ezininzi.

### UkuGqalisela

Abafundi baya kuzifundela bazibhalele izicatshulwa ezahlukeneyo ezinokuntsonkotha okuthe kratya kunoko bebekwenza kumabanga angaphambili. Izicatshulwa ziya kuquka ezo zinxulumene nezinye iinkalo zezifundo, (umzekelo, iinzululwazi ngezentlalo nangezobugqi). Baza kufunda ukubhala izicatshulwa ezidana, umz:
- ukusuka kwizivakalisi nemihlathi ephuhlisa inkqubo ukuya kubhalo lwengxelo yobugcisa epheleleyo, okanye;
- ukusuka kubhalo lwebali elifutshane ngabo ukuya kubhalo olumaphepha athile oluchaza ngobomi babo;
- abafundi baya kufunda babhale izicatshulwa eziquka imisebenzi yokubonwayo, yokuzotyiweyo nowamanani (umz: iifoto, imizobo, namanani). Baya kuba nobuchule ekuyileni nasekwakheni;
- ubuchule bokufunda ufundela imfundo eqhubeka ubomi bonke;
- abafundi baya kukhulisa ubuchule bokufunda obufuneka kwimfundo eqhubeka kubomi bomntu bonke. Baya kufunda ukuba zifundwa njani:
- iindlela ezahlukeneyo zokuphuhlisa iinjongo ezahlukeneyo;
- baphucule nesantya sabo sokufunda;
- baya kufunda  ngokukhawuleza baze bakrwaqule  izicatshulwa;
- ukushwankathela izicatshulwa;
- baya kufunda ukulandela inkqubo enzulu kwizicatshulwa nakulwazi.

**Qaphela:**
Kumabanga 7, 8, nele-9 abafundi baya kuqalisa ukufunda uncwadi.

## IZIPHUMO ZESIFUNDO

### IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi:** Kulwimi olongezelelweyo, ukumamela kungumthombo obaluleke kakhulu wolwazi lolwimi olutsha ( umz: isigama, amaqhalo, igrama, nolwazi lwentlalo nenkcubeko).

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo:** Ukufunda ukuthetha ulwimi olongezelelweyo ngokuzithemba nangokuqondakalayo kulucelo-mngeni, kwaye abafundi badinga amathuba amaninzi, inkxaso nenkuthazo ukufezekisa oku.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.:** Ukufunda kuyimfuneko ekukhuliseni ulwimi, ekonwabeni, ekuzikhuliseni nasekufundeni ngokuphathelelene nehlabathi. Ukufunda kukwasisiseko sokubhala.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi:** Ukubhala kunxulumene kakhulu nokufunda, kusisixhobo esibalulekileyo sokufunda ngokudibeneyo ngokwekharityhulamu. Yindlela yokuzivakalisa nokuzakha. Kuyimfuneko yokuzilungiselela imfundo ephakamileyo nokuba ngummi onempumelelo.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni:** Abafundi baya kuqonda isigama sengqikelelo esintsonkothileyo, baze bakhulise ubuchule bokucinga obukumgangatho ophezulu kwaye bafunde ubuchule obuthe kratya bokufikelela kulwazi nakwezinye iinkalo zezifundo. Konke oku kulisango elikhokelela kwimfundo eqhubeka kubomi bempilo yabo bonke.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa:** Ulwazi olulungileyo lwegrama nesigama zibalulekile ekufundeni, ekubhaleni nasekwenzeni intetho ngobuciko. Igrama nesigama kufuneka zifundiswe kwimeko ethile, zihlanganiswe nokufunda, ukubhala, ukumamela nokuthetha.

# IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA

Kumacandelo alandelayo kuya kunikwa imiGangatho yokuHlola yesiPhumo sesiFundo ngasinye yebanga ngalinye. Imizekelo yezicatshulwa inikiwe enokusetyenziswa kuhlanganiso lokufundiswa kolwimi. Le ayi-yomizekelo epheleleyo utitshala angongeza kuzo ngokukhetha naziphi izicatshulwa ezikhoyo nezifanelekileyo.

## IBanga lesi-7

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo**

- Amabali
- Iindidi zeentsomi
- Iingoma
- Imihobe
- Iziqhulo
- Imiyalelo
- Ukwalathisa
- Iinkcazelo ngabantu nezinto
- Ungxelo ngeziganeko
- Iincoko
- Iintetho ezilungisiweyo
- Izazisi zikanomathotholo
- Umboniso-ntetho  kanomathotholo

**Ezibhalwayo/ezibonwayo:**

- Iincwadi (iintsomi, nezibalisa okukhoyo)
- Amaphepha-ndaba
- Iimagazini
- Imihobe, imidlalo
- Iidayari
- Izicatshulwa zeenkqubo ( imiyalelo, iiresipi)
- Iinkcazelo ezineengongoma ezinobunyaniso
- Ingxelo ( inzululwazi)
- Iincwadi zezinye iinkalo zezifundo
- Izaziso
- Izigxeko-ncomo
- Iithayimthebhile
- Izibhengezo
- Imizobo,iigrafu iitshati

## IBanga lesi–7

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

- Iifoto
- Iiphazili zamagama
- Iikhathuni
- Iziyoliso
- Iincwadi zezalathisi (ezifana izichazi-magama nentyilwazi)

**Ezezixhobo zosasazo:**

- Iinkqubo zabantwana zeTV
- Izazisi zeTV
- Iividiyo
- ICD-Rom ne-intanethi ( apho kuyimfuneko)

## IBanga lesi- 8

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Amabali
- Iindidi zeentsomi
- Iingoma
- Imihobe
- Iziqhulo
- Imiyalelo
- Ukwalathisa
- Imiyalezo ( imiyalezo yefoni)
- Iinkcazelo ngabantu nezinto neendawo
- Iingxelo ngeziganeko
- Iincoko
- Iintetho ezilungisiweyo
- Izazisi zikanomathotholo
- Umboniso-ntetho

## IBanga lesi-8

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

**Ezibhalwayo/Ezibonwayo:**

- Iincwadi (iintsomi, nezibalisa okukhoyo)
- Amaphepha-ndaba
- Iimagazini
- Imihobe
- Imidlalo
- Iidayari
- Amacwecwe
- Izicatshulwa zeenkqubo ( imiyalelo, iiresipi)
- Iinkcazelo ezineengongoma ezinobunyaniso
- Ingxelo ( inzululwazi)
- Iingcaciso
- Iincwadi zezinye iinkalo zezifundo
- Izazisi
- Izaziso
- Izibhengezo
- Izigxeko-ncomo zeencwadi nezeTV
- Isimemo
- Iithayimthebhile noludwe lweenkqubo
- ( Umz: TV)
- Imizobo,iigrafu iitshati
- Iiphazili zamagama
- Iikhathuni
- Iincwadi zezalathisi (ezifana izichazi-magama nentyilwazi)

**Ezezixhobo zosasazo:**

- Iinkqubo zabantwana zeTV
- Iingxelo zemozulu
- Izazisi zeTV
- Iividiyo
- ICD-Rom ne-intanethi ( apho kuyimfuneko)

# IBanga le-9

## IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Amabali
- Iindidi zeentsomi
- Iingoma
- Imihobe
- Iziqhulo
- Imiyalelo
- Ukwalathisa
- Iinkcazelo ngabantu, ngezinto ngeendawo, ngeenkqubo
- Iingxelo ngeziganeko
- Iincoko
- Udliwano-ndlebe
- Iintetho ezilungisiweyo
- Iindaba zikanomathotholo
- Iingxelo zemozulu

**Ezibhalwayo/Ezibonwayo:**

- Iincwadi (iintsomi, nezibalisa okukhoyo)
- Amaphepha-ndaba
- Iimagazini
- Imihobe
- Imidlalo
- Iidayai
- Amacwecwe neeleta
- Izicatshulwa zeenkqubo (umz: imiyalelo)
- Iinkcazelo ezineengongoma ezinobunyaniso
- Ingxelo ( inzululwazi)
- Iingcaciso
- Iincwadi zezinye iinkalo zezifundo
- Izazisi
- Izaziso
- Izibhengezo
- Izigxeko-ncomo zeencwadi nezeTV

## IBanga le-9

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

- Isimemo
- Iithayimthebhile noludwe lweenkqubo
- (Umz: TV)
- Imizobo,iigrafu iitshati
- Iiphazili zamagama
- Iikhathuni
- Iincwadi zezalathisi (ezifana izichazi-magama nentyilwazi)

**Ezezixhobo zosasazo:**

- Iinkqubo zabantwana zeTV
- Iingxelo zemozulu
- Izazisi zeTV
- Iividiyo
- ICD-Rom ne-intanethi ( apho kuyimfuneko)

## IBanga lesi-7

### IsiPhumo sesiFundo soku- 1:

**UKUMAMELA**

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda baxabise amabali, ukuquka nalawo bawa-baliselwa ngabanye ngo -
  - kuphendula ngovakalelo nangokunzulu, aze abuze aphendule imibuzo;
  - kuvavanya ukubaliswa kwebali nokunika ingxelo.

- qonda izicatshulwa zomlomo (ukubalisa ngesiganeko, ukusasazwa lwezemidlalo) ngo -
  - kuphendula imibuzo enokuntsonkotha okuthe kratya;
  - kuchonga ingcamango umz: ukucinga ngeengxelo ezimbini ezifanayo;
  - kuphinda babalise bashwankathela ngokuxhaswa.

- mamela kulwazi oluthile ngo -
  - kuthatha amanqaku alula, (umz: ukulandelelanisa iingongoma);
  - kusebenzisa ulwazi ukugqibezela uluhlu, okanye ukulebhila umzobo.

- mamela ngononophelo kwiingxoxo ngo -
  - kuphendula kwiingcinga nokuhlonipha iimbono zabanye ngentlonipho;
  - kucela igalelo kwabanye nokuphendula kwiimbono zabo;
  - kuphikisa ngempucuko nokungaphazamisi abanye.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda baxabise amabali, ukuquka nalawo bawabaliswe ngabanye ngo -
  - kuphendula ngemvakalelo nangokunzulu, aze abuze aphendule imibuzo;
  - kuvavanya ubuchule bokuphinda babalise ibali nokunika ingxelo.
- qonda izicatshulwa zomlomo, (umz: imihobe, imidlalo kanomathotholo) ngo -
  - kuphendula imibuzo enokuntsonkotha okuthe kratya;
  - kuchonga ingcamango;
  - kuphinda abalise aze ashwankathele;
  - kuchaza iimpawu ezahlukeneyo zezicatshulwa zomlomo, (umz: imihobe okanye izicatshulwa; ezineengongoma ezinobunyaniso).
- mamela kulwazi oluthile ngo -
  - kuthatha amanqaku akhe alula;
  - kusebenzisa ulwazi ukugqibezela uluhlu/itshati/ukulebhila umzobo.
- mamela ngononophelo kwiingxoxo ngo -
  - kubonisa ubuphandle kwiingcinga bahloniphe iimbono zabanye;
  - kucela igalelo kwabanye nokuphendula kwiimbono zabo;
  - kulungela ukucela umngeni kwabanye kodwa ukwenza oko ngokuchubekileyo nokungaphazamisi abanye.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- balisa baxabise amabali, ukuquka nalawo bawabaliselwa ngabanye ngo -
  - kuphendula ngovakalelo nangokunzulu, aze abuze aphendule imibuzo;
  - kuvavanya ubuchule bokuphinda ubalise ibali nokwenza aze anike ingxelo.
- qonda izicatshulwa zomlomo (umz: umboniso-ntetho kanomathotholo) ngo -
  - kuphendula imibuzo;
  - kuphinda ubalise aze ashwankathele;
  - kuchonga ingcamango aze akwazi ukunika enye ingcamango eyahlukileyo;
  - kuhlalutya iimpawu zeendidi ezahlukeneyo zezicatshulwa zomlomo ( umz: incoko, ibali).
- mamela kulwazi oluthile ngo -
  - kuthatha amanqaku akhe alula kusebenzisa ulwazi ukugqibezela uluhlu/itshati okanye ukulebhila umzobo;
  - qonda inkcazelo yento, yomntu, yendawo, okanye yenkqubo, ngoyikuchonga.
- mamela ngononophelo kwiingxoxo ngo -
  - kubonisa ubuphandle kwiingcinga ngokunzulu kodwa ahloniphe iimbono zabanye;
  - kumema igalelo kwabanye nokuphendula kwiimbono zabo;
  - kulungela ukucela umngeni kwabanye kodwa ukwenza oko ngokuchubekileyo nokungaphazamisi abanye;
  - kugxeka iingcinga kungagxekwa mntu.

## IBanga lesi-7

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2:

**UKUTHETHA**

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- guqula/kutolika ngo -
  - kubalisa amabali angolwimi lweNkobe nawolwimi olongezelelweyo.

- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ngo -
  - kusebenzisa ulwimi kwimisebenzi emininzi ngo:kuvakalisa iingcamango, uvakalelo, ukwenza ukhetho, kunika icebo nokwenza iingcebiso (umz: ndicinga kufuneka u......) ngokucela uxolo;
  - kuthatha inxaxheba ekulinganiseni iimeko ezininzi ezibandakanya iintlobo ezahlukeneyo zolwimi (ngokusesikweni nokungekho sikweni kwincoko yefoni).

- bonisa ukukhula kobuchule bokusebenzisa iimpawu zolwimi oluthethwayo ekunxibelelaneni: ucinezelo lwamagama, imvakalozwi nesingqisho.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- guqula nokutolika ngo -
  - kubalisa amabali asuka kulwimi lweNkobe ukuya kulwimi olongezelelweyo;
  - kuguqula/ kutolika imiyalezo.

- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ngo -
  - kusebenzisa ulwimi kwimisebenzi emininzi ngo:kunika nokumema: Ungathanda.....?kwala ngokuchubekileyo (umz Ungakuhlupheka xa unge............... ?);
  - kuthatha inxaxheba ekulinganiseni iimeko ezahlukeneyo ukubandakanya iintlobo ezahlukeneyo zolwimi ( umz: ukunika yobugebenga kumapolisa) sebenzisa ulwimi olongezelelweyo……..) Ukucela uncedo kubahlobo okanye kubantu basemzini (uxolo....... ungandinceda.....).

- bonisa ukukhula kobuchule bokusebenzisa iimpawu zolwimi oluthethwayo ekunxibelelaneni: ucinezelo lwamagama, imvakalozwi nesingqisho.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- guqula nokutolika ngo -
  - kubalisa amabali angolwimi lweNkobe ngolwimi olongezelelweyo;
  - kuguqula okanye ukutolika imiyalezo;
  - kuguqula okanye ukutolika incoko apho kuyimfuneko.

- sebenzisa ulwimi olongezelelweyo ngo -

- kusebenzisa ulwimi kwimisebenzi emininzi:Ukwenza izicelo eziphucukileyo nokucela abantu bangenzi izinto ezithile ( Ungakhathazeka ……..) Ukucela uncedo kubahlobo okanye kubantu basemzini (uxolo....... ungandinceda.....);
  - kuthatha inxaxheba ekulinganiseni iimeko ezahlukeneyo ukubandakanya iintlobo ezahlukeneyo zolwimi ( udliwano-ndlebe lomsebenzi).

- bonisa ukukhula kobuchule bokusebenzisa iimpawu zolwimi oluthethwayo ekunxibelelaneni: ucinezelo lwamagama, imvakalozwi nesingqisho.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2: (Sisaqhubeka)

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuqalisa ukuxoxa ngemibandela yentlalo nokuziphatha ngo -
  - kwabelana ngemisebenzi (usihlalo, umgcini-xesha, unobhala);
  - kutsalela abantu kwingxoxo (ucinga ntoni?...... awucingi ukuba.?..);
  - kuphazamisa ngokuphucukileyo ( Uxolo ……..);
  - kuvakalisa iingcinga nokunika izizathu ukuzixhasa (ndifuna ukuthi.......... kuba);
  - kuvakalisa imvumelwano (unyanisile) nokungavumelani (ewe, kodwa......);
  - kusebenzisa iilwimi ezimbini ngaxesha-nye apho kufanelekileyo.

- bonisa ingqiqo enzulu yosetyenziso yolwimi lwabo ngo -
  - kusebenzisa ulwimi lwabo ukubandakanya abantu kwaye ungasebenzisi ulwimi olubakhuphayo).

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- xoxa ngemibandela yentlalo nokuziphatha ngo -
  - kwabelana ngemisebenzi (usihlalo, umgcini-xesha, unobhala);
  - kutsalela abantu kwingxoxo (ucinga ntoni, awazi ukuba…?);
  - kuphazamisa ngokuphucukileyo, umz: 'Ndixolele......';
  - kuvakalisa iingcinga nokunika izizathu ngelokuzixhasa (ndifuna ukuthi.......... kuba);
  - kuvakalisa imvumelwano ('unyanisile!') nokungavumelani (ewe, kodwa......);
  - kusebenzisa iilwimi ezimbini ngaxesha-nye apho kufanelekileyo.

- kuba nodliwano-ndlebe nomnye ngo -
  - kuqulunqa nokubuza imibuzo esemxholweni;
  - kusebenzisa ithoni, ulwimi olusetyenziswa ngabantu;
  - abathile nolwimi lomzimba;
  - kurekhodisha iimpendulo.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- xoxa ngemibandela yentlalo neyokuziphatha ngokucengayo aze aphendule ngokunzulu ngo -
  - kwabelana ngemisebenzi, (umz: umgcini-xesha, unobhala);
  - kutsalela abantu kwingxoxo (ucinga ntoni, awazi kuba.?..);
  - kuphazamisa ngokuchubekileyo (umz:ndixolele......);
  - kuvakalisa iingcinga nokunika izizathu ukuzixhasa (ndifuna ukuthi.......... kuba);
  - kuvakalisa imvumelwano (unyanisile) nokungavumelani (ewe, kodwa......);
  - kusebenzisa iilwimi ezimbini ngaxesha-nye apho kufanelekileyo.

- kuba nodliwano-ndlebe nomnye umntu (umz: udliwano-ndlebe lomsebenzi) ngo -
  - kuqikelela imibuzo eza kubuzwa nokuzilungiselela yona;
  - kuphendula imibuzo esemxholweni;
  - kusebenzisa ithoni, ulwimi olusetyenziswa ngabantu abathile nolwimi lomzimba ngokufanelekileyo.

- nika intetho emfutshane esesikweni okanye ukwazisa ngo -
  - kusebenzisa iimpembelelo zamanani nezibonwayo (umz : isibhengezo) kusebenzisa izihloko ezicela umngeni ( umz: HIV/AIDS, imibandela ngamalungelo oluntu nangommandla).

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ingqiqo enzulu yosetyenziso yolwimi lwabo ngo -
  - kusebenzisa ulwimi ukubandakanya abantu endaweni yokubakhupha kuba nendlela malunga nokuba ulwimi olongezelelweyo lusetyenziswa nini luze olweNkobe lusetyenziswe nini.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ingqiqo enzulu yosetyenziso lolwimi lwabo ngo -
  - kusebenzisa ulwimi ngokubandakanya abantu endaweni yokubakhupha;
  - kuba nobuchule malunga nokokuba ulwimi olongezelelweyo lusetyenziswa nini luze olweNkobe lusetyenziswe nini;
  - kubonisa ingqiqo ngendlela ulwimi olwakha ngayo ulwazi nokuchonga nokubeka abantu endaweni ( Xa kunikwa intetho malunga neHIV/AIDS).

# IBanga lesi-7

## ISIPHUMO SESIFUNDO SESI–3

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele noku-zonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa .**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda isicatshulwa (iintsomi nezo zibalise ngenyaniso ngo -
  - kuchonga injongo, abaphula-phuli nemeko;
  - kuqaphela indlela isicatshulwa esakhiwe ngayo ukumela ingcinga ethile yehlabathi;
  - kuqaphela indima edlalwa yimifanekiso ukwakha intsingiselo;
  - kuchonga amanqaku aphambili;
  - kumalunga nentsomi abonise ulwazi ngom - linganiswa, ngesakhiwo, nangendawo apho ibali lenzeka khona.

- qonda ngendlela elula  iimpawu zemihobe (imvano-siphelo, isifaniso, isikweko, imfanozandi, isifanadumo, nesingqisho) kuqonda esinye isigama esichaza ezi mpawu ( isimntwiso).

- funda nokuphendula kwizicatshulwa zentlalo (umz: izimemo ezilula, iileta).

- chonga injongo, abaphulaphuli nemeko.

- fundela ulwazi ngo -
  - kulandela izicatshulwa ezinolwazi ( umz: inkcazo yenkqubo njengokwenza iphepha);
  - kufunda imizobo, iigrafu, neetshati;
  - kushwankathela ulwazi.

- hlalutya izazisi neencwadana ngo -

# IBanga lesi-8

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda izicatshulwa  (ezizintsomi nezo zibalisa ngokwenzekileyo) ngo -
  - kuchonga injongo, abaphula-phuli nemeko;
  - kuthelekelela intsingiselo (izinto ezinokufunyanwa kwisicatshulwa);
  - kucacisa nokuvavanya ingcamango kokubhaliweyo nokubonwayo kwinxalenye yesi-catshulwa ( umz: xela ukuba ingcamango ngehlabathi ibonisiwe ngobulungisa okanye ngencinga esoloko isetyenziswa);
  - kwahlula iingongoma eziphambili kwiinkukacha ezichasayo;
  - kubonisa ukwazi umlinganiswa, isakhiwo, nendawo apho ibali lenzeka khona;
  - kwimeko yentsomi qonda ezinye iimpawu zemi-hobe (imvano-siphelo, isifaniso, isikweko, imfanozandi, isifanadumo, nesingqisho).

# IBanga le-9

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda isicatshulwa (ezizintsomi nezo zibalisa ngokwenzekileyo) ngo -
  - kuchonga injongo, abaphula-phuli nemeko;
  - kuthelekelela intsingiselo;
  - kuchonga izinto ezingachazwanga kwisicatshulwa;
  - kuchonga ulwimi olusetyenziswa ngabantu abathile (ngokusesikweni nokungekho sikweni);
  - kucacisa nokuvavanya ingcamango kwinxalenye yokubhaliweyo nokubonwayo kwisicatshulwa aze anike enye ingcamago eyahlukeneyo;
  - kubonisa ingqiqo yendlela isicatshulwa esibeka ngayo umfundi endaweni ( Umz: ngoku-sebenzisa isimelabizo soqobo ‘thina’);
  - kwimeko yentsomi kubonisa ukwazi umlinganiswa, isakhiwo, nendawo apho ibali lenzeka khona nombalisi;
  - kuthelekisa iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa nokuzihlanganisa neenjongo zazo (umz:ukuyalela, ukucenga).

- qonda ezinye iimpawu zemihobe,( umz: isikweko, isingqisho).

- qonda esinye isigama esisetyenziswayo ukuchaza olu lwimi (umz: isikweko).

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi–3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuchonga abaphula-phuli ( umz: Senzelwe bani esi sazisi) ngo -
  - kuchonga imeko: Usibonephi isazisi esinje ngesi?;
  - kuchonga umyalezo;
  - kuchonga intetho echukumisayo;
  - kuxela ukuba sibavakalela njani isazisi banike nezizathu.
- sebenzisa ubuchule bokufunda ngo -
  - kuhlanganisa iindlela ezahlukeneyo zokufunda kwizicatshulwa ezahlukeneyo (umz: ukufunda imiyalelo ngononophelo nangokucotha);
  - kusebenzisa ubuchule  ukunika intsingiselo yamagama  (umz: ukufunda amagama angqongileyo, kujonga imifanekiso/imizobo, ukubuza omnye ayiguqule);
  - kuqalisa ukukhulisa nokuvavanya isantya sokufunda.
- fundela ulonwaba ngo -
  - kufunda iincwadi zeentsomi nezibalisa kumgangatho ofanelekileyo wokufunda nowolwimi;
  - kufunda ezinye iintlobo ezintsha zeencwadi;
  - kuvavanya iincwadi kwincwadi yengxelo;
  - kufunda isigxeko-ncomo esilula;
  - kusombulula iiphazili yamagama.
- bonisa ingqiqo yokokuba iincwadi zezalathisi zisebenza njani ngo -
  - kusebenzisa iphepha leziqulatho nesalathiso ukufuna ulwazi;
  - kusebenzisa isichazi-magama: ukuqonda okukwisichazi-magama: (upelo, ukubizwa kwamagama, izigaba zentetho, intsingiselo);
  - kusebenzisa incwadi yengqokelela yamagama alula.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda nokuphendula kwizicatshulwa zentlalo, (umz: iileta zobuhlobo) ngo -
  - kuchonga injongo, abaphula-phuli nemeko;
  - kuchonga iimpawu zohlobo lwesicatshulwa esifundiweyo (umz: iileta zobuhlobo).

- fundela ulwazi ngo -
  - kulandela izicatshulwa ezinolwazi ( umz: kucacisa indlela into esebenza ngayo njengez-intso zethu)miyalelo, iiresipi, iimaphu;
  - kufunda imizobo, iigrafu, neetshati ngokuntsonkotha okuthe kratya;
  - kushwankathela ulwazi.

- hlalutya iifoto kwizicatshulwa ( umz: ezikwizazisi nakumaphepha-ndaba) ngo -
  - kuchonga intloko, imeko, nabaphula-phuli nomyalezo wefoto;
  - kuchonga ukuba ifoto ithathwe kwiimbono zikabani;

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda nokuphendula kwizicatshulwa zentlalo (umz: iileta ezilula zorhwebo) ngo -
  - kuchonga injongo, abaphula-phuli nemeko;
  - kuchaza iimpawu zohlobo wesicatshulwa esi-fundiweyo ( umz: izazisi esilula somsebenzi);
  - kuphawula kulwimi olusetyenziswa ngabantu abathile bendawo ethile (umz: ngokusesikweni nangokungekho sesikweni);
  - kuhlalutya ingcamango nokwakhiwa kwentsingiselo, indlela umfundi abekwe ngayo.

- fundela ulwazi ngo -
  - kufunda izicatshulwa zolwazi (umz: inqaku elifutshane lwephepha-ndaba);
  - kufunda imizobo, iigrafu neetshati ngokuntsokotha okuthe kratya;
  - kufunda izicatshulwa eziqulathe amanani kushwankathela ulwazi.

- hlalutya ngokunzulu izicatshulwa zezixhobo zokusasaza ( umz: inqaku elifutshane lephepha-ndaba) ngo -
  - kuchonga intloko, imeko, abaphula-phuli nomyalezo wesicatshulwa esibhaliweyo nesi-bonwayo.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuchonga ukuba kukuphi ekushiywe kwifoto kungani ukuba kushiyiwe;
- kugweba ukuba ifoto iyakhumbuleka na okanye hayi unike nezizathu.

- sebenzisa ubuchule bokufunda ngo -
  - kudibanisa iindlela ezahlukeneyo zokufunda kwizicatshulwa ezahlukeneyo, (umz: ukukrwaqula incwadi yefoni);
  - kwandisa nokuvavanya isantya sokufunda;
  - kusebenzisa ubuchule ekunikeni intsingiselo yamagama (umz: ukujonga imifanekiso/ imizobo, ukuxoxa amagama ngolwimi lweNkobe).

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku

- kuhlalutya uhlobo lwesicatshulwa nesimbo sokubhala ( umz: amanqaku ephepha-ndaba aneengongoma eziphambili, ukusetyenziswa kwezivakalisi ezifutshane, ukusetyenziswa kwemihlathi emifutshane, intetho ngqo, ungayifumana njani ingqalelo yomfundi, iziphawuli ezilula).

- sebenzisa ubuchule bokufunda ngo -
  - kufunda ngokukhawuleza izicatshulwa: uku-chonga isihloko neengongoma eziphambili nokusebenzisa iimpawu zesakhiwo ukuquka nemifanekiso;
  - kuhlanganisa iindlela ezahlukeneyo zokufunda kwizicatshulwa ezahlukeneyo (umz: ukufunda ngokukhawuleza inqaku lephepha-ndaba uku-fumana iingcinga eziphambili);
  - kwandisa nokuvavanya isantya sokufunda esebenzisa ubuchule ukuphuhlisa intsingiselo yamagama (umz:, ukuxoxa igama ngolwimi lweNkobe).

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi–3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele noku-zonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ufundo lwesigama esiphakathi kwamagama aqhelekileyo ngama- 4 000 kunye nama-5 500. Ukuba uza kufunda ezinye iinkalo zezifundo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka bajolise kuma-5 500.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ukonwaba ngo -
  - kufunda iincwadi zeentsomi nezibalisa kumgangatho ofanelekileyo wokufunda nowolwimi;
  - kufunda ezinye iintlobo ezintsha zeencwadi, (umz:ezingababaphuli-mthetho zolutsha);
  - kuvavanya iincwadi kwincwadi yeengxelo.

- bonisa ingqiqo yokokuba iincwadi zezalathisi zisebenza njani ngo -
  - kusebenzisa iphepha leziqulatho nesalathisi uku-fumana ulwazi;
  - kusebenzisa isichazi-magama nencwadi yeengqokelela yamagama elula.

- bonisa ufundo lwesigama esiphakathi kwamagama aqhelekileyo angama- 5 000 nama- 6 500. Ukuba baza kufunda ezinye iinkalo zezifundo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka bajolise kuma-6 500.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ukonwaba ngo -
  - kufunda iincwadi zeentsomi nezibalisa kumgangatho ofanelekileyo wokufunda nowolwimi
  - kufunda ezinye iintlobo ezintsha zeencwadi (umz: ubugqi benzululwazi);
  - kufunda nokubhala isigxeko-ncomo.

- bonisa ingqiqo yokokuba iincwadi zezalathisi zisebenza njani ngo -
  - kuvavanya nokukhetha iincwadi ngokuse benzisa iphepha leziqulatho nezalathisi ukufumana ulwazi;
  - kusebenzisa isichazi-magama nencwadi yengqokelela yamagama elula nentyilazwi.

- bonisa ufundo lwesigama esiphakathi kwamagama aqhelekileyo angama- 6 000 nangama- 7 500. Ukuba uza kufunda ezinye iinkalo zezifundo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka bajolise kuma-
  7 500.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala enxibelelana ngolwazi ngo -
  - kugcwalisa iifomu neethayimuthebuli;
  - kubhala umhlathi ube mnye okanye ibe mibini uchaza inkqubo (umz: ulitshintsha njani ivili lemoto);
  - kusebenzisa ulwazi oluvela kudliwano-ndlebe ukubhala ingxelo yenkcazo;
  - kubhala iindidi zezicatshulwa ezifuneka kwezinye iiNkalo zezifundo umz: ingxelo.

- bhalela iinjongo zentlalo ngo -
  - kubhala ileta elula yobuhlobo neyaseburhulumenteni (umz: ukwamkela isimemo nokuphendula kwisazisi) ubonisa ingqiqo yeempawu zohlobo lweisicatshulwa).

- bhalela ukuzivakalisa ngo -
  - kubhala idayari;
  - kubhala isicatshulwa esilula ngobomi bakho.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala enxibelelana ngolwazi ngo -
  - kubhala ingcaciso emfutshane acacise ukuba into yenzeka njani okanye kutheni esenzeka (umz: umjikelezo wombane wenzeka njani);
  - kubhala umhlathi ngokubaluleka kwento nokungabaluleki kwayo ( iimoto njengezithuthi);
  - kusebenzisa ulwazi lophando ukubhala ingxelo (iqulathe oku intloko, intshayelelo, uphando lwenziwe njani, iziphumo, izindululo);
  - kubhala iintlobo zezicatshulwa ezifunwa kwezinye iiNkalo zeziFundo (umz: ukubalisa ngembali).

- bhalela iinjongo zentlalo ngo -
  - kubhala ileta yobuhlobo (umz: ileta yokwala ngokuphucukileyo isimemo) ubonise ingqiqo yohlobo lwesicatshulwa, injongo, abaphula-phuli nemeko nesimbo sokobhala;
  - kubhala imiyalezo ye-imeyili.

- bhalela ukuzivakalisa ngo -
  - kubhala idayari.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala enxibelelana ngolwazi ngo -
  - kubhala izicatshulwa ezidana zemihlathi eminzi echaza iinkqubo, enika iingcagiso, enika ukulunga nokungalungi, exoxa exhasa ekwachasa;
  - kubhala izicatshulwa eziquka iigrafu namanani;
  - kwenza uphando ebhala ngayo (umz: njengomniki-ngxelo okanye inqaku lephepha-ndaba);
  - kubhala izicatshulwa ezifuneka kwezinye iiNkalo zeziFundo, umz: umjikelezo weTeknoloji usebenza njani.

- bhalela iinjongo zentlalo ngo -
  - kubhala ileta elula yorhwebo ( umz iCV elula neleta yokucela umsebenzi;
  - kubhala imiyalezo ye-imeyili esesikweni nengekho sesikweni;
  - kubhala imizuzu yentlanganiso (umz: intlanganiso yeBhunga eliMele abaFundi, iSRC);
  - kubonisa ingqiqo yohlobo lweisicatshulwa, injongo, abaphula-phuli, imeko, nesimbo sokubhala/ulwimi olusetyenziswa ngabantu abathile kwindawo ethile.

- bhalela ukuzivakalisa ngo -
  - kubhala idayari.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4 (Sisaqhubeka)

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngokuyilayo ngo -
  - kubonisa ukukhula kubuchule bokubhala amabali, imihobe, nemidlalo (umz: ngokuquka ingxoxo kwibali);
  - kwenza izicatshulwa zezixhobo zokusasaza ngo;
  - kusebenzisa "isakhelo" ukwenza isazisi esilula;
  - kusebenzisa isakhelo" ukwenza incwadana elula.

- thatha ukubhala njengenkqubo ngo -
  - kuyila, kufunda nokuxoxa ngokunzulu;
  - kusebenzisa ingxelo ekuhlaziyeni, ukuchokela/ kuhlela, nokuphinda babhale;
  - kusebenzisa ulwazi lwegrama, upelo njl.njl. ekuchokeleni.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngokuyilayo ngo -
  - bonisa ukukhula kubuchule bokubhala amabali, imihobe nemidlalo ( umz: ngokusebenzisa ulwimi oluntsonkothileyo);
  - kuguqula amabali (nezinye izicatshulwa) ukusuka kulwimi lweNkobe.
- enza izicatshulwa zezixhobo zokusasaza ngo -
  - kwenza isazisi esilula okanye incwadana.
  - kubhala ingxelo yeendaba elula.
- sebenza ngenkqubo yokubhala ngo -
  - kuyila, ukufunda nokuxoxa ubhalo lwakhe ngokunzulu;
  - kusebenzisa ingxelo ekuhlaziyeni, ukuhleleni/ukuchokela, nokuphinda babhale;
  - kunika ingqalelo kwisakhiwo nakwimo.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngokuyilayo ngo -
  - kuguqula amabali (nezinye izicatshulwa) ukusuka kulwimi lweNkobe, azame ukufumana iqhalo nokuqaphela (ingakumbi ixabiso) ukuba ahluke njani kwezi lwimi zimbini;
  - kubonisa ukukhula kubuchule bokubhala ibali, imihobe nemidlalo ( umz: ukusebenza ngesakhiwo).
  - kwenza izicatshulwa zezixhobo zokusasaza ngo;
  - kuzibhalela isazisi ( Umz: ngokwazisa into ngenjongo yokuba ithengwe);
  - kwenza imagazini, amaqweqwe eencwadi nee-CD.
- sebenza ngenkqubo yokubhala ngo -
  - kuyila, kufunda, nokuxoxa ngobhalo lwakhe ngokunzulu;
  - kusebenzisa ingxelo ukuhlaziya, ukuchokela nokuphinda abhale;
  - kuqulunqa isimo kwisicatshulwa nokokuba iigrafu nemifanekiso zibandakanywa njani;
  - kuvavanya uyilo nesimo.

## IBanga lesi-7

### IsiPhumo sesiFundo sesi-4 (Sisaqhubeka)

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ulwazi olukhulayo lwesakhiwo nokusetyenziswa koLwimi ngo -
  - kwenza isicatshulwa siphefumlelane (umz: ngokusebenzisa izimelabizo);
  - kuqala ukuqonda ukwamkela ingcamango kubhalo.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwazi olukhulayo lokwakhiwa nokusetyenziswa nokusetyenziswa koLwimi ngo -
  - wenza isicatshulwa siphefumlelane, (umz: ngokusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa imihlathi);
  - kubhala imihlathi efanelekileyo enengcinga enye ephambili, isihloko nezivakalisi zokuxhasa;
  - kubhala iintshayelelo neziphelo;
  - kwamkela ingcamango.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ukukhula kolwazi lokwakhiwa nokusetyenziswa koLwimi ngo -
  - kubonisa ingqiqo yesimbo sokubhala nolwimi olusetyenziswa ngabantu abathile kwindawo ethile (umz:ukuphinda ubhale ibali njenqaku lephepha-ndaba);
  - kubonisa ingqiqo yesakhiwo solwazi lwezicatshulwa;
  - kubhala imibhalo emide ephefumlelanayo enentshayelelo neziphelo;
  - kuqala ukubona indlela ubhalo lwakhe olubeka ngayo umfundi endaweni.

## IBanga lesi-7

### IsiPhumo sesiFundo sesi- 5

**UKUCINGANOKUQIQA**

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esityisa ekwasebenzisa ulwazi ekufundeni.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekukwazini ukufunda nokubhala ngokudibene ngokwekharityhulamu ngo -
  - kuqonda esinye isigama ezinye iinkalo zezifundo nokusebenzisa isigama esinxulumene nazo kulwimi olongezelelweyo ( umz: urhwebo kwiNzululwazi yezoQoqosho noLawulo).
  - kuqonda nokuvelisa izicatshulwa ezisetyenziswa kwezinye iinkalo zezifundo, umz inkcazo eneengongoma ezinobunyaniso (kwijografi) ingxelo (kwinzululwazi).

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngo -
  - kubuza aze aphendule imibuzo ekumgangatho ophezulu,( umz: kuya kwenzeka ntoni ukuba.....?);
  - kuchaza nokuhlela.

- qokelela nokurekhodisha ulwazi ngeendlela ezahlukeneyo ngo -
  - kukhetha izixhobo ezisemxholweni (kuchonga amagama aphambili nezivakalisi, ukudwelisa iingongoma ezibalulekileyo).
  - kwenza uphando olulula nokubhala ingxelo bafakela,esebenzisa izixhobo ezifana neegrafu, izintlu, imizobo namanani.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi nokufunda nokubhala ngokudibene ngokwekharityhulamu ngo -
  - kuqonda esinye isigama ezinye iinkalo zezifundo nokusebenzisa isigama esinxulumene nazo kulwimi olongezelelweyo ( umz: uphawu kwiNzululwazi yezoBomi);
  - kuqonda nokuvelisa izicatshulwa ezisetyenziswa kwezinye iinkalo zezifundo, umz ingcaciso ngendlela izintso ezisebenza ngayo (kwinzu-lulwazi) ingxelo (kwinzululwazi);
  - kuvelisa izixhobo ezibonwayo okanye ezegrafu ukuxhasa izicatshulwa umz: umzobo ukucacisa.
- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngo -
  - kubuza aze aphendule kwimibuzo enokuntsonkotha okuthekratya (umz: xa le iguqukile, yiyiphi enye eza kuguquka?);
  - kubhala iinkcazelo, iintlelo neentetho eziqukayo;
  - kuqonda nokusebenzisa ubungqina ukuxhasa ingcingane okanye ingxoxo (umz: ifoto, izinto zamandulo, udliwano-ndlebe nengqina).
- qokelela nokurekhodisha ngo ulwazi ngeendlela ezahlukeneyo ngo -
  - kukhetha ulwazi olusemxholweni nokuthatha amanqaku (kucwangcisa iingongoma ezibalule-kileyo phantsi kweentloko, izifinyezo zamaga);

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekukwazini ukufunda nokubhala ngokudibene ngokwekharityhulamu ngo -
  - kuqonda esinye isigama ezinye iinkalo zezifundo nokusebenzisa isigama esinxulumene nazo kulwimi olongezelelweyo ( umz: uloyiko olungenasizathu lokudibana nabantu basemzini kwiNzululwazi yengezembali nentlalo);
  - kubhala izicatshulwa ezifuneka kwezinye kwezinye iinkalo zezifundo umz: iingxelo neengcaciso (inzululwazi);
  - kuvelisa izixhobo ezibonwayo okanye ezegrafu ukuxhasa izicatshulwa umz: umzobo ukucacisa nokunika ingxelo.
- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngo -
  - kubuza nokuphendula imibuzo entsonkothileyo;
  - kwandisa ngeentetho equkayo, iinkcazelo, iintle-lo kwimihlathi;
  - kucinga ngemizekelo yengxelo jikelele;
  - kubhala iinkcazelo ezinde ngemizekelo;
  - kuqonda nokusebenzisa ubungqina ukuxhasa ingcingane nengxoxo ( ubungqina benzululwazi);
  - kwenza izigqibo.
- qokelela nokurekhodisha ulwazi ngeendlela ezahlukeneyo ngo -
  - kukhetha ulwazi olusemxholweni nokuthatha amanqaku (kucwangcisa iingongoma ezibalule-kileyo phantsi kweentloko neentlokwana, usebenzisa isimo esifana nonobumba abakhulu nokukrwela imigca ngaphantsi);

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi- 5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGANOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esityisa ekwasebenzisa ulwazi ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuguqula ulwazi ukusuka kwenye imo luye kwenye (umz: kusebenzisa ulwazi olukwisicatshulwa esibonwayo okanye esibhaliweyo ukwenza itshati okanye igrafu, okanye ukulebhile umzobo).

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kufunda nokuhlanganisa ulwazi kwizicatshulwa ezibini ezilul ezifanayo;
- kuguqula ulwazi ukusuka kwenye imo lusiya kwenye,( umz., kusebenzisa iimaphu zengqondo).

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kufunda nokuhlanganisa ulwazi olungeentloko ezifanayo kwizicatshulwa ezahlukeneyo;
- kuguqula ulwazi ukusuka kwenye imo luye kwenye ( ngokusebenzisa amanani ukubhala umhlathi).

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- hlaziya igrama efundwe kumabanga angaphambili.
- andisa ukusetyenziswa kwemibuzo ngokusebenzisa izibuzi umz: phi, ni, njani, nini.
- andisa ukusetyenziswa kwezigaba zentetho ezahlukeneyo izibizo nezimelabizo, iindidi zezichazi, izihlomelo, izifanekisozwi, nezihlanganisi, nezenzi.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda indlela yokusetyenziswa kwemilo yokusaqhubekayo ( Ndisatya).
- sebenzisa ixesha elizayo nesihlanganisi u'xa' (umz: Ndiza kuza xa ndingaxakekanga).
- sebenzisa izenzo ezibonisa imbeko (umz: Ungandinceda undiboleke ipensile yakho?).
- qonda nokusebenzisa isihlanganisi ukuba :(Ukuba kuyabanda andihambi).
- andisa ukusetyenziswa kwezigaba zentetho ezahlukeneyo oosobizo, izichazi, izihlomelo, izifanekisozwi, izikhuzo nezihlanganisi nezenzi.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda basebenzise iindlela ezahlukeneyo zokuthetha malunga nexesha elizayo, (umz: Ndiza kuhamba, ndiya kuhamba).
- qonda ukusebenzisa ixesha elibe lidlula kuhlobo lokuqhubeka, (umz: Ubelinde ixesha elide phambi kokuba afike).
- qonda nokusebenzisa ingxelo nentetho.
- qonda ukusetyenziswa kwemo yoxhomekeko (umz: Inkuku ingalilisela iqanda lelayo).
- sebenzisa isixando sokwenziwa kwixesha elizayo, (umz: Ulonyulo luza kubanjwa kwinyanga ezayo).
- sebenzisa izivakalisi ezimbaxa,( umz: amagatya obalulo).
- andisa isigama, ngokusebenzisa isimaphambili ukwenza amagama amatsha (ipolisa, isitulo ).
- andisa ukusetyenziswa kwezigaba zentetho ezahlukeneyo oosobizo, izichazi, izihlomelo, izifanekisozwi, izibanjalo, izikhuzo nezihlanganisi nezenzi.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda ukusebenzisa iimilo ezibonisa okunokwenzeka, uxhomekeko, kuba nakho, umnqweno, ukunyemba, yokungekabikho ukuvakalisa iimfuno:
  - ingana namhlanje (okunokwenzeka);
  - ndingaliphakamisa elo litye (ukuba nakho);
  - umguli angathetha ngolo hlobo uyayolela (imilo yoxhomekeko) ayizukuna(isilanduli kwezinye iimeko);
  - singa singema nabo ngaloo mini (umnqweno);
  - uyawageza(ukunyemba);
  - andikafundi (yokungekabikho).

- andisa isigama  umz: ukusebenzisa isimaphambili sega-ma ukuguqula intsingiselo yesiqu  umz: umntu, abantu, isintu,  uluntu, ubuntu nokusebenzisa izimamva umz: -kazi, -ana, nezimamva zezixando zezenzi.

- bonisa ukwazi amagama aqhelekileyo asetyenziswa kwiimeko aphakathi kwama-4 000 nama-6 500 ukuphela kweBanga lesi-7. Ukuba abantwana baza kwenza ezinye izifundo zabo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka bejolise kwinani elingaphezulu kuneli.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda ukusebenzisa iimilo ezibonisa okuno-kwenzeka, uxhomekeko, kuba nakho, umnqweno, ukunyemba, yokungekabikho ukuvakalisa iimfuno:
  - ingana namhlanje (okunokwenzeka);
  - ndingaliphakamisa elo litye (ukuba nakho);
  - Umguli angathetha ngolo hlobo uyayolela (imilo yoxhomekeko);
  - ayizukuna(isilanduli kwezinye iimeko);
  - singa singema nabo ngaloo mini (umnqweno);
  - uyawageza(ukunyemba);
  - andikafundi (yokungekabikho);

- andisa isigama umz: ukusebenzisa isimaphambili segama ukuguqula intsingiselo yesiqu umz: umntu, abantu, isintu, uluntu, ubuntu nokusebenzisa izimamva umz: -kazi, -ana, nezimamva zezixando zezenzi.

- bonisa ukwazi amagama aqhelekileyo ase-tyenziswa kwiimeko aphakathi kwangama-5 000 nangama-7 500 ukuphela kwebanga lesi-8. Ukuba abantwana baza kwenza ezinye izifundo zabo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka bejolise kwinani elingaphezulu kweli.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda ukusebenzisa iimilo ezibonisa okuno kwenzeka, uxhomekeko, kuba nakho, umnqweno, ukunyemba, yokungekabikho ukuvakalisa iimfuno
  - ingana namhlanje (okunokwenzeka);
  - ndingaliphakamisa elo litye (ukuba nakho);
  - Umguli angathetha ngolo hlobo uyayolela (imilo yoxhomekeko);
  - ayizukuna(isilanduli kwezinye iimeko);
  - singa singema nabo ngaloo mini (umnqweno);
  - uyawageza(ukunyemba);
  - andikafundi (yokungekabikho).

- andisa isigama umz: ukusebenzisa isimaphambili segama ukuguqula intsingiselo yesiqu umz: umntu, abantu, isintu, uluntu, ubuntu nokusebenzisa izimamva umz: -kazi, -ana, nezimamva zezixando zezenzi.

- bonisa ulwazi lwamagama aqhelekileyo ase-tyenziswa kwiimeko ethile aphakathi kwama-6 000 nama-8 000 xa kuphela kwebanga lesi-9. Ukuba abantwana baza kwenza ezinye izifundo zabo ngolwimi olongezelelweyo kufuneka bejolise kwinani elingaphezulu kweli.

# ISAHLUKO SESI-5
# UKUHLOLWA KOMFUNDI


## INTSHAYELELO

Isakhelo sokuhlola seNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe samaBanga R ukuya kwele-9 isekeke kwimigaqo yenkqubo yemfundo esekeke kwiziPhumo. UHlolo kufuneka lunike izalathisi zempumelelo yomfundi ngendlela efanelekileyo nokuqinisekisa ukuba abaFundi bahlanganisa kwaye basebenzisa ulwasi nobuchule. UHlolo kufuneka luncede abafundi ekwenzeni izigwebo malunga nokwenziwe ngabo, ukumisa iinjongo zenkqubela-phambili nokwenza baqhubele phambili ukufunda.

Ukuncedisa inkqubo yokuhlola iNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe:

- Ibonisa iziphumo zesifundo  nemigangatho yokuhlola ehambisana nazo kwiNkalo yesiFundo ngasinye nakwibanga ngalinye lemfundo noQeqesho Jikelele (Amabanga ukusuka kuR ukuya kwibanga lesi-9).
- Ngqamanisa iziPhumo ezinguNdoqo nezoPhuhliso kwiziPhumo zesiFundo nemiGangatho yokuHlola kwiNkalo yesiFundo nganye.
- Beka imiGangatho yokuHlola embindini wenkqubo yokuhlola kwibanga ngalinye. Ichaza umgangatho apho abafundi kufuneka bebonise ukuphumelela kwabo iziphumo zesifundo kunye neendlela (zobunzulu nobubanzi) zokubonisa ukuphumelela kwabo.

Lo mzobo ulandelayo ubonisa intsebenziswano phakathi kweempawu zesakhiwo zale Nkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe:



# IMIGAQO YOHLOLO ESETYENZISWA KWIMFUNDO ESEKEKE KWIZIPHUMO

## INkcazelo

UHlolo kwiNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (ezikolo) izingile kwaye yinkqubo equlunqelwe ukuqokelela ulwazi malunga nokwenziwa ngumfundi okulinganiswa ngemiGangatho yokuHlola yeziPhumo zeziFundo yeSizwe eHlaziyiweyo. Lufuna ukuba imilinganiselo yohlolo ichazwe ngokucacileyo kwaye lufuna neendlela ezifanelekileyo ezivumela ootitshala ukuba banike iingxelo eyakhayo kubafundi nokunika ingxelo kubazali, nakwabanye abantu abanomdla.

## IiMpawu ezinguNdoqo

Imfundo esekeke kwiziPhumo yindlela yokufunda nokufundisa eyenza kucace oko kulindelwe kokuba kuphunyelelwe ngumfundi. Umgaqo esebenza ngayo kukuba utitshala uchaza kwantlandlolo ekulindelwe kumfundi. Umsebenzi katitshala kukufundisa abafundi ukubanceda ukuba banelise iimfuno zemiGangatho yokuHlola ekwikharityhulamu, uze umsebenzi womfundi ibe kukufunda okanye ukwenza oko kulindelwe yimiGangatho yokuHlola. UHlolo luyafuneka kwimfundo esekeke kwiziPhumo kuba lwenza kuhlolwe oko kuphunyelelwa ngumfundi okufunekayo kwibanga elilandelayo.

Ukunceda abafundi ukuba bafikelele kowona mgangatho wabo uphezulu wokwenza izinto ngempumelelo, uhlolo kufuneka:

- lwenziwe ngendlela ecacileyo kwaye lujolise ngokucacileyo;
- luhlanganiswe nokufundisa nokufunda;
- lusekwe kwimigangatho okanye kwimilinganiselo esele imiselwe;
- lwahluka-hlukane ngokuphathelele kwiimethodi, kwaye;
- lunyaniseke, lulunge, luthembeke, lube nobulungisa, luhambe ngokwesantya somfundi.

## INjongo yokuHlola

Eyona njongo yokuhlolwa kwabafundi engundoqo kufuneka ibe kukukhuliswa nokuphuhliswa kwabo, ukulandela inkqubela-phambili yabafundi nokuqhubela phambili ukufunda kwabo. Eminye imisebenzi yohlolo iquka:

- *uhlolo olusisiseko koko sele kusaziwa*
  UHlolo olusisiseko ludla ngokwenziwa ekuqaleni kwebanga okanye ibakala ukuzinzisa oko sele kusaziwa ngabafundi. Lunceda utitshala ekuqulunqeni iinkqubo zokufunda nemisebenzi yokufunda.

- *uhlolo lwezidingo zomfundi*
  UHlolo lwezidingo zomfundi lusetyenziselwa ukufumana malunga nesimo nesizathu zezithintelo zokufunda ezifunyanwa ngumfundi othile. Oku kunika ithuba lokuba kunikwe inkxaso efanelekileyo, iindlela zokungenelela,

- *uhlolo olwakhayo*
  UHlolo olwakhayo lulawula kwaye luxhasa inkqubo yokufunda nokufundisa kwaye lukwasetyenziswa ekuxeleleni abafundi nootitshala malunga nenkqubela-phambili yabafundi ukuphucula ukufunda. Ingxelo eyakhayo iyanikwa ukukhulisa umfundi.

- *uhlolo olushwankathelayo*
  UHlolo olushwankathelayo lunika umfanekiso wonke wenkqubela-phambili yomfundi wexesha elimisiweyo okanye ukuphela konyaka okanye ukugqithiselwa kwesinye isikolo.

- *uhlolo olwenziwe ngendlela emisiweyo*
  UHlolo olwenziwe ngendlela emisiweyo yindlela yokujonga ukusebenza kwesixokelelwano semfundo. Enye inxalenye yolu hlolo kokwenziwa ngumfundi ngokunxulumene nezalathisi zesizwe. Isixokelelwano sihlolo senziwa ekupheleni kwesigaba ngasinye sebakala leMfundo noQeqesho Jikelele. Kolu hlolo isampulu engumzekelo yezikolo nabafundi ikhethwa ngokwesizwe okanye ngokwamaphondo.

## UHLOLO OLUZINGILEYO

### IiMpawu zoHlolo oluZingileyo

UHlolo oluzingileyo yindlela engundoqo uhlolo olwenzeka ngayo kwiNkcazelo yeKharityhulamu eHlaziyiweyo. Luquka yonke imigaqo yokuhlola yemfundo esekeke kwiziPhumo kwaye luqinisekisa ukuba:

- *lwenzeka ngaphaya kwexesha kwaye luzingile:* Ukufunda kuhlolwa njalo kwaye iingxelo zenkqubela phambili yabafundi ihlaziywa unyaka wonke.

- *luxhasa ukukhuliswa nokuphuhliswa kwabafundi:* Abafundi baba ngabathathi nxaxheba abakhutheleyo ekufundeni nakuhlolo, kwaye bayayiqonda inqobo setyenzisiweyo kwimisebenzi yohlolo, bayabandakanyeka ekuzivavanyeni, bazibekela abakwenzayo, baze bahlaziye ukufunda kwabo ngokwenza njalo babe banyusa umgangatho wobuyena.

- *lunika ingxelo ekufundeni nasekufundiseni:* Ingxelo ngundoqo kuhlolo olwakhayo. Iimethodi zengxelo ziquka ukubuza imibuzo ngokufanelekileyo, kwaye zijolise kukuphawula ngomlomo kukatitshala nakokubhaliweyo koko kufuneka kuphunyelelwe ngumsebenzi wohlolo, nokukhuthazwa komfundi.

- *luvumela uhlanganiso lohlolo:* Oku kungaquka iqela leziPhumo zesiFundoezinxulumeneyo kumsebenzi owodwa wokuhlola,kwaye kudityaniswe iqela leemethodi zokuhlola ezahlukeneyo, ubuchule, nezixhobo. Ubuchule kwiziPhumo zokuHlola zinokuboniswa ngeendlela ezahlukeneyo, kungoko iimethodi zohlolo ezahlukeneyo namathuba kufuneka enikiwe ukuze abafundi babe nokubonisa ubuchulebabo.

- *lusebenzisa iindlela ezijongene nezidingo zomfundi ezahlukeneyo ( ulwimi,inkangeleko, ubume bengqondo, uvakalelo nenkcubeko)* UHlolo oluzingileyo luvumela ootitshala ukuba babe novakalelo kubafundi abanezidingo ezithile zemfundo nokwahlula izithintelo ngeenkqubo ezinobumvoco. Nakuliphi iqela labafundi kukho izantya ezahlukeneyo nezimbo zokufunda ezahlukeneyo. Abafundi abanakuhlolwa bonke ngexesha elinye nangendlela enye.

- *luvumela uhlolo olushwankathelayo:* Ingqokelela yeziphumo zemisebenzi yohlolo oluzingileyo inika umfanekiso jikelele wenkqubela phambili yomfundi kwixesha elinikiweyo. UHlolo olushwankathelayo kufuneka luqulunqwe ngononophelo kwasekuqaleni konyaka, ukuquka neendlela ezahlukeneyo zohlolo- umzekelo, imisebenzi, imisetyenzana, iiprojekthi, iimvavanyo zesikolo nezeklasi- eziya kunika abafundi amathuba amaninzi okubonisa oko bakufundileyo.

## IiNdlela ngeeNdlela zokuHlola

Ukhetho lokusetyenziswa kweendlela zokuhlola zisoloko ziqhutywa luluvo, kwaye zahluka ngokwetitshala nganye, ngokwebanga nangokwesikolo kwaye luxhomekeke kubuchule bokugweba bukatitshala. Ukubakho kwendawo nobutyebi bunempembelelo kwesi sigqibo, kodwa xa ubutyebi bufana, ootitshala bahlukana ngeendlela abenza ngazo ukhetho. Iimethodi, ezikhethelwe imisebenzi yohlolo kufuneka zifanele imiGangatho yokuHlola ehlolwayo, kwaye injongo yohlolo kufuneka iqondwe ngokucacileyo ngabafundi bonke kwanootitshala ababandakanyekayo. Ubuchule bungabonisiwa ngeendlela eziliqela. Iimethodi ezahlukeneyo ngoko ziyimfuneko ekunikeni abafundi ithuba lokubonisa ubuchule babo ngokupheleleyo.

## UmSebenzi wokuHlola oFanayo

Injongo yomsebenzi wohlolo ofanayo kuku:

- qinisekisa ukungaguquguquki kwezigwebo zikatitshala;
- phucula umgangatho wokuseta ofanayo;
- nika amandla kumthamo wohlolo oluzingileyo olusekeke esikolweni;
- andisa ukufaneleka kwenkqubo nezixhobo zohlolo;
- qinisekisa ukuba imisebenzi yohlolo olusekeke esikolweni luhlola ubuchule;
- nempumelelo ngokufanelekileyo;
- nokuqinisekisa ukwandisa amathuba abafundi.

Imisebenzi yohlolo efanayo ingamiselwa kwinqanaba lesizwe lephondo lwengqila okanye lwezikolo ezihlangeneyo. Oku kungenziwa kwinqanaba lesikolo kwaye lubekwe emgangathweni ngabantu bangaphandle.

# UKULAWULWA KOHLOLO

## Abantu ababandakanyeka kuhlolo

Isikolo nootitshala banexanduva jikelele lokuhlola abafundi. Ootitshala balindeleke ukuba bayile inkqubo yohlolo enyanisekileyo, ethembekileyo kwaye ekholelekayo. Imigaqo yamaphondo kufuneka iqinisekise ukubandakanywa kwabafundi , amaqela ohlolo esikolo, amaqela enqila axhasayo, iinkonzo zenkxaso, abazali ngokufanelekileyo.

## Inkqubo yesikolo yohlolo

Isikolo ngasinye kufuneka sivelise umgaqo wohlolo osekeke kwizikhokelo zokuhlola zephondo nezesizwe. Kufuneka sibe neQela loYilo nelokuHlola lesiKolo ukuqhubela phambili ukuzalisekiswa kwenkqubo. Eli qela kufuneka limelwe sisigaba ngasinye nayiNkalo yesiFundo nganye.

Ukuqinisekisa inkqubo enobuchule kuhlolo, umgaqo wohlolo wesikolo kufuneka ucacise ngokucacileyo:

- indlela uhlolo oluzingileyo oluqulunqwa ngayo noluzalisekiswa ngayo;
- indlela iincwadi zengxelo ezigcinwa ngayo, ukufikelela nokhuseleko;
- iikhowudi zohlolo ezimiselwe liphondo;
- isiqinisekiso sangaphakathi sesikolo;
- indlela yokubeka emgangathweni okwenziwayo esikolweni;
- indlela esetyenziswa njalo yokunika ingxelo;
- ukujonga zonke iinkqubo zohlolo;
- nokuqeqeshwa kwestafu kwiinkalo zohlolo.

Iinkalo apho iimfuno zoqeqesho lwesikolo kufuneka zenziwe  ziquka:

- indlela yokusetyenziswa komlinganiselo/indlela yolawulo yokuhlolwayo ekuhloleni;
- ukufumana imvumelwano phakathi kweetitshala zebanga elinye  ngokufuneka kwenziwe ukwanelisa iziPhumo zesiFundo;
- indlela yokubhala amagqabantshintshi emisebenzi yokuhlola neengxelo;
- nokuphumelela kwengqiqo efanayo yenkqubo yohlolo yesikolo.

# UKUGCINWA KWENGXELO

## IiNcwadi zeNgxelo

Ukugcinwa kwengxelo okulungileyo kubalulekile kulo lonke uhlolo ingakumbi kuhlolo oluzingileyo.  Incwadi yengxelo okanye ifayile kufuneka igcinwe ngutitshala . Le ncwadi iqulathe:

- amagama abafundi;
- imihla yokuhlola;
- igama nenkcazelo yomsebenzi wohlolo;
- iziphumo  zemisebenzi yohlolo  ngokweNkalo yesiFundo neNkqubo yokuFunda;
- namagqabantshintshi ngeenjongo zokuxhaswa.

Zonke iingxelo kufuneka zifikeleleke, zitolikeke ngokulula, zigcinwe ngokukhuselekileyo, njengehlebo, kwaye zibe luncedo kwinkqubo yokufundisa nokunika ingxelo.

INkqubo yohlolo yesikolo umisela iinkcukacha zeendlela zokugcwaliswa kweencwadi zengxelo. Iikhowudi zohlolo ezikhethiweyo zisetyenziselwa ukuvakalisa indlela umfundi enza ngayo ngokweziPhumo zesiFundo. Iikhowudi ezisetyenziswayo kufuneka zicacile kwaye ziqondwe ngabafundi nabazali.

## IiKhowudi eziSetyenziswa kuHlolo

Kuneendlela ezininzi zokunika iingxelo kubafundi ngohlolo nokugcinwa ngootitshala. Ukukhetha eyona ndlela elungileyo yokwenza oku umsebenzi wohlolo uxhomekeka kwiqela leemeko  ezifana :

- neqela labafundi eklasini nobungakanai bexesha analo utitshala;
- nokuntsonkotha nobude bomsebenzi wohlolo;
- nomxholo ofundiweyo okanye ubuchule obuhlolwayo ( iMathematika okanye ubhalo);
- nokuba ingxelo inikwa ngokukhawuleza kangakanani;
- nokuba ingxelo ngabanye ngabanye yenziwa njani;
- nomlinganiselo ( indlela esetyenziswa ekuhloleni) osetyenziswa ngutitshala ukuchaza okwenziwa ngumfundi;
- nokuba okwenziwa ngumfundi kuthelekiswa nabalingane, nokwenziwe kwixesha elidlulileyo, kunye/ okanye iimfuno zemiGangatho yokuHlola neziPhumo zesiFundo.

Ezinye iikhowudi zohlolo zingcono kunezinye. Umzekelo, amagqabantshintshi anganzulu, kwaye anike iingcebiso zophuculo. Amagqabantshintshi aluncedo ekunikeni ingxelo ngokwenziwa ngabafundi ngokwemiGangatho yokuHlola. Nangona kunjalo, amagqabantshintshi athatha ixesha elide ukubhalwa kwaye akukho lula ukuwarekhodisha. Iikhowudi ezifana ugqithisile, kulunge kakhulu, kulungile, unobuchule akwanelisanga kulula ukuzibhala kwaye zivumela  uhlolo lwenkqubela phambili ngokomsebenzi odlulileyo nangokwemiGangatho yokuHlola. Nangona kunjalo, aziniki bunzulu obenziwa ngokulindelwe ngamagqabantshintshi.  Amanqaku kwelinye icala arekhodisheka lula kwaye angadityaniswa, aphinda-phindwe kwaye ahlula-hlulwe. Aluncedo ekuhloleni okwenziwa ngabafundi ngokunxulumene kwabanye eklasini, nakwamanye amabanga okanye esikolweni. Nangona kunjalo anika ulwazi oluncinane ngokwenziwa ngabafundi ngokwemiGangatho yokuHlola.

Imizekelo phakathi kweminye emininzi yeekhowudi zohlolo zokuqhubela phambili:

- akakaphumeleli , usondele, uphumelele;
- okwenziwayo kuyanelisa, kufuna inkxaso;
- A, B, C;
- namabinza  enzelwe umsebenzi ohlolwayo okanye ingxelo.

Nokokuba yiyiphi ikhowudi yohlolo esetyenziswayo, ingxelo inentsingiselo xa ikhatshwa ngamagqabantshintshi. Kungakho uphuculo kokuphunyelelweyo xa abafundi benikwe ingxelo ebhaliweyo kunokunikwa amanqaku kuphela. Nangona amanqaku neepesenti ziluncedo kakhulu njengoko kulula ukubhala amanqaku kwincwadi yengxelo , awaloncedo ekunikeni ingxelo. Ezinye iingxaki ezenziwa ngamanqaku angandiswa kwaye anga-setyenziselwe ezinye iinjongo kwaye afihla okuninzi ngokuphunyelelwe ngumfundi nenkqubela phambili. Ukuba umfundi ugqibe ngaphezulu komsebenzi omnye ohlolwayo kuya kubakho umtsalane wokusebenzisa amanqaku, ukudibanisa nokubeka kumgangatho othile. Xa oku kusenziwa amanqaku awaloncedo ekunikeni ulwazi. Umgangatho ufihla obekunokuphunyelelwa ngokulungileyo ngumfundi kukufunda ebekulindelwe kwisimo esithile kunakwesinye. Amanqaku anika imbonakalo jikelele yokuphunyelelwayo aze afihle izizathu zoku phunyelelwa kohlolo ( okanye ukunqongophala kokuphunyelelweyo) ngumfundi kwaye kuthintela ugqaliselo ekufundeni okuthile kuhlolo. Kwaye akachazi inkqubela phambili yomfundi kwikharityhulamu. Kumaxesha amaninzi ukugcina inqaku elifanayo ( ngaphandle kokuba luyanelisa) luthathwa njengesalathisi esanelisayo senkqubela phambili. Amanqaku angama-70 ngokwemiGangatho yokuHlola yeBanga lesi-5 namanqaku anga-ma-70 ngokwemiGangatho yokuHlola yeBanga lesi-6 ayifihla ngokupheleleyo inkqubela phambili yomfundi angayenza ekuhambeni konyaka, echazwa ngcono kwingxelo, kwikhowudi, okanye kumagqabantshintshi.

## IiKhowudi zeSizwe

Ekunikeni ingxelo ngempumelelo yomfundi kwiziPhumo zesiFundo zebanga elithile, ezi khowudi zingasetyenziswa:

4 = Okwenziwe ngumfundi ***kugqithisile*** kwimfuno zesiPhumo sesiFundo sebanga
3 = Okwenziwa ngumfundi ***kwanelisile*** kwimfuno zesiPhumo zesiFundo sebanga
2 = Okwenziwa ngumfundi ***kunxalenye*** kwimfuno zesiPhumo zesiFundo sebanga
1 = Okwenziwa ngumfundi ***akwanelisanga*** kwimfuno zesiPhumo zesiFundo sebanga

## Uludwe lwenkqubela-phambili

Ekupheleni konyaka uludwe lwenkqubela-phambili kufuneka ibe igqityiwe, ityikitywe yinqununu okanye umsebenzi karhulumente. Uludwe lwenkqubela-phambili yingxelo enesishwankathelo solwazi malunga nenkqubela-phambili yabafundi bonke bebanga esikolweni.

Uludwe lwenkqubela-phambili kufuneka luquke olu lwazi:

- igama lesikolo nesitampu saso;
- uluhlu lwababafundi kwibanga ngalinye;
- iikhowudi zenkqubela-phambili kwiNkalo yesiFundo nganye ( isixokelelwano seekhowudi zesizwe);
- iikhowudi zenkqubela-phambili kwibanga ngalinye (ukuqhubela phambili ukuya; kwelinye ibanga okanye ukuhlala kwelo banga umfundi ebekulo);
- phawula kumandla nakwindawo ezifuna inkxaso kwiNkalo yesiFundo nganye;
- nomhla notyikityo lwenqununu, utitshala nomsebenzi waseburhulumenteni.

## IiNgxelo zomFundi

Ingxelo yomfundi yingxelo ezingileyo yolwazi jikelele ngembonakalo yenkqubela-phambili yomfundi ukuquka uphuhliso olupheleleyo lokuxabiseka, iimbono, nophuhliso lwentlalo. Inceda utitshala kwibanga elilandelayo okanye isikolo ukuba azi umfundi ngcono aze aphendule kuye ngokufanelekileyo.

Ingxelo yomfundi ngamnye kufuneka ikhusele umfundi ngamnye kwaye imkhaphe umfundi kuyo yonke inkqubela-phambili yesikolo.

Olu luhlobo lolwazi kufuneka lubandakanywe kwingxelo yomfundi:

- ulwazi oluphathelele kumfundi ngokunokwakhe;
- inkangeleko akuyo ngokwempilo kunye nolwazi okanye imbali ngempilo yakhe;
- izikolo athe wafunda kuzo nerekhodi ebonisa oko;
- ukuthatha inxaxheba nezinto athe waziphumelela kwizinto ezizezinye ezenziwayo esikolweni ngaphandle kwemfundo;
- uvakalelo nokuziphatha;
- ukubandakanyeka kwabazali;
- indawo apho umfundi asafuna khona uncedo;
- ingxelo eshwankathelayo equka konke okuthe kwenziwa kulo nyaka;
- iirekhodi ezishwankathelayo zeminyaka yokufunda;

**Qaphela :**

- Ingxelo yomfundi ithatha indawo yazo zonke iincwadi zokurekhodisha ebezisetyenziswa ngaphambili sisikolo, ezifana namacwecwe okurekhodisha, amacwecwe anenkcazelo abhalwe ngumncedi katitshala, namacwecwe e-Edlab. Injongo engundoqo yengxelo yomfundi kukunceda umfundi ukuba afumane ulwazi olwahluka-hlukeneyo oluqulethwe kuyo.
- Ulwazi ngaye olukwingxelo akufuneki nanini na ukuba lusetyenziselwe ukucalu-calula ngokungenabulungisa.
- Iingxelo zomfundi kufuneka zingaphazanyiswa nepotifoliyo. Ipotifoliyo yindlela yohlolo olunika umfundi notitshala ithuba lokucinga ngomsebenzi omawenziwe kwiqela lemisebenzi yohlolo. Umsebenzi ufakwa ebhokisini okanye kwifayile. Ingxelo yomfundi ngamanye amazwi yirekhodi equlathe ulwazi ngomfundi.

# IINGXELO

## UlwAzi oluFuneka luBandakanywe kwiiNgxelo

Utitshala kufuneka aphendule kubafundi, kubazali, kwisixokelelwano semfundo, nakuluntu ngokubanzi ngokuhlolwa komfundi. Ukongeza kwiingxelo ezibhalwayo , ukwazisa ngomlomo okanye ngokwenza, imiboniso yemisebenzi yabafundi kungasetyenziswa.

Ingxelo nganye kwinkqubela phambili yomfundi kufuneka ibandakanye ulwazi:

- ngesifundo esithe saphunyelelwa;
- ubuchule agqwesa kubo umfundi;
- uncedo asalufunayo;
- nengxelo eyakhayo ngoko bekweziwe ekufuneka kuquke amagqabantshintshi malunga nokwenziwa ngumfundi ngokunxulumene nabalingane nokwenziwe ngumfundi kwixesha elidlulileyo ngokunxulumene neemfuno zeeNkalo zeziFundo.

Ukunika ingxelo kubazali kufuneka kwenziwe rhoqo ukukhuthaza ukuthathwa kwenxaxheba nokubandakanya abazali kwimfundo yabantwana babo. Kuqhelekile ukuba ungabinakho ukunika ulwazi kokuphunyelelwe kwisiPhumo sesiFundo ngasinye. Nangona kunjalo iingxelo kufuneka zinike ulwazi ngokuphunyelelweyo kwiNkalo yesiFundo okanye iNkqubo yokuFunda nganye kwimeko yesiGaba esisiseko.

## AmaCwecwe eNgxelo

Ubuncinane beemfuno zecwecwe lwengxelo zi:

*1) Ulwazi olusisiseko*

- Igama lesikolo;
- Igama lomFundi;
- IBanga akulo umfundi;
- Unyaka wokuzalwa womfundi;
- Unyaka nexesha elimisiweyo;
- Isityikityo sesivumelwano nomhla, esenziwa ngumzali okanye umondli ojongene nemfundo yomfundi.
- Isityikityo sesivumelwano kunye nomhla, esenziwa ngutitshala;
- Umhla wokuvalwa nalowo wokuvulwa kwezikolo;
- Isitampu sesikolo;
- Ingxelo yokuhanjwa kwesikolo;
- Nokuchazwa kwenkqubo yesizwe yokukhowuda, esetyenzisiweyo.

*2) Amandla nezidingo*

- Nika inkcazelo yamandla, izidingo zophuhliso nezo ndawo asafuna uncedo kuzo umfundi kwinkalo yesifundo okanye inkqubo yesifundo nganye.
- Sebenzisa isixokelelwano sokukhowuda sesizwe ukuhlola okwenziwa ngabafundi kwiziPhumo zesiFundo esele zenziwe akungokwemiGangatho yokuhlola apho unika ikhowudi ngeNkalo yesiFundo nganye.Kwingxelo yokuphela konyaka, bonisa konke okuquka indlela aqhube ngayo umfundi kuzo zonke iziPhumo zesiFundo.

3) *Ukwenziwa kwamagqabantshintshi kwiNkalo yesiFundo okanye kwiNkqubo yesiFundo nganye*

- Yenza amagqabantshintshi kwinkqubo okanye inkalo yesifundo nganye, ugxininisa kubafundi abenze kakuhle bada bagqithisa kwiimfuno ebezilindelekile okanye abo basafuna uncedo kwiindawo ezithile. Nxulumanisa amagqabantshintshi owenzileyo kumandla okanye iindawo umfundi asafuna uncedo kuzo kwimiGangatho yokuHlola. La magqabantshintshi aya kunika ithuba abazali, abafundi nabanye abafundisi-ntsapho lokuqonda ukuba luluphi uncedo umfundi aludingayo.

# ULUHLU LWEZALATHISI

## INKCAZELO YAMAGAMA OHLOLO NAWEKHARITYHULAMU

**UHlolo –** inkqubo ezingileyo necwangcisiweyo yokuqokelela ulwazi ngoko kwenziwa ngumfundi, kulinganiswa ngokweMigangatho yokuHlola.

**ImiGangatho yokuHlola –** ulwazi, izakhono nokuxabisekileyo ekufuneka abafundi bekubonakalisile, ukuphumeza iZiphumo zesiFundo kwibanga ngalinye.

**UHlolo olusisiseko –** ukuhlola ngeenjongo zokufumana ulwazi loko sele bekwazi abafundi.

**UHlolo oluzingileyo –** umzekelo wokuhlola okhuthaza ukudityaniswa kokuhlola ekufundiseni nasekuphuhlisweni kwabafundi ngokunika ingxelo eqhubekayo.

**Iziphumo ezingundoqo –** zihlangene neZiphumo Zophuhliso, iziphumo ezingundoqo zeNkcazelo yeKharityulamu yeSizwe, ezikhuthazwa nguMgaqo Siseko ziquka izakhono zobomi ezingunqodo zabafundi, ezifana nonxibelelwano, iingcamango ezicingisisiweyo, umsebenzi nokulawulwa kolwazi, umsebenzi wamaqela noluntu, nokuvavanywa / nokuhlolwa kobuchule.

**Ikharityhulamu 2005 –** oku kubhekiselela kwingxelo yokuqala yeNkcazelo yeKhaityhulam yeSizwe evele emva kwexesha localu-calulo. Lo mqulu wenkqubo / wepolisi yezemfundo unika isiboniselo sokukhula sobuMntwana obuNcinci, iMfundo Jikelele noQeqesho, iMfundo eqhubekayo noQeqesho neMfundo esiSiseko Yabadala noQeqesho. INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe ephinde yaqwalaselwa inenjongo yayo yokomeleza iKharityhulamu 2005.

**Iziphumo ezakhayo –** zihlangene neZiphumo eziQondileyo, iziphumo ezingundoqo zeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, ezikhuthazwa nguMgaqo Siseko ziquka ubuchule bobomi obungudoqo babafundi, ezifana nonxibelelwano, iingcamango ezicingisisiweyo, umsebenzi nokulawulwa kolwazi, umsebenzi wamaqela noluntu, nokuvavanywa kobuchule.

**IBanga eliphumayo** – xa abafundi begqibezela ibanga le-9 baze banikwe iSiqinisekiso seMfundo noQeqesho.

**UHlolo okwakhayo –** esi simo sokuhlola sihlola inkqubela yomfundi ngexesha lenkqubo yokufunda ngenjongo yokunceda ngengxelo, eya kuthi yomeleze ukufunda.

**Isigaba esisiSeko –** esi sisigaba sokuqala seMfundo noQeqesho Jikelele - Amabanga R, 1, 2 no 3.

**Ibakala leMfundo noQeqesho Jikelele –** iminyaka elishumi esisinyanzelo sokuhamba isikolo, yakhiwe ngezi zigaba: isiSiseko, eliphakathi neliphakamileyo.

**Isiqinisekiso seMfundo noQeqesho Jikelele –** isiqinisekiso esifunyanwa wakugqiba ibakala leMfundo noQeqesho Jikelele.

**Ukuhlanganisa –** uyilo lwemigaqo engundoqo yeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, enyanzelisa ukuba abafundi basebenzise ulwazi lwabo nobuchule obuvela kezinye kwiNkalo yeziFundo, okanye ezivela kwiindawo ezahlukeneyo zale Nkalo yokuFunda inye, ukwenza imisebenzi.

**Isigaba esiPhakathi –** esi sisigaba sesibini seMfundo noQeqesho Jikelele - Amabanga 4, 5 no 6.

**Ulwimi lokufunda nokufundisa –** ulwimi olusetyenziswe kwimo ethile yokufunda neyokufundisa. Abanye abafundi bathi bafumane amava ekufundeni nasekufundisweni ngolwimi olongezelelweyo (ingelulo ulwimi lwabo lweNkobe).

**IiNkalo zeziFundo –** IiNkalo zeziFundo ezisi-8 zolwazi kwiNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe: Iilwimi, iMathematiki, iziFundo zeNzululwazi ngezinto zeNdalo, ezoBuchwepheshe, iiNzululwazi zeNtlalo, uBugcisa neNkcubeko, isiFundo esibhekisele kuBomi, neNzululwazi ngezoQoqosho nezoLawulo.

**IiNkcazelo ngeeNkalo zeziFundo –** iNkcazelo ngeNkalo yesiFundo nganye, ukumilisela iZiphumo zeziFundo neMigangatho yokuHlola.

**IZiphumo zeziFundo –** iziPhumo zeziFundo ziphuma kwiziPhumo ezinguNdoqo nezoPhuhliso, uze uchaze ukuba yintoni na abafundi emabakwazi ukuze babe nakho ukukwenza ekupheleni kwebanga.

**Ingxelo yomfundi –** inkqubo  egqibeleleyo yenkqubela-phambili yomfundi, iqulathe ulwazi ngaye, ukuphuhliswa kwentlalo, iimfuneko zokuxhaswa ngoncedo, iisampulu zomsebenzi neengxelo zonyaka.

**Iinkqubo zokufunda –** inkqubo zemisebenzi yomfundi iquka umxholo neemethodi zokufundisa ezi zikhokelwa yiNkcazelo yeKharityhulamu yesizwe kodwa yenziwa ngamaphondo, izikolo neetitshala

**Isixokelelwano sesizwe sokukhowuda –** umgangatho ongumxokelelwano wesizwe wengqokelela yemithetho ecwangcisiweyo ukwenza ingxelo ngenkqubela-phambili yomfundi.

**Iziphumo –** ezi ziziphumo zokuphela kwenkqubo yokufunda kwimfundo esekeke kwiziPhumo ezi ziphumo zincedisa ekwakheni inkqubo yokufunda.

**ImFundo esekeke kwiziPhumo –** yinkqubo ethatha ixesha negxininisa ekuphumeleleni, isekeke kwimisebenzi eyenziwayo kwaye iyinkqubo yemfundo egxininisa okanye engqonge umfundi. Ekulandeleni le ndlela, iKharityhulamu 2005 kunye neNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, zinenjongo yokukhuthaza ukufunda kwanaphakade.

**Ipotifoliyo –** ifayili okanye iqweqwe lokugcina amaphepha omsebenzi womfundi ngamnye.

**Inkqubela-phambili** – uyilo olungundoqo lwemigaqo yeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, eyenza ukuba umfundi abe nakho ukuphuhlisa ngokuthe chu ulwazi olukumgangatho ophezulu, olunzulu, nolubanzi kunye nezakhono, nokuqonda kwibanga ngalinye.

**Uludwe lwenkqubela-phambili –** sixhobo sokuphela konyaka sokurekhodisha inkqubela-phambili yabo bonke abafundi bebanga, kubandakanya iingqokelela yemithetho ecwangcisiweyo yenkqubela-phambili kwiNkalo yesiFundo nebanga ngalinye, namagqabantshitshi okubonelela ngoncedo olufunekayo.

**UHlolo okushwankathelayo –** olu hlobo lwahlukile kuhlolo olwakhayo, njengoko lumalunga neengxelo zesiqhelo zenkqubela-phambili zomfundi, ezidla ngokuphuma ekupheleni kweXesha amisiweyo onyaka nonyaka.

## INKCAZELO YAMAGAMA ENKALO YESIFUNDO

**Ulwimi olongezelelweyo –** lulwimi olufundwayo olongezwe kulwimi lweNkobe.

**INkqubo yoNgezelelo kwiiLwimi eziNinzi –** xa umntu efunda ulwimi ( iilwimi) ukongenza kulwimi lwakhe lweNkobe. Oku akuthathi ndawo yolwimi lweNkobe koko lufundwa kunye nalo.

**Ubuhle –** ukusetyenziswa koLwimi ukuyila into ngokucokiseka nangolonwabo.

**Izicatshulwa ezinobunyaniso** – izicatshulwa ezisetyenziswa kwihlabathi ( amanqaku amaphepha-ndaba neemagazini, izazisi, iilebhile, iincwadana, iifomu, iileta).

**Ucalulo lokuvakalayo –** ubuchule bokwahlula phakathi kwezandi ezahlukeneyo zolwimi.

**Inkqubo yolungelelwaniso kukukwazi ukufunda nokubhala –** inkqubo exhasa ulwazi olusiseko oluzenzekelayo olukhuthaza abafundi ukuba bonwabele iincwadi nokugqalisela kwintsingiselo nokubanika ubuchule neendlela zokukhulula ubhalo lwamagama.

**Uvutho-ndaba –** elona nqanaba libalulekileyo kwibali apho zonke iziganeko zisencochoyini kwaye ibali liya ekupheleni.

**Ukunamathelana –** ulwimi oluvuselela iimvakalelo ezinamandla.

**Imeko –** isicatshulwa sisoloko siveliswa kwaye sisamkelwa kwimeko. Isicatshulwa kufuneka siyifanele imeko.

**Ulwimi oluchukumisayo –** ulwimi oluvuselela iimvakalelo ezinamandla.

**Ulwimi lwamazwe ngamazwe –** ulwimi oluthethwa ngapha kwemida yoMzantsi Afrika.

**Isicatshulwa esicacisayo –** isicatshulwa esibandakanya ingcaciso.

**Ulwazi olusiseko oluzenzekelayo –** oku kubhekiselele kulwazi lomntwana olukhulayo lwegama elishicilelweyo. Abantwana babona ushicilelo kwimeko bume yendawo kwaye baqale ukuqonda injongo yako. Basenokuba namabali abawabaliselweyo okanye abawafundileyo baze bafunde ukuba amabali asebenza njani kwaye zintoni iincwadi. Phambi kokuba baye esikolweni sebesazi lukhulu. Basenokuzama ukubhala amagama abo besebenzisa iingcinga malunga nonobumba nopelo ( upelo olusisiseko oluzenzekelayo) kwaye basenokwenza ngathi bafunda incwadi. Oku sisiqalo sobuchule bokufunda.

**Isakhelo –** ukuxhaswa kwethutyana ekubhaleni okanye ekuthetheni, umzekelo utitshala anganika esi sakhelo sokubhalwa kwesivakalisi silandelayo:

Andimthandi kuba----------

**Ulwimi olusisimiselo –** ulwimi olufundwa ngokwenxalenye (njengemibuliso). Lusoloko lunxumene neemeko ezithile. Xa siqala ukufunda ulwimi sifunda ngolu hlobo. Kancinane kancinane siqala ukwenza intsingiselo yezimo nemithetho yolwimi kwaye sikwazi ukuvakalisa iingcinga zethu ngeendlela ezilula.

**Ukufunda ngokukhawuleza –** ukufunda isicatshulwa ngokukhawuleza ukufumana inkcazelo jikelele.

**Ukukrwaqula –** ukubalekisa amehlo kwisicatshulwa ukufumana ulwazi oluthile. (ukukrwaqula incwadi yefowuni ufuna igama nenombolo okanye ithayimthebhuli ufuna ixesha lokuhamba kwebhasi).